## ISILUMKISO/INKQUBO YOKUHLELA

Molweni

Namkelekile kwaNECT kwinkqubo yoLwimi lwaseKhaya!

Qaphela ukuba ubhalo lwale nkqubo yoLwimi LwaseKhaya, Ikota yesi-2 lwenziwe kwixesha elifutshane kakhulu. Ngaso ke esi sizathu, siyavuma siqonda ukuba lungakho uhlelo notshintsho olungenzeka.

Singathanda ke ukuba ungathatha ubumnini kule nkqubo, ze usebenzisane neqela labahleli bethu ekuyiqwalaseleni kwakhona le nkqubo, ngenjongo zokuphucula olu guqulo. Ukuba uthe wafumana iimpazamo, nantsi imiqathango ngezantsi omawuyilandele:

**1** Thumela iimeyile kwidilesi engqamene nolwimi lwakho kwezi zingezantsi:
xitsonga@homelanguage.co.za
tshivenda@homelanguage.co.za
sepedi@homelanguage.co.za
siswati@homelanguage.co.za
isizulu@homelanguage.co.za
isindebele@homelanguage.co.za
isixhosa@homelanguage.co.za
sesotho@homelanguage.co.za
setswana@homelanguage.co.za
afrikaans@homelanguage.co.za
english@homelanguage.co.za

**2** Kula mgca ukubuza ngesizathu sokuthumela iimeyile, cacisa ngokuthe gca ofuna kutshintshwe. Umzekelo kwi: BANGA 3 IKOTA 2 KWISICWANGCISO SESIFUNDO, AMAPHEPHA 45–47.

**3** Kwiimeyile ubuqu, bhala uluhlu lwazo zonke iimpazamo ofuna zilungiswe. Okanye unganceda ngokuzenza ezi zilungiso kwikopi yakho yesicwangciso ze uzisikene okanye uthathe ifoto yephepha, ze uzithumele ngeimeyile.

**4** Ukuba kukho ezinye iingxaki ezinkulu ozibonayo ongafuna zifumane ingqwalasela yethu, bhala kwakhona usebenzisa la dilesi yeimeyile, ze kula mgca obuza isizathu kwiimeyile bhala ngokucacileyo. Umzekelo: UBUNGQINA BOLWINI OBUSETYENZISWA KWINGINGQI YAM.

**5** Ze kubuqu beimeyile, unike ingcaciso ethe vetshe ngomba lowo.

**6** Nceda uthumele iimeyile enamagama akho, isikhundla sakho nenombolo zefowuni ofumaneka kuzo; ukuze sikwazi ukukufumana ukuba sifuna ezinye ingcaciso okanye sibe nengxoxo nawe.

**7** **Sibulela kakhulu ngokufaka ubuchwephesha bakho kule nkqubo! Sifuna ukuqinisekisa ukuba siphuma nesicwangciso esinyanisekileyo nesamkelekileyo kwiilwimi zonke ezikule nkqubo.**

# Isiqulatho


Ezolawulo Ngale Nkqubo v
Iindlela Zokufundisa Ezingundoqo xiii

**Iveki 1 Umxholo: Abahlobo 1**
Ngomvulo 3
Ngolwesibini 7
Ngolwesithathu 12
Ngolwesine 17
Ngolwesihlanu 21

**Iveki 2 Umxholo: Abahlobo 25**
Ngomvulo 27
Ngolwesibini 32
Ngolwesithathu 37
Ngolwesine 42
Ngolwesihlanu 46

**Iveki 3 Umxholo: Izinto ezikhulayo 51**
Ngomvulo 53
Ngolwesibini 58
Ngolwesithathu 63
Ngolwesine 69
Ngolwesihlanu 73

**Iveki 4 Umxholo: Izinto ezikhulayo 77**
Ngomvulo 79
Ngolwesibini 84
Ngolwesithathu 89
Ngolwesine 94
Ngolwesihlanu 98

**Iveki 5 Umxholo: Izilwanyana 103**
Ngomvulo 105
Ngolwesibini 109
Ngolwesithathu 114
Ngolwesine 119
Ngolwesihlanu 123

# Ezolawulo Ngale Nkqubo

## Isiphumo sesiFundo

Kule Kota, abafundi bakho kumele babe bazifumene ezi ziphumo zesifundo ezilandelayo;

### UKUMAMELA NOKUTHETHA

1. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukutsho okanye bacule imibongo emi 4 okanye iingoma.
2. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo kwigumbi lokufundela besabelana ngolwazi olungaphambili.
3. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuthatha inxaxheba kwingxoxo engebali eli belifundwa noTitshala besebenzisa isicwangciso/isakhelo sengxoxo njengesikhokelo.
4. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukwakha awabo amabali
5. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukwabelana ngemisebenzi yabo yokubhala.
6. Abafundi kumele ukuba bayasiqonda kwaye bayakwazi ukusisebenzisa esi sigama silandelayo.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| umgangatho | ukuba nentloni | ukuba nobubele | ukukhubeka uwe | ukukhubeka emphefumlweni | ukukhutyekiswa |
| ukulunga | ukungalungi | ukuxolela | engaqhelekanga | ibhaki | imusi |
| | | | emadlelweni | ukuba lilolo | ukuhlala nabanye |
| eqhelekileyo | engaqhelekanga | engakholelekiyo emehlweni | ukukhula | umhlaba | imbewu |
| ukuguba | ukubhaka | ingqolowa | ukonqena | ukusebenza | ukuntshula |
| imbewu | izondlo | izityalo | ukutyala kwakhona | iyatyeka | iziqhamo |
| imifuno | ukuphila | iingcambu | phantsi komhlaba | imikhombe | izilwanyana ezisecicini lokuphela |
| abazingeli ababulala izilwanyana ngokungekho mthethweni | gada | khusela | vela | ngokungekho mthethweni | ukuzilahlela |
| ukuphila | iillama | iwulu | ukunyoluka | ukuba nobubele | intsomi |
| indawo eziphakamileyo | intlambo | uluntu | exabisekileyo | okuhle | okubi |
| zilolonge | umlandeli / umxhasi | izixhobo | imbasa | intshatsheli | ugqatso |
| ukuthanda | ikroti | ukapteyini | idada | umthetho | qokelela |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| enye phezu kwenye | inqaba | chitha | itoti | faka ezipalini | khuphisana |
| ukhuphiswano | ukwakha | izixhobo zokwakha | ukomelela | izitena | imotha |
| ikhuselekile | leqa | khusela | ukukhefuzela | IiOrungatan | ingqwelo edilizayo |
| ukutshabalalisa | abahlali bendawo | iyancipha | iyaphela | gcina | ukundumzela |
| isinyanzelisi | | | | | |

**IZANDI NEZANDI ZOPELO**

1 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuziva ze bazitsho izandi
2 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzibona ezi izandi zilandelayo
3 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuwohlula ze baphinde bawadibanise amagama

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| t | k | f | g | j | y |
| p | h | w | x | v | q |
| z | r | bh | ch | | |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuwohlula la magama alandelayo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| iti | itoti | utata | itutu | ititi | kama |
| kubi | ikati | isikolo | ikeyiki | fola | funa |
| ufifi | faka | ifani | gada | igila | igama |
| igaba | jama | jika | ijoko | ijaji | ijezi |
| joja | yona | yiyo | yena | iyeza | yoyele |
| ipapa | ipana | ipeni | ipali | ipilisi | ihobe |
| ihamile | ihodi | wena | wola | iwaka | iwele |
| iwile | iwigi | xola | xela | xoxo | xuba |
| ixelegu | vela | iveni | vula | vuya | vuleka |
| ivili | qala | qaba | qiqa | qoqa | qula |
| zoba | zola | zula | zila | izolo | biza |
| irula | irayisi | irandi | bhabha | bheka | bhula |
| bhala | ibhola | bhekela | chola | chuba | chila |
| cheba | uchuku | ichiza | | | |

## UKUFUNDA

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzicalula ezi izandi zilandelayo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| iti | itoti | utata | itutu | ititi | kama |
| kubi | ikati | isikolo | ikeyiki | fola | funa |
| ufifi | faka | ifani | gada | igila | igama |
| igaba | jama | jika | ijoko | ijaji | ijezi |
| joja | yam | yona | yiyo | yena | iyeza |
| yoyele | ipapa | ipana | ipeni | ipali | ipilisi |
| hamba | ihobe | ihamile | ihodi | wena | wola |
| iwaka | iwele | iwile | iwigi | xola | xela |
| xoxo | xuba | ixelegu | vela | iveni | vula |
| vuya | vuleka | ivili | qala | qaba | qiqa |
| qoqa | qula | zoba | zola | zula | zila |
| izolo | biza | irula | irayisi | irandi | bhabha |
| bheka | bhula | bhala | ibhola | bhekela | chola |
| chuba | chila | cheba | uchuku | ichiza | |

Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukufunda la magama abonwa njalo

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| umdlalo | ebhidekile | akuqhelekanga | incochoyi | ubuhlobo | umfama |
| iimpondo | izilwanyana | imusi | tyala | imbewu | ukuhluma |
| izithole | ukukhula | ukunceda | umnyiki | isitiya | zikhule |
| ukunqanda | endle | iqhawe | ukuzingca | khusela | zingela |
| sijija | uboya | senza | iwulu | ifele | ihlombe |
| bukela | intshatsheli | hlala | phanda | ezemidlalo | imidlalo |
| umdlalo | kunye | sonke | masakhe | imizi | eyomeleleyo |
| zethu | indlu | kufuneka | ukhethe | ngobulumko | izinto |
| konke | | | | | |

## UKUQIQA NOKUQONDA

1. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuqikelela okuza kwenzeka ebalini besebenzisa imifanekiso
2. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukukhumbula iinkcukacha ngebali .
3. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubalisa ibali elifundiweyo.
4. Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuchaza okwenzeka kuqala okulandelayo nokokugqibela ebalini.

5 Abafundi kumele ukuba bayakuqonda ukuba kuthetha ukuthini ukuba nomfanekiso ngqondweni, ukuyifunda ivaliwe nokucinga ngebali.
6 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuxoxa ngebali besenzisa isakhelo sengxoxo.
7 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuphendula imibuzo yebali.

### UKUBHALA

1 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukuzoba umfanekiso obonisa ukuqonda ibali.
2 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukufakela iinkcukacha kwimizobo yabo.
3 Abafundi kumele ukuba bayakwazi ukubhala izivakalisi ezifutshane besebenzisa isakhelo sokubhala.

### UKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA

1 Abafundi bafanele ukuba bakwazi ukufunda ngokuvakalayo kwincwadi abakumgangatho wayo bekunye notitshala kwiqela elikumgangatho olingana nowabo.
2 Abafundi bafanele ukuba bakwazi ukusebenzisa ukwazi ngezandi, imizekelo ebonakalayo ze bakwazi ukubona amagama axhonyiweyo xa befunda.
3 Abafundi kufuneka bakwazi ukuqala ukuzilawula ngokwabo ukuqaphela amagama nengqiqo nokuqonda

## IziXhobo zokuFunda eziphuma nale nkqubo

**Qaphela: Izixhobo ezi ziphuma nale nkqubo zezesikolo. Kwaye ziphuma kube kanye, ngako ke qinisekisa ukuba ziyabhalwa phantsi ze ziphatheke ngononophelo.**

Kwikota yesi-2 uTitshala ufumana ezi zixhobo zilandelayo:

1 **Iitshati ezixhonywayo ezimabala-bala x 4**
Sebenzisa ezi tshati ukuxhoma umsebenzi wakho weveki. Kwiveki nganye xhoma: izandi zeveki namagama aqala ngezandi, amagama abonwa njalo, amagama asekelwe kumxholo, imifanekiso enamagama esekelwe kumxholo nesakhelo sokubhala.
2 **Iitshati zokufundisa ukubhala ngesandla**
Ezi tshati mazixhonywe ngaphambili eklasini ukuqinisekisa ukuba ziyabonakala kubo bonke abafundi. Kwibanga loku – 1 nelesi – 2 ooTitshala baza kufumana iitshati zokubhala ngesandla, ze kwibanga lesi-2 nelesi – 3 ooTitshala bafumane iitshati zokubhala ngesandla nezokubhala ngokudibanisa.
3 **Isicwangciso seSifundo Ikota yesi-2**
Sebenzisa esi sicwangciso ukukukhokela kwizakhono ekufuneka uzifundisile. Iindlela zokuFundisa ezinguNdoqo zicacisa indlela yokufundisa isifundo ngasinye. Kwiiveki ezimbini zokuqala kwiKota yesi-2 uza kulandela inkqubo yokuziqhelanisa nale nkqubo.

4 **Ikota yesi-2 iTreka**
Sebenzisa itreka yakho ukuzalisa Isicwangciso sakho sonyaka nesekota. Faka uphawu nomhla kwisifundo ngasinye nomsebenzi wohlolo njengoko ubonisiwe. Emva kwesifundo ngasinye bhala iingcinga zakho ngesifundo.

5 **Ikota yesi-2 INcwadi eNkulu**
Sebenzisa amabali akwiNcwadi eNkulu ngexesha Lokufunda noTitshala. Amabali kule Kota asi – 8, oko kuthetha ukuba ibali elinye ngeveki.

6 **Ikota yesi-2 Izixhobo Zokufunda**
Izixhobo zokufunda ziquka oku kulandelayo:

7 **Oonotsheluza bamagama** baquka amagama asekelwe kumxholo, amagama abonwa njalo, izandi nezandi magama. Wasike la magama ze uwabeke ngokulandelelana kwindawo ecocekileyo. Sebenzisa itshati ukuxhoma oonotsheluza.

8 **Imifanekiso enamagama asekelwe kumxholo** le mifanekiso inamagama inikwezwe apho kufanelekileyo. Yisike ze uyibeke ngokulandelelana kwindawo ecocekileyo. Sebenzisa itshati ukuxhoma oonotsheluza.

9 **Imisebenzi esekelwe kuBugcisa bokubalisa ibali** ikhona kumxholo ngamnye.
Le misebenzi iquka imifanekiso emi-3 ukuya kwemi-4 ebalisa ibali. Umfanekiso ngamnye unamaphepha ali-10 omsebenzi. La maphepha alingana nenani lala maqela mancinane ngako ke iqela ungalinika amaphepha afanayo. Kopa / Shicelela amaphepha ngokwesidingo sakho.

10 **Incwadi yoMsebenzi wokuHlola** uyinikiwe ukubhala iziphumo zabafumdi nokucaphula ngokwenzekileyo kwiKota.

11 **Ikota yesi-2 Amaphepha omsebenzi wokufunda x 10**
Amaphepha omsebenzi wokufunda asi-8 uwanikiwe kule kota. Usebenzisa iphepha elinye ngeveki ukuqala kwiveki yoku-1 ukuya kweye – 10. Sebenzisa la maphepha neklasi yonke ngexesha lokufunda namaqela ngoncedo lukaTitshala. Iphepha ngalinye kula asi-10 linamaphepha angama-20. Kopa/ Shicelela amaphepha ngokwesidingo sakho.

## Ezesiqhelo zeveki: 7 iiyure

1 Le nkqubo yokufunda ilandela imisebenzi eminye yemihla ngemihla iveki neveki.

2 Oku kwenza kube lula kooTitshala nabafundi ukulandela le nkqubo.

3 Abafundi bangalungiselela umsebenzi olandelayo xa sebeyazi inkqubo yemisebenzi yemihla ngemihla.

4 Lo msebenzi wesiqhelo usekelwe kwixesha elincinane elinikwe kwi – CAPS kuLwimi LwaseKhaya eliziiyure ezisi-7 ngeveki.

5 Ezesiqhelo zakhiwe ngendlela yokuba zisebenze ngokufanayo kuLwimi LwesiNgesi oluyinxalenye yale nkqubo yePSIRP.

6 Nceda uxhome lo msebenzi wesiqhelo kwigumbi lakho lokufundela, uwufunde de uwazi ngentloko!

| NGOMVULO | | NGOLWESIBINI | | NGOLWESITHATHU | | NGOLWESINE | | NGOLWESIHLANU | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Imisebenzi yeOrali | 15 | | | Imisebenzi yeOrali | 15 | | | Imisebenzi yeOrali | 15 |
| | | Izandi | 15 | Izandi | 15 | Izandi | 15 | Izandi | 15 |
| Ukubhala ngesandla | 15 | Ukubhala ngesandla | 15 | Ukubhala ngesandla | 15 | | | | |
| Ukufunda noTitshala | 15 | Ukufunda noTitshala | 15 | | | Ukufunda noTitshala | 15 | Ukufunda noTitshala | 15 |
| Ukubhala | 30 | | | Ukubhala | 30 | | | | |
| Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 | Ukufunda ngamaqela ancediswa nguTitshala | 30 |
| **1.45** | | **1.15** | | **1.45** | | **1.00** | | **1.15** | |

## Ulungiselelo lweveki

Kubalulekile ukukhumbula ukuba le nkqubo seyibenzele ooTitshala isicwangciso sesifundo, oku kunceda ukunciphisa ixesha njengoko uTitshala ENGASACWANGCISI, kodwa UKUZILUNGISELELA ukufundisa isifundo kuyafuneka kakhulu. Udinga nje imva kwemini enye uze uzilungiselele uncedisana noogxa bakho abafundisa kwesi sigaba.

**Xa nizilungiselela, khumbulani oku:**

1. Fundani isicwangciso sesifundo seveki.
2. Qinisekisani ukuba niyakwazi kwaye niyakuqonda ekufuneka kwenziwe, ukuba aniqinisekanga yiyani Kwiindlela zokuFunda ezinguNdoqo nihlaziye ulwazi lwenu.
3. Okulandelayo, jongani ukuba ngabaphi oonotsheluza nemifanekiso efunekayo kumxholo, amagama asekelwe kumxholo, amagama abonwa njalo, izandi nesakhelo sokubhala.
4. Oonotsheluza nemifanekiso mabalungiswe ngolu hlobo:
    - **a** Sika oonotsheluza okanye sika imifanekiso.
    - **b** Ncamathelisa kwiphepha okanye kwibhokisi.
    - **c** Ukuba unako faka iplastiki okanye ulamineyithe.
    - **d** Gcina aba notsheluza kwimvulophu okanye ubafake irekeni.
5. Qokelela zonke ezinye izixhobo onokuthi uzifune kuquka imifanekiso nezinto eziphathekayo.
6. Jonga ukuba unayo na iNcwadi eNkulu.
7. Funda yonke imisebenzi ekwincwadi yeDbe ekumele uyenze.
8. Ziqhelanise nomsebenzi wonke wokubhala.
9. Qinisekisa ukuba iTreka yakho uyizalisile kumsebenzi weveki ephelileyo, waye ucaphule ngezifundo zakho zeveki ephelileyo.

## Uludwe lwenkqubo yokuFunda neMixholo

| INANI LEVEKI | UMXHOLO | ITEKISI YOKUFUNDA NOTISHALA | AMAPHEPHA OMSEBENZI WOKUFUNDA |
|---|---|---|---|
| 1 | Abahlobo | Izihlobo ezingoo 'A' | 1 |
| 2 | Abahlobo | Inkomo nemusi | 2 |
| 3 | Izinto ezikhulayo | Isikhukukazana esibomvu | 3 |
| 4 | Izinto ezikhulayo | UKhwezi ufumene umnyiki | 4 |
| 5 | Izilwanyana | IiMamba ezimnyama zikaMunene | 5 |
| 6 | Izilwanyana | Isizathu sokuba iillama zihlale kwiindawo eziphezulu | 6 |
| 7 | Ezemidlalo nemidlalo | USiphelo uhlangana neqhawe lakhe | 7 |
| 8 | Ezemidlalo nemidlalo | Masidlale uBhathi | 8 |
| 9 | ........ezintathu | Iihagwana ezintathu | 9 |
| 10 | ........ezintathu | Ii0rangutan ezintathu ezincinane | 10 |

## Ikota yesi-2 Inkqubo YoHlolo

Inkqubo yoHlolo iyilwe ngokwe 'Abridged Section 4 of CAPS '. Le nkqubo iyafumaneka ngasemva kwiTreka yekota nganye.

## Iitshati ezixhonywa kwigumbi lokufundela

### ITSHATI EZIXHONYWAYO

1. Njengenxalenye yale nkqubo uza kunikwa iitshati ezine ezinkulu ezimabala-bala zokuxhoma eklasini.
2. Umbala ngamnye uza kusetyenziswa ukuxhoma isigama esahlukileyo seveki.
3. Sebenzisa ezi tshati ngolu hlobo:
   a. **Itshati eluhlaza okwengca** – xhoma amagama eveki asekelwe kumxholo nemifanekiso yawo.
   b. **Itshati eluhlaza okwesibhakabhaka** – xhoma amagama esiwabona njalo kulo veki
   c. **Itshati etyheli** – xhoma izandi namagama asekelwe kwizandi zeveki.
   d. **Itshati epinki** – xhoma isakhelo sokubhala seveki.
4. La magama axhonywa kwezi tshati makahlaziywe iveki neveki.
5. Nceda ungayeki amagama asekelwe kwimixholo nemifanekiso yawo axhonywe unyaka wonke. Okuxhonywe kwezi tshati makungqamane nomxholo owenzayo. Ukuba uwayeka onke la amagama asekelwe kwimixholo nemifanekiso yawo, iklasi yakho

ixinana kakhulu kwaye abantwana baphele sebengazi apho kufuneka bejonge khona. Bavele bayeke ukujonga kwaphela.

6 Xa uwothula amagama nemifanekiso qinisekisa ukuba uwagcina kakuhle.

7 Khumbula la magama nemifanekiso uza kuphinda uwasebenzise kunyaka ozayo.

## ITAFILE YOMXHOLO

1. Yakha itafile esekelwe kumxholo lo wenziwayo eklasini yakho.
2. Sebenzisa le tafile ukubonisa imifanekiso nezinto eziphathekayo ezingqamane nomxholo.
3. Ziphawule ngamagama ezi zinto ukuze abafundi bawazi amagama azo, befunda nesigama esitsha.

# Iindlela Zokufundisa Ezingundoqo

## Ulawulo kwigumbi lokufundela

Ezinye zendlela zokulawula kwigumbi lakho lokufundela sizifake njengeendlela zokufundisa ezingundoqo. Ezi ndlela zokufundisa sizisebenzisa lonke ixesha kule nkqubo, ngoko ke kubaluleke kakhulu ukuba uziqhelanise nazo de uzazi.

***Injongo yezi ndlela zokufundisa ezingundoqo:*** *Kukuphucula ixesha olithathayo ukugqiba umsebenzi ngamnye, indlela abaziphatha ngayo abafundi nokuphucula intsebenziswano phakathi kwabafundi. Ukunciphisa ukuphazamiseka ekufundeni nokwazisa isakhono sokudlala ekufundeni.*

### UKUHLALA NAMAQELA AMANCINCANE

1. Kubalulekile ukunika ixesha nengqwalasela kwindlela ohlalisayo ngayo abafundi kwigumbi lokufundela.
2. Xa usenza oko, naku ekufuneka kuqwalaselwe:
   a. **Baxube abafundi ngokwezakhono zabo ezahlukeneyo** – awufuni kuhlalisa abafundi ekunzima kubo bodwa kananjalo ungafuni ukuhlalisa abafundi ababukhali bodwa. Baxube abafundi bakho ukwenzela ukuba igumbi lakho lonke lokufundela libe ngumxube.
   b. **Hlalisa abafundi bakho ngenyameko ukukhusela ingxabano nengxolo kwigumbi lokufundela.** Sukuhlalisa abafundi abathanda ukuhluphana ndawonye. Sukuhlalisa nabafundi abathanda ukuthetha ndawonye. Baleka ezi ngxaki ngokubohlula aba bafundi.
3. Kule nkqubo kukho imisebenzi embalwa efuna ukuba abafundi basebenze kunye kumaqela amancincane.
4. La maqela aquka abafundi aba-3 ukuya kwaba – 4, behleli kufutshane omnye komnye. Wenza oku ukwenzela ukuba xa uxelela abafundi ukuba mabasebenze kumaqela abo amancincane bakwenze oko ngokukhawuleza bengachithi xesha kuba abahambi kakhulu.
5. Ukuba abafundi bakho bahlala ngokwemiqolo indlela elula yokwakha la maqela kukuba abafundi ababini kumqolo wokuqala mabajike bajonge abafundi ababini kumqolo osemva kwabo. Oku kwenza iqela elinabafundi aba-4 ngokukhawuleza nangempumelelo.
6. Lo msebenzi sukuwuyekela kubafundi. Gqiba ngendlela oza kuyisebenzisa ukwakha la maqela, ze ufundise abafundi bakho indlela yokuya kumaqela ngokukhawuleza bethe cwaka.

7 Ukuba uyabona ukuba kukho iqela elingasebenzisani kakuhle, litshintshe elo qela unganyanzeli.

## UKULAWULA IINGXOXO KUMAQELA

1 Kule nkqubo, kukho imisebenzi efuna abafundi babambe iingxoxo kumaqela.
2 Fundisa abafundi bakho ukwenza oku kulandelayo:
  a Okukuqala, abafundi mabahlale kumaqela abo amancinci.
  b Okwesibini, mabathathe ingqalelo kumbuzo nngxoxo okanye isakhelo.
  c Wonke umfundi makanikwe ithuba lokuphendula umbuzo:
    - Umfundi woku– I makaphendule umbuzo woku –1
    - Umfundi wesi– 2 makaphendule umbuzo woku –1
    - Umfundi wesi– 3 makaphendule umbuzo woku – 1
    - Umfundi wesi– 4 makaphendule umbuzo woku –1
    - Umfundi woku–I makaphendule umbuzo wesi-2
    - Umfundi wesi–2 makaphendule umbuzo wesi-2
    - Umfundi wesi–3 makaphendule umbuzo wesi-2
    - Umfundi wesi–4 makaphendule umbuzo wesi-2
    - Njalo njalo
3 Ingaba licebo elihle ukusebenzisa' intonga ethethayo'/ ilitye / nantoni na ephathekayo ukulawula oku.
  a Nika iqela ngalinye into ephathekayo enjenge litye okanye intonga ezotywe ngemibala –bala.
  b Lo mntu ubambe ilitye okanye intonga nguye onelungelo lokuthetha abanye eqeleni bamamele.
  c Xa egqibile ukuthetha ilitye okanye intonga mayidluliswe kolandelayo njalo njalo.
4 Ukuba kufuneka kunikwe ingxelo, emveni kokuba wonke umfundi ethethile eqeleni, makuvotelwe ezona mpendulo zigqwesileyo kumbuzo ngamnye.

## IMISEBENZI YOKUZIHLAZIYA EYENZIWA XA KUFUNDWA

1 Xa kufundwa ngamaqela ngoncedo lukaTitshala, uTitshala makasebenze namaqela amabini kuphela.
2 Phambi kokuba ahoye iqela lokuqala, kubalulekile ukuba abafundi bamnike inzolo utitshala. Njengoko uTitshala eza kusebenza namaqela amabini kubalulekile ukuthatha ithuba ashukumise abafundi phambi kokuba baqhubeke nomsebenzi wesibini kwiphepha lomsebenzi wokufunda.
3 Yenza oku kanje:
  a Xa ugqibile ukusebenza thumela iqela lokuqala ezidesikeni zabo
  b Abafundi mabayeke oko bakwenzayo bakunike inzolo.
  c Yenza umsebenzi wokuhlaziya abafundi ubashukumise.
  d Wakugqiba bahlalise phantsi ze bajonge Iphetshana lomsebenzi Wokufunda.
  e Cacisa umsebenzi olandelayo omawenziwe kwelaPhetshana lomsebenzi Wokufunda

f Uyabakhumbuza abafundi ukuba baqinisekise ukuba bawugqibile lo bebewenza umsebenzi phambi kokuba benze olandelayo.
g Biza iqela lesibini lizo kufunda nawe.

4 Sicebisa le migaqo mi-4 yokufunda nabafundi bakho:

### Umsebenzi woku – 1: UTitshala uthi

1. Phakamani bafundi.
2. Ndiza kunicacisela ngeentshukumo ezahlukeneyo esiza kuzenza, njengo kuzibamba entloko, ukubhabhisa ikayithi, ukushukumisa impumlo, ukuxhuma-xhuma kathathu; njalo njalo.
3. Ukuba ndithi 'utishala uthi', yenza oko kutshiwo ndim.
4. Ukuba anditshongo ukuba" utitshala uthi", yimani ngxi.
5. Ukuba umfundi uye washukuma ndingatshongo ukuba utishala uthi, lo mfundi uyaphuma emdlalweni ngokuthi ahlale phantsi.
6. Ophumelelayo ngulowo uzakushiyeka eme yedwa.

### Umsebenzi wesi-2: Umjayivo

1. Yalela abafundi baphakame.
2. Bacacisele ukuba uza kudlala umculo efowunini yakho.
3. Xa abafundi besiva umculo mabajayive.
4. Xa umculo ucima mabaqine.
5. Umculo mawulayitwe ucinywe amatyeli amabalwa, ukwenzela abafundi bajayive baphinde baqine amatyeli ambalwa!

### Umsebenzi 3: Shukuma, shukuma, qina

1. Yalela abafundi baphakame.
2. Yithi: shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, shukuma, qina !
3. Abafundi mabatsho kunye nawe shukuma, shukuma njengoko beshukumisa imizimba yabo'.
4. Xa kufikwa kuqina nkqi bathi cwaka!
5. Phinda phinda oku amatyeli ambalwa.

### Umsebenzi we – 4: Isitulo sam nam

1. Umfundi makaphakame ame ecaleni kwesitulo sakhe. Makubekho umgama wokushukuma eklasini.

2 Nika abafundi imiqathango emayilandelwe – mabenze konke oku ngokukhawuleza bethe cwaka.
3 Yonke le miqathango yayamene nesitulo befunda umbekwa-phambili.
4 Nika imiqathango ngolu hlobo:
    - Yima emveni kwesitulo sakho
    - Phakamisa isitulo sakho
    - Khwela esitulweni sakho
    - Nyathela ngaphaya kwesitulo sakho
    - Njalo njalo.

## Imisebenzi ye-orali

Xa kuqala izifundo zoLwimi LwaseKhaya ngoMvulo, ngolwesiThathu nangolwesiHlanu uya kufundisa i-orali. Ezi zizifundo zokuphulaphula nokuthetha zale nkqubo, ezilungiswe ngobuchule ukunika abafundi amathuba okuthetha umntu eyedwa.

### Fundisa amaGama aSekelwe kuMxholo

***Injongo:*** *Kukuphuhlisa izakhono zabafundi zokuqiqa nokucinga besebenzisa ulwimi lwezemfundo, ukuze kuphuhle isakhono sokufunda ngengqiqo nentekelelo nangolwazi oluphangaleleyo. Ukuxhobisa abafundi ngcono ngokusetyenziswa kolwimi olufanelekileyo ukuze bamelane nesiGaba samaBanga aPhakathi.*

1 Fundisa abafundi amagama amathathu asekelwe kumxholo.
2 Sebenzisa imethodi iPATS xa ufundisa amagama amatsha.
3 IPATS sisifinyezi sika Khomba, Lingisa, Xela, Yitsho.
4 Awuzisebenzisi zonke ezi zakhono ngexesha elinye ukhetha ezilungele elo gama ulicacisayo
    a P – Khomba umfanekiso okanye into yokwenyani.
    b A – Lingisa igama xa unako.
    c T – Xelela abafundi ukuba igama lithetha ukuthini ubanike nomzekelo.
    d S – Yitsho igama kwisivakalisi abantwana balibize emva kwakho.
5 Xa uwafundise onke amagama eveki asekelwe kumxholo waxhome kwibhodi yemiboniso edongeni kunye nemifanekiso yawo.
6 Asingabo bonke abafundi abaza kuwakhumbula onke la magama kwangoko. Ungazikhathazi ngoku, kwaye ungabenzi abafundi baphindaphinde igama amathuba amaninzi!
7 Abafundi baza kuhlangana nala magama matsha amathuba amaninzi kumxholo, kwaye baza kunikwa ithuba lokwakha isigama esise sabo.

## Ingoma okanye umbongo


***Injongo**: Ukuhlanganisa ulwazi lwamagama amatsha afundiswe abafundi. Ukufunda usebenzisa ukudlala.*

1 Ingoma okanye umbongo oza kuwufundisa abafundi ufumaneka kwisicwangciso sesifundo/seklasi.
2 Ekuhambeni kwexesha abafundi baza kuziqhela ezi ngoma nale mibongo de bazicule ngokuzenzekelayo.
3 Kodwa xa beqala ukuyifundiswa ingoma okanye umbongo, kufuneka ubafundise amagama, iintshukumo nesingqi (ukuba sikhona).
4 Fundisa ingoma okanye umbongo umqolo ube mnye ngexesha ngolu hlobo:
   - **a** Cula okanye ucengceleze umbongo wonke phambi kwabafundi. Cacisela abafundi intsingiselo xa kuyimfuneko.
   - **b** Cengceleza okanye ucule umqolo wokuqala abafundi balandele emva kwakho.
   - **c** Cengceleza okanye ucule umqolo wesibini abafundi balandele emva kwakho.
   - **d** Cengceleza okanye ucule umqolo wokuqala nowesibini kunye nabo, emva koko abafundi balandele emva kwakho.
   - **e** Qhuba ngolu hlobo de ugqibe ukufundisa umbongo okanye iingoma.
5 Yenza iintshukumo ezihambelana nengoma okanye umbongo rhoqo.
6 Nika abafundi ithuba lokuchonga ze bacule ingoma abayithandayo ekupheleni kosuku. Le yindlela emnandi yokuqukumbela usuku nokugxininisa amagama amatsha abawafundileyo.

## Yazisa umxholo: Ukukhangela ulwazi abanalo

***Injongo:** Ukuqonda ulwazi abafundi abanalo ngomxholo ukuze wakhe phezu koko bakwaziyo ngomxholo. Ukufundisa abafundi ukucwangcisa nokuhlela ulwazi abanalo ngemifanekiso usebenzisa ubuchule bemephu yengqondo.*

1 Kulo msebenzi utitshala uqala ngokwenza imephu yengqondo ngokukhawuleza ebhodini.
2 Utitshala uzoba isangqa esinegama lomxholo embindini webhodi.
3 *Okulandelayo, utitshala ubuza abafundi umbuzo othi: Nazi ntoni ngalo mxholo?*
4 Utitshala ubhala imibono/iimpendulo zabafundi kwimephu yengqondo. Kufuneka utitshala azame ukuhlanganisa ndawonye iimbono ezingqameneyo. Umzekelo ukuba umxholo uthi ‘ubuhlobo’ unganemephu yengqondo elolu hlobo:




5 Kwiveki yesibini kumjikelo weeveki, utitshala uza kusebenzisa le mephu yengqondo ukuncedisa abafundi ukuhlaziya obekufundwe kwiveki yokuqala yomxholo.

6 Utitshala ubuza abafundi umbuzo othi: Zintoni ezintsha, ezinika umdla esizifundileyo kulo mxholo ukuza kufikelela apha?

## Ubugcisa bokubalisa ibali iVeki 1

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisa ulwimi olutsha lungangxengwanga, ze basebenzise ulwazi abanalo ngomxholo nobugcisa ukuze bayile ibali elinentsingiselo. Ukuphuhlisa isakhono sabafundi sokugcwangcisa iziganeko ngokulandelana kwazo. Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisana nokuncedisana kumaqela amancinane.*

1 Lo msebenzi unika abafundi ithuba lokusebenzisa intelekelelo nobugcisa babo, amagama amatsha asetyenziswe kumxholo, isakhono sabo sokucwangcisa iziganeko ngokulandelelana kwazo beyila ibali elitsha.

2 Xelela abafundi ukuba mabahlale ngokwamaqela abo amancinane.

3 Nika iqela ngalinye iphepha elinobugcisa bokubalisa amabali ngomxholo. Eli phepha lifumaneka kwiPekhi yeziXhobo.

4 La maphepha anemifanekiso emi-3–4 enokusetyenziswa ukuyila ibali elihambelana nomxholo.
5 Xelela abafundi ukuba mabacinge ngebali elihambelana nemifanekiso.
6 Nika abafundi umzuzu ukuya kwemibini yokucinga ngeembono zabo.
7 Okulandelayo, umfundi ngamnye kwiqela lakhe makanikwe ithuba lokwabelana nabanye ngebali lakhe aliyilileyo.
8 Jikeleza, umamele abafundi abohlukeneyo bebalisa amabali abo.
9 Qokelela amaphepha uwagcine kakuhle aza kuphinde asebenze kwiveki elandelayo.
10 Khuthaza abafundi ukuba babalisele umntu ekhaya ngebali abaliyilileyo.

## Ubugcisa bokubalisa ibali iveki 2

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisa ulwimi olutsha lungangxengwanga, ze basebenzise ulwazi abanalo ngomxholo ukuze bayile ibali elitsha. Ukuphuhlisa isakhono sabafundi sokugcwangcisa iziganeko ngokulandelelana kwazo. Ukunika abafundi ithuba lokusebenzisana nokuncedisana kumaqela amancinane.*

1 Xelela abafundi ukuba mabahlale ngokwamaqela abo amancinane.
2 Nika iqela ngalinye iphepha elinobugcisa bokubalisa amabali ngomxholo.
3 Khumbuza abafundi ukuba kwiveki edlulileyo basebenzise imifanekiso ukuyila awabo amabali.
4 Kule iveki, abafundi masebenze njengeqela ukuthatha isigqibo ngebali leqela labo.
5 Khumbuza abafundi ukuba ibali kufuneka libonise ubugcisa bokucinga nengqiqo, kwaye kufuneka lihambelane nemifanekiso!
6 Cela abafundi bathule, bajonge kuwe.
7 Cela iqela elinye okanye amabini abalise amabali awo.
8 Bulela abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Ingxoxo ngoMxholo wokuFunda noTitshala

***Injongo:*** *Ukufundisa abafundi izakhono zokuqiqa nokucinga nokujonga iimeko nkalo zonke, isakhono sokushwankathela, ukuqeqesha ingqondo ukuze kuphuhle ezi zakhono. Ukunika abafundi amathuba ophuhlisa ukuzithemba ngokubanika amathuba enene angangxengwanga nokuvelisa iimbono zabo, ukuhlola/ukuvavanya, ukuqhagamshelanisa nokusifunda isimo sivaliwe.*

1 Ingxoxo ngeTekisi yokuFunda noTitshala ibali ngooLwesiHlanu.
2 Qala ubhale isakhelo sengxoxo ebhodini.
3 Okulandelayo, funda ze ucacisele abafundi isakhelo sengxoxo.
4 Abafundi kufuneka bazi ukuba nayiphi na impendulo yamkelekile, iimbono neempendulo. ezingafaniyo neziphikisanayo zamkelekile.
5 Ekupheleni kwesifundo, cela abafundi bakujonge baphulaphule.

6 Kwimizuzu embalwa yokugqibela cela abafundi abohlukeneyo okanye elinye lamaqela likunike iimpendulo.
7 Bulela abafundi ngeempendulo, neembono zabo.
8 Ukuba iimpendulo zabafundi azichanekanga okanye zifuna ukuphuhliswa balungise okanye ubuze imibuzo enyanzelisa ukuba impendulo ziphuhle

## Ukuqiqa nokuva izandi/ izandi zopelo/ukubhala ngesandla

**Ibanga 1& 2 (kude kuphele inkqubo yezandi)**

Ukuva nokwazi izandi, nokubhala ngesandla zihamba kunye kule nkqubo.

### Ukuqukumbela/ukuhlanganisa: ngeMivulo

***Injongo**: Ukuhlola ngokungekho sikweni ulwazi lwabafundi lokwahlula izandi abazivayo, isakhono sokukhumbula izandi abazifundileyo kunye nokubhala ngesandla. Ukulungisa okanye uhlanganise ulwazi ngezandi nokubhala ngesandla beziqwalasela bazilungise iimpazamo ngokwabo. Ukusebenzisa okuqwalaselwe ngexesha lohlolo ngeenjongo zokwazi okuqhubekayo.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga bezikhumbuza ukubhala behlaziya izandi, amalungu egama namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
2 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala. Bakugqiba mababhale umhla.
3 *Okulandelayo xelela abafundi bagobe iphepha embindini, ecaleni komgca ekhohlo badwelise amanani 1–4, embindini badwelise amanani 6–10. (inani lamagama, amalungu egama nezandi, ziza kwahluka ngokwezifundo ezahlukeneyo).*
4 Yalela abafundi ukuba ecaleni kwenani ngalinye mababhale isandi okanye igama olibizayo, xa bengayazi impendulo mababhale umgca –
5 Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
6 Xelela abafundi ukuba baza kuzihlola ngokwabo inqanaba labo lokubhala ngesandla nokwazi izandi.
   - Kufuneka bazihlole ukuba bayakwazi na ukuva babhale izandi, amalungu egama namagama ngokuchanelekileyo.
   - Kufuneka bazibone ukuba bayakwazi na ukubhala izandi ngokufanelekileyo
7 Bizela izandi, amalungu egama namagama akwisicwangciso sesifundo/seklasi.
8 Okulandelayo yalela abafundi bathathe ikhrayoni enombala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
9 Bhala iimpendulo ngokuchanekileyo ebhodini, ubiza isandi ukwachaza nendlela eyiyo yokusibhala njengoko usenza.

10 Xelela abafundi abatsala nzima ukukhumbula isandi okanye ukubhala unobumba othile kufuneka baziphe ixesha bazifunde apha evekini.
11 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, ze uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo.

## Ukufunda izandi namagama amatsha ngoolwesiBini nangooLwesiThathu

***Injongo:*** *Ukuphuhlisa gca, nangokulandela inkqubo eqingqiweyo yokwahlula izandi umfundi azivayo. Ukufundisa gca nangokulandelelanayo ukwahlula izandi zolwimi lwasekhaya azivayo umfundi kunye namalungu amagama.*

### Yazisa isandi esitsha

1 **Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo /c/**
2 Biza isandi uze uyalele abafundi basiphinde isandi kathathu.
3 Bonisa abantwana ukuba esi sandi /c/ sohlukile kwesesiNgesi.
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ oonobumba
5 Buza abafundi: Ninawo amagama eniwaziyo anesandi /c/?
6 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo**: cela, cima, coca, cika, icici**

### Yazisa amagama amatsha

1 Biza igama ngokucacileyo njengoko ubonisa unotsheluza**: cela, cima, coca, cika, uceba, icici**
2 Cela abafundi babize amagama belandele emva kwakho
3 Ncamathisela oonotsheluza bala magama kwiBhodi/Tshati yamaGama yeMiboniso.

## Ukubhala u(oo)Nobumba namaGama amaTsha: ngoLwesiBini nangoLwesiThathu

***Injongo*****:** *Ukuphuhlisa gca, nangokulandelayo ulwazi lwabafundi lokubhala ngokuchanekileyo nangokutyibilikayo ukubiza ze babhale izandi ezingqamene nezandi abazifundisiweyo.*

1 Fundisa abantwana indlela efanelekileyo yokubhala isandi esifundiswayo.
2 Yenza umfuziselo wokubhala isandi ebhodini – Cacisa inkqubo yokubunjwa kwesandi njengoko ubhala.
3 Yalela abantwana abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo edesikeni.
4 Bazele ngomva abafundi, uphakamise isandla sakho sasekunene.
5 Yalela abafundi abasebenzisa izandla zasekunene ukuba balandele emva kwakho nibhale isandi emoyeni.
6 Okulandelayo, yenza le migaqo kunye nabantwana ababhala ngesandla sasekhohlo.

7 Yalela, umfundi ngamnye asebenze nosecalani kwakhe babhale isandi ngeminwe kwimiqolo yabo.
8 Emva koku yalela umfundi ngamnye ukuba abhale isandi ngomnwe kwidesika yakhe.
9 Ekugqibeleni, boniswa abafundi indlela yokubhala isa(za)ndi namagama ebhodini.
10 Abafundi mababhale isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
11 Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi esitsha esifundiweyo kuwo onke amagama nezivakalisi abazibhalileyo.

## Ukucalula nokuhlanganisa: ngooLwesiNe

***Injongo:*** *Ukufundisa uphuhlisa gca, nangokulandelayo inkqubo eqingqiweyo yokucalula nokuhlanganisa amalungu egama, ukuze bakwazi ukufunda nokubhala ngokuzimeleyo. Ukuphuhlisa ukuqiqa nokufunda amalungu egama ngokuzenzekelayo.*

### Ndiyenza...

1 Qala ngegama olifundise ngoLwesiBini
2 **Biza eli gama: cela**
3 Hlahlela eli gama ubize isandi ngasinye **/c/ – /e/ – /l/ – /a/**
4 **Biza isandi sokuqala /c/**
5 **Biza isandi esilandelayo /e/**
6 **Isandi esilandelayo /l/**
7 **Biza isandi sokugqibela /a/**
8 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini: cela**
9 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganise izandi ukwenza igama /c/ – /e/ – /l/ – /a/**
10 **Okulandelayo, biza ilungu lokuqala legama /ce/**
11 **Biza ilungu lesibini le gama /la/**
12 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganisa amalungu egama ukwenza eligama /ce/ – /la**
13 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngoLwesiThathu

### Siyenza...

1 Qala ngegama olifundise ngoLwesiBini
2 **Biza eli gama: cika**
3 **Buza abafundi: sithini isandi sokuqala kweli gama? /c/**
4 **Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo/ sesibini kweli gama? /i/**
5 **Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo/ sesithathu kweli gama?/k/**
6 **Buza abafundi: sithini isandi sokugqibela kweli gama? /a/**
7 **Bhala igama elipheleleyo: cika**
8 **Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhuphe igama kunye nawe /c/ – /i/ – /k/ – /a/=cika**

9 **Okulandelayo, Biza ilungu lokuqala legama /ci/**
10 **Biza ilungu lesibini legama /ka/**
11 **Yenza umfuziselo, khomba ubuye uhlanganise amalungu egama ukwenza eli gama /ci/ – /ka**
12 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngoLwesiThathu.

## Ukukhangela amagama: ngooLwesiHlanu

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa lonke ulwazi lwezandi zoonobumba. Ukunika abafundi ithuba lokuziqhelisa isakhono sokuhlanganisa nokwakha amagama. Ukwandisa isakhono sokubona izandi ngokuzenzekelayo.*

Bhala ebhodini le theyibhuli inezandi ezifundiweyo, eziquka izandi ozifundisileyo ngoLwesiBini nangoLwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **c** | **m** | **p** |
| **k** | **d** | **a** |
| **l** | **e** | **i** |

### Yenza umfuziselo

1 **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo /c/** no **/m/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3 Cacisela abafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 **Bonisa abafundi ukwakha igama usebenzisa isandi ekujoliswe kuso njengo /c/ – /i/ – /m/ – /a/**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini akunyanzelekanga ukuba basebenzise u – **/c/** no **/m/**
6 **Bonisa abafundi ukwakha elinye igama /p/ – /e/ – /l/ – /a/ = pela**
7 Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa izandi zeveki ukwakha igama elinjengo – **cima** okanye igama elingenazandi zale veki umzekelo: **pela**

### Abafundi bayenza

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko: **c, m**
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala.
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako.
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo. Babonise indlela yokwakha la magama namanye: **cela, coca, cika, dela, dada, lala, mama, idama, imela, icici**

## Ukuqiqa nokuva izandi zopelo/ izandi/ ukubhala ngesandla

**Ibanga 2&3 (emva kokuphela kwenkqubo yezandi)**

Ukuva nokwahlula izandi zopelo nokubhala ngesandla zihamba kunye kule nkqubo.

### IBANGA 2: IKOTA 3–4

#### UKUBHALA NGESANDLA

#### Ukuguqula/ ukutshintsha amagama: NgoMvulo

***Injongo**: Ukulungisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa ngokwakho. Ukunceda abafundi babone apho amagama okanye izivakalisi zitshintsha khona ze zitshintshe nentsingiselo yamagama.*

***Qaphela**: Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala ngokuqhelekileyo baze bathi xa bekwazi ukudibanisa bayalelwe ukubhala NGOKUDIBANISA ngokupheleleyo.*

1. NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga ukubhala ngokudibanisa, ngokuhlalutya bezikhumbuza izandi, namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
2. Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala ze babhale umhla.
3. *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
4. Bhala isivakalisi osinikiweyo kwisicwangciso sesifundo/seklasi ebhodini ecaleni kwenani ngolu hlobo:
   - Ndifuna incwadi**.**
5. Yalela bafundi bakhuphele esi sivakalisi ezincwadini zabo.
6. Okulandelayo, yalela abafundi ukuba babhale isivumelanisi sesimelabizo soqobo ecaleni kwenani
   - U
   - Ni
   - Si
   - Ba
7. Yalela abafundi babhale izivakalisi besebenzisa isivumelanisi sesimelabizo soqobo.
8. Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
9. Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala.
10. Ekupheleni kwesifundo, bhala iimpendulo nguchanekileyo ebhodini, ubiza izandi ucacisa nendlela eyiyo yenkqubo yokubhala ngokudibanisa.
11. Cela abafundi bakhombe apho babona khona ipatheni, njengalapho isivakalisi sitshintsha khona.

12 Krwela umgca phantsi kwepatheni ngolu hlobo:
- Ufuna incwadi.
- Nifuna incwadi.
- Sifuna incwadi.
- Bafuna incwadi.

13 Yalela abafundi bathathe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
14 Xelela abafundi ukuba batsala nzima ukukhumbula isandi okanye ukubhala ngokudibanisa kufuneka baziphe ixesha bazifundise apha evekini.
15 Ekupheleni kosuku qokelela iincwadi zabafundi, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo. Abanye abafundi banokuba batsala nzima kwizandi, ngelixa abanye ikukubhala ngokudibanisa.

## IBANGA 3: IIKOTA 1–2

### UKUBHALA NGESANDLA

### Isinye usisa kwisininzi: NgeMivulo

***Injongo**: Ukufundisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa. Ukuphuhlisa isakhono sokufunda ngokunceda abafundi babone bakwazi nokulindela iphatheni zotshintsho kwigama ngenxa yesivumelanisi segama.*

***Qaphela**: Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala oonobumba ngokuqhelekileyo, xa abafundi befunde ukubhala izandi ezibalekayo ngokudibanisa bayalele bawugqibezele lo msebenzi bebhala ngokudibanisa.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla abafundi bazilolonga bezikhumbuza ngezandi, amalungu egama namagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo.
2 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala babhale isihloko 'Amagama esiNye usiya kwisiNinzi'
3 *Yalela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
4 Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakukhumbula na ukubhala izandi, amalungu egama namagama abawafundileyo.
5 Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala
6 Bizela amagama anesinye, abafundi bawabhale ecaleni kwamanani ngolu hlobo,
**Amagama esiNye usisa kwisiNinzi**
- ikati
- inkwenkwe
- imoto
- impukane
- umntwana

7 Okulandelayo, yalela abafundi babhale isininzi sala magama.

8 Kwimizuzu emihlanu eshiyekileyo yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama, ubiza isandi ukwabonisa nendlela eyiyo yokusibhala ngokudibanisa njengoko usenza oku.
9 Cela abafundi bakubonise iipatheni abazibonayo umzekelo: apho izivakalisi zahluka khona.
10 Krwela umgca ngaphantsi kwezi patheni ngolu hlobo:
**Amagama esiNye usisa kwisiNinzi**
   1 ikati
      iikati
   2 Inkwenkwe
      amakhwenkwe
   3 imoto
      iimoto
   4 impukane
      iimpukane
   5 umntwana
      abantwana
11 Yalela abafundi bahlale bezikhumbula eziphatheni xa befunda naxa bebhala.
12 Yalela abafundi bakhethe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo
13 Xelela abafundi ukuba xa betsala nzima ukukhumbula isandi esithile okanye ukubhala unobumba othile ngokudibanisa, kufuneka baziphe ixesha bazifundise apha evekini
14 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo. Abanye bangatsala nzima ukuqonda izandi ngelixa abanye betsala nzima ukubhala ngokudibanisa!

## IBANGA 3 IIKOTA 3–4

### UKUBHALA NGESANDLA

### IsiNye usisa kwisiNinzi: NgeMivulo

***Injongo***: *Ukufundisa nokuhlanganisa ulwazi lwezandi nokubhala ngesandla uzilungisa. Ukuphuhlisa izakhono zokufunda ngokunceda abafundi bakwazi ukubona nokulindela iiphatheni zotshintsho kwisivakalisi ngokulawulwa sisivumelanisi sesibizo.*

***Qaphela***: *Ekuqaleni abafundi benza lo msebenzi bebhala oonobumba NGOKUQHELEKILEYO, xa abafundi befunde ukubhala izandi ezibalekayo ngokudibanisa lo msebenzi kufuneka bawubhale wonke NGOKUDIBANISA.*

1 NgeMivulo ngexesha lokubhala ngesandla, abafundi bazilolonga bezikhumbuza ukubhala ngokudibanisa behlaziya amagama afundiweyo kwiiveki ezidlulileyo
2 Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala babhale isihloko
**IsiNye usisa kwisiNinzi**

3. *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
4. Khumbuza abafundi ukuba lo ngumsebenzi okhawulezileyo wokuhlola ukuba bayakhumbula na ukubhala amagama abawafundileyo.
5. Xelela abafundi ukuba bahlola ulwazi lwabo ngezandi nokubhala.
6. Bizela izivakalisi ezinesinye kwisicwangciso sesifundo. Abafundi mabazibhale ezi zivakalisi ecaleni kwamanani ngolu hlobo,

   **Izivakalisi ezinesiNye zisiya kwisiNinzi**

   1. Ikati isela ubisi.
   2. Inkwenkwe ikhaba ibhola.
   3. Imoto imile.
   4. Impukane iyabhabha.
   5. Indlu iwile.
7. Okulandelayo, yalela abafundi babhale ezi zivakalisi kwisininzi.
8. Kwimizuzu emihlanu yokugqibela yesifundo, bhala izivakalisi ngokuchanekileyo ebhodini, ubiza isandi ukwabonisa nendlela eyiyo yokusibhala ngokudibanisa njengoko usenza oku.
9. Cela abafundi bakubonise apho izivakalisi zahluka khona krwela umgca phantsi kwephatheni ngolu hlobo:

   **Izivakalisi zesiNye zisiya kwisiNinzi**

   1. Ikati isela ubisi.
      Iikati zisela ubisi.
   2. Inkwenkwe ikhaba ibhola.
      Amakhwenkwe akhaba ibhola.
   3. Imoto imile.
      Iimoto zimile.
   4. Impukane iyabhabha.
      Iimpukane ziyabhabha.
   5. Indlu iwile.
      Izindlu ziwile.
10. Yalela abafundi bahlale bezikhumbula eziphatheni xa befunda naxa bebhala.
11. Yalela abafundi bakhethe ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala benze izilungiso zomsebenzi wabo.
12. Xelela abafundi ukuba batsale nzima ukukhumbula isandi esithile okanye ukubhala unobumba ngokudibanisa kufuneka baziphe ixesha bazifundise apha evekini.
13. Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, uthathe iinkcukacha ngabafundi abadinga uncedo olongezelweyo kwizandi nokubhala ngokudibanisa.

## IZANDI

### Ukuhlalutya izandi ngokuzihlahlela nokuzihlanganisa: NgoolwesiBini nangoolwesiThathu

***Injongo:*** *Ukufundisa gca nokuphuhlisa ngokulandelelanayo ukuqonda izandi zopelo kwabafundi, nokuba nako ukuhlanganisa babuye bacazulule izandi zopelo namalungu amagama, ukuze bafunde bekwabhala ngokuzimeleyo. Ukwandisa ukuqonda izandi zopelo namalungu amagama ngokuzenzekelayo.*

**Ndiyenza ...**

1 Qala ngegama elikwisifundo sangolwesiBini
2 **Biza eli gama: Iposi**
3 Hlahlela eli gama ubize isandi ngasinye **/i/-/p/-/o/-/s/-/i/**
4 **Biza isandi sokuqala segama: /i/**
5 **Biza isandi esilandelayo segama: /p/**
6 **Biza isandi sesithathu segama: /o/**
7 **Biza isandi sesine segama: /s/**
8 **Biza isandi sokugqibela segama: /i/**
9 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini**: **iposi**
10 **Yenza umfuziselo wokuzikhomba nokuzihlanganisa izandi ukwenza eli gama = iposi**
11 **Okulandelayo, Biza ilungu lokuqala legama /i/**
12 **Okulandelayo, Biza ilungu lesibini legama /po/**
13 **Biza ilungu lesithathu legama /si/**
14 **Yenza umfuziselo wokuwakhomba nokuwahlanganisa amalungu ukwenza eli gama= iposi.**
15 Qhuba ngale migaqo usebenzisa igama olifundise elikwisifundo sangolwesiThathu

**Siyenza ...**

1 Qala ngegama elikwisifundo sangolwesiBini.
2 **Biza eli gama: imizi**
3 **Buza abafundi: Sithini isandi sokuqala kweli gama? /i/**
4 **Buza abafundi: Sithini isandi sesibini? /m/**
5 **Buza abafundi: Sithini isandi sesithathu?/i/**
6 **Buza abafundi: Sithini isandi sesine?/z/**
7 **Buza abafundi: Sithini isandi sokugqibela? /i/**
8 **Cela abafundi ukuba bahlahlele igama bakhuphe isandi ngasinye /i/ – /m/ – /i/ – /z/ – /i/ =imizi**
9 **Bhala igama elipheleleyo ebhodini: imizi**
10 **Yalela abafundi ukuba bahlanganisa izandi ukwenza eli gama kunye nawe: /i/ – /m/ – /i/ – /z/ – /i/imizi**
11 **Buza abafundi lithini ilungu lokuqala legama? /i/**
12 **Buza abafundi lithini ilungu lesibini le gama? /mi/**

**13 Buza abafundi lithini ilungu lokugqibela legama? /zi/**
**14 Xelela abafundi bahlanganise amalungu egama ukwenza eli gama /i/ – /mi/-/zi/**
15 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesiThathu

**Uyenza...**

1 Xelela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale umhla nesihloko: amagama ano-**p**
2 *Okulandelayo xelela abafundi ukuba ecaleni komgca obomvu ekhohlo badwelise amanani 1–5, batsibe umgca phakathi kwamanani.*
3 Bizela amalungu egama amahlanu okanye amagama afumaneka kwisicwangciso sesifundo.
4 Abafundi mababhale la magama ecaleni kwenani elichanekileyo. Mabasebenzise ulwazi lwabo lokuhlahlela nokuhlanganisa amagama.
5 Abafundi mabakrwele umgca phantsi kwesandi ekujoliswe kuso kwigama ngalinye ukubanceda bapele la magama.
6 Kwimizuzu emibini yokugqibela yesifundo, bhala ngokuchanekileyo amagama ebhodini, uze ukrwele umgca phantsi kwesandi ekujoliswe kuso.
7 Xelela abafundi bakorekishe umsebenzi wabo besebenzisa ikhrayoni nokuba ngowuphi umbala.
8 Cacisela abafundi ukuba kwisifundo esilandelayo baza kufunda ukubhala esi sandi NGOKUDIBANISA.

## UKUBHALA NGESANDLA

### Ukubhala izandi ezitsha: NgoolwesiBini nangoolwesiThathu

***Injongo**: Ukufundisa gca nokuphuhlisa ngokulandelelanayo kwabafundi, babhale ngokuchanekileyo amalungu egama ahambelana nezandi zopelo ezifundisiweyo.*

1 Fundisa abantwana indlela echanelekileyo yokubhala isandi esifundisiweyo ngokudibanisa.
2 Bonisa abafundi indlela eyiyo yokubhala unobumba omncinci nomkhulu.
3 Yenza umfuziselo ubhala isandi ebhodini – Cacisa indlela eyiyo yokubhala esi sandi ngonobumba njengoko ubhala.
4 Yalela abantwana abangamanxele ukuba babeke iintloko zabo edesikeni.
5 Bazele ngomva abafundi, uphakamise isandla sakho sasekunene.
6 Yalela abafundi abasebenzisa izandla zasekunene ukuba balandele emva kwakho njengoko ubhala isa(za)ndi emoyeni.
7 Okulandelayo, yenza le migaqo kunye nabantwana ababhala ngesandla sasekhohlo.
8 Yalela, umfundi ngamnye asebenze nosecaleni kwakhe babhale isandi ngeminwe kwimiqolo yabo.
9 Emva koku, xelela umfundi ngamnye ukuba abhale isandi ngomnwe kwidesika yakhe.

**10** Ekugqibeleni, bonisa abafundi kwakhona kube kanye indlela yokubhala esi sa(za)ndi namagama ebhodini.
**11** Abafundi mababhale isandi/amagama/nesivakalisi ezincwadini zabo.
**12** Xa usenza umfuziselo wamagama, gxininisa indlela oonobumba abaqhoboshelana okanye abadibana ngayo omnye komnye.
**13** Abafundi mabakrwele umgca ngaphantsi kwesandi kuwo nawaphi amagama/izivakalisi ezibhaliweyo.

### IZANDI

## Ukutshintsha oonobumba: ngoolwesiNe

***Injongo:*** *Ukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa lonke ulwazi lwezandi zonobumba kunye namalungu egama. Ukuphuhlisa isakhono sokufunda, ngokubanceda bafundi bagqale ze babone utshintsho lwesandi esinye esibangela ukutshintsha kwentsingiselo yegama.*

### Ndiyenza ...

**1** Cacisa ukuba namhlanje siza kufunda silolonge isakhono sokuqwalasela umahluko omncinane emagameni. Esi sakhono sisinceda sibe ngabafundi nabhali abangcono.
**2** Bhala ebhodini amagama amabini abhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz.: bila, sila
**3** Cacisa ukuba siza kujonga la magama mabini sikhangele umahluko phakathi kwawo.
**4** Yenza umfuziselo ukhangelela abafundi umahluko kula magama **bila**, **sila**
**5** Cacisa ukuba umahluko kwizandi, izandi u – **/b/** no **/s/** zivakala ngokwahlukileyo kodwa zonke ezinye izandi ziyafana!

### Siyenza ...

**Isiqendu 1**
**1** Bhala amagama amabini abhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz.: **sela, sala**
**2** Buza abafundi: Yintoni umahluko kula magama mabini?
**3** Biza umfundi abemnye akrwele umgca apho abona khona umahluko kula magama**:** **sela, sala**
**4** Cacisa umahluko kula magama mabini

**Isiqendu 2**
**1** Bhala ebhodini igama elibhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz: **bila**
**2** Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha kweli gama ukwenza igama elahlukileyo?
**3** Bhala iimpendulo zabafundi ebhodini ngolu hlobo: mila, lila; bela, bala

**Uyenza …**
**1** Bhala ebhodini igama elibhalwe kwisicwangciso sesifundo/seklasi umz: **mila**

2 Buza abafundi: Sesiphi isandi onokusitshintsha kweli gama ukwenza igama elahlukileyo?
3 Yalela abafundi ukuba bakhe amagama amaninzi kangangoko betshintsha isandi esinye egameni.
4 Ekupheleni kwesifundo, biza abafundi babe kunye.
5 Biza abafundi abohlukeneyo ukuba baye ebhodini babhale amagama abo
6 Funda amagama abo ubonise apho kutshitshwe khona izandi: **bila, lila, mela, sila**

**IZANDI**

## Ukukhangela amagama: ngoolwesiHlanu

***Injongo***: *Ukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa lonke ulwazi lwezandi zoonobumba kunye namalungu egama. Ukuphuhlisa nokulolonga isakhono sokucalula/ ukuhlahlela nokuhlanganisa amagama namalungu egama ngokuzenzekelayo.*

Bhala le theyibhuli ebhodini. Iquka izandi ezifundiweyo kunye nezifundisiweyo kunye ngolwesiBini nangolwesiThathu, ikwaquka nezinye izimaphambili.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **ph** | **u-** | **p** | **ama-** |
| **th** | **b** | **a** | **isi-** |
| **l** | **e** | **m** | **izi-** |

## Yenza umfuziselo

1 **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo ph/** no **/th/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezikwitshati ebhalwe ebhodini.
3 Cacisela abafundi ukuba banemizuzu emithathu ukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso: **/th/ – /e/ – /th/-/a/** = **thetha**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa nasiphi kwizandi ezisebhodini, akunyanzelekanga ukuba basebenzise u: **/th/ okanye /ph/**.
6 Bonisa abafundi indlela yokwakha elinye igama **/u/ – /m/ – /a/ – /m/ – /a/** = **umama**
7 Khumbuza abafundi ukuba bangakha amagama besebenzisa izandi ekujoliswe kuzo, njengo **thetha** okanye igama elingenazandi zale veki umzekelo: **umama**

## Ahafundi bayenza

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko: **ph, th**.
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala.
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako.

**4** Nika abafundi ithuba lokukrekisha umsebenzi wabo. Babonise indlela yokwakha la magama (namanye): **phuma, thuma, isithuba, izithuba, amathuba, thetha, amaphupha, thatha, zethu, lethu, latha, pam, izibele, ibele, mela, lala, lam, amaphela, phupha**

## Ukufunda notitshala okuneendlela zobuchule zokufundela ukuqonda

Ibali lokufunda notitshala elitsha lifundwa ngeveki nganye.

Ukufunda notitshala kwenziwa ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| NgoMvulo: | Phambi kokufunda |
| NgolwesiBini: | Ufundo lokuqala |
| NgolwesiNe: | Ufundo lwesibini |
| NgolwesiHlanu: | Emva kokufunda |

Kwezi seshoni zokufunda notitshala, qinisekisa ukuba bonke abafundi bahleli phantsi bazolile kwaye bayibona ngokucacileyo imifanekiso yencwadi enkulu. Bakhumbuze abafundi ngokulindeleyo ngexesha lokufunda notitshala, okufana noku:

- Hlala kakuhle UZOLE
- Beka IZANDLA zakho phezu kwamathanga akho
- Gcina AMEHLO akho neengcinga zakho ebalini
- AMAZWI enu athi cwaka (yenza isijekulo esibonisa imilebe eqhotyoshiweyo)

***Imigomo engundoqo yokuFunda noTitshala kule nkqubo ime ngolu hlobo:***

**1** *Abafundi baxhamla indlela ekuyiyo ukufunda ibali elipheleleyo elinobugocigoci kunokuba bebenokuzifundela bebodwa. Kuba ngoku bengenaxhala ngenkqubo yokufunda, bamilisela iingqondo kwisimo sebali kunye nabalinganiswa. Abafundi kwakhona banokonwabela amabali baze baphuhlise uthando lokufunda.*

**2** *Njengoko utitshala efunda ibali ekhwaza, uthi engaqondanga enze umfuziselo wezakhono ezithile zokufunda; ufunda ukusuka kwiphepha lokuqala aye kuma kwelokugqibela; ufunda ukusuka phezulu ephepheni aye kuma ezantsi kulo; ufunda ukusuka ekhohlo ukuya ekunene; uyaziqaphela iimpawu zokubhala neziphumlisi, ufunda ngokutyibilikayo ngesantya esifanelekileyo, kwaye ufunda ebonakalisa imvakalelo, ethi yongeze intsingiselo kwitekisi. Abafundi bathi bengaqondanga bafunde izakhono ezininzi ngokuqwalasela lowo ufunda ngokutyibilikayo.*

**3** *Njengoko utitshala efunda, umilisela intsingiselo ngoku: ukukhomba indawo ethile emfanekisweni; ngokusebenzisa isijekulo okanye intshukumo; kunye nokongeza imvakalelo kwilizwi lakhe. Utitshala ukwayongeza ngokukodwa intsingiselo ngokunqumama acacise igama elithile okanye ibinzana. Ngokuphulaphula utitshala nokujonga kuye, abafundi bafumana izakhono ezitsha zolwimi.*

**4** *Ngoko, kubalulekile ukuba ngexesha lokufunda notitshala, utitshala abafundise abafundi ukucinga ngebali elo, nendlela yokwakha ukuqonda kwabo ibali. Kule nkqubo, sikhethe*

*ukwakha izakhono zengqiqo nokuqonda ibali ngokwenza ngokulinganisa sikwafundisa iindlela zobuchule ezahlukeneyo zengqiqo nokuqonda. Kusetyenziswa ezi zakhono zilandelayo zengqiqo nokuqonda:*

- *Qikelela*
- *Bona umfanekiso-ntekelelo*
- *Khangela kwitekisi*
- *Shwankathela*
- *Cinga ngetekisi (mangala)*
- *Dibanisa okusebalini nokuthe kwehla kuwe*
- *Bonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini*
- *Yenza uhlolo*

## IINDLELA ZOBUCHULE ZOKUFUNDISA INGQIQO NOKUQONDA

Le theyibhuli ingezantsi inika iinkcukacha ngendlela nganye yobuchule.

| **Indlela yobuchule 1: Qikelela** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi beqikelela, bachaza oko bacinga ukuba kuza kwenzeka ebalini. Abafundi banokuqikelela into eza kwenzeka ngokujonga imifanekiso encwadini. Banako nokuqikelela okuza kulandela emva kokufunda iphepha letekisi. Okokugqibela, abafundi banokuqikelela indlela <u>abacinga</u> ukuba liza kuphela ngayo ibali. |
| *Umgomo* | *Ngokwenza abafundi baqikelele, ubenza bacinge ngebali phambi kokuba balifunde. Abafundi basebenzisa ufifi abalunikwayo bazame ukuqashela ukuba ngoobani abalinganiswa, kwaye ziyintoni iziganeko eziphambili eziya kwenzeka. Ngokuqikelela, abafundi baphuhlisa isakhono sabo sengqiqo yokuqonda ngokucinga ngebali.* |
| Amanqwanqwa<br>*(okuqikelela ngemifanekiso)* | **1** Jonga umfanekiso.<br>**2** Buza abafundi: Nicinga ukuba kwenzeka ntoni apha?<br>**3** Bayeke abafundi bacinge ngombuzo.<br>**4** Ukuba abafundi abakwazi ukuphendula, nika impendulo engumzekelo kwimpendulo.<br>**5** Bonisa ukuba iqhoboshelana njani imifanekiso omnye komnye ukwakha ibali. |
| Imizekelo<br>*(yokuqikelela ngemifanekiso)* | **1** Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?<br>**2** Ucinga ukuba uziva njani lo mlinganiswa? Kuba kutheni?<br>**3** Ucinga ukuba uza kubona ntoni kumfanekiso olandelayo? |
| Amanqwanqwa<br>*(okuqikelela unayo itekisi)* | **1** Funda iphepha letekisi.<br>**2** Buza abafundi: ucinga ukuba yintoni elandelayo eza kwenzeka?<br>**3** Bayeke abafundi bacinge ngombuzo.<br>**4** Ukuba abafundi abakwazi ukuphendula umbuzo, banike impendulo yombuzo engumzekelo. |
| Imizekelo<br>*(yokuqikelela unayo itekisi)* | **1** Yintoni ocinga ukuba iza kulandela yenzeke?<br>**2** Ucinga ukuba lo mlinganiswa ulandelisa ngokwenzani?<br>**3** Ucinga ukuba eli bali liphela njani? |

| **Indlela yobuchule 2: Yenza umfanekiso-ntekelelo** | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi besenza umfanekiso-ntekelelo, kufuneka bacinge ngokuqhubeka ebalini njengomboniso okumboniso-bhanyabhanya. Kufuneka bazame ukulibona ibali ezingqondweni zabo njengoko lisenzeka. |
| *Imigomo* | *Ukwenza umfanekiso-ntekelelo kunceda ukunikeza intsingiselo kumagama asephepheni ngokuwaguqula abe ngumboniso okumboniso-bhanyabhanya kwiingqondo zabafundi. Ukwenza umfanekiso-ntekelelo kukwanceda abafundi babone ukuba iziganeko ezikwitekisi ziqhoboshelene njani, esinye kwesinye. Oku kubanceda ekwakheni ukuqonda, bacinge ngebali njengento enye, kunokucinga ngephepha nephepha ngokwahlukeneyo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi ekwiphepha.<br>**2** Yithi: Ngoku siza kwenza umfanekiso-ntekelelo ngebali ngokungathi sibukele umboniso-bhanyabhanya.<br>**3** Yalela abafundi bavale amehlo abo. Bacacisele ukuba mabaphulaphule amagama ze benze umboniso-bhanyabhanya ezingqondweni zabo.<br>**4** Funda itekisi kwakhona.<br>**5** Baxelele abafundi ukuba wenze umfanekiso-ntekelelo wantoni. (Yenza umfuziselo wesi sakhono.)<br>**6** Babuze abafundi: Nibone ntoni? (Kwenzeke ntoni kumboniso-bhanyabhanya wenu?)<br>**7** Mamela ze uxoxe ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabafundi zingqamene nokwenzeka ebalini. |
| Imizekelo | **1** Ndenza umfanekiso-ntekelelo kaJoe ephumelela ugqatso. Ndiwubonile umbilo uqengqeleka entlokweni yakhe ubhabha macala onke. Ndiwabonile amehlo akhe emiliselwe entanjeni esiphelweni, nomzimba wakhe usebenza nzima kangangoko unako.<br>**2** Uthini owakho umfanekiso-ntekelelo? Kwenzeke ntoni kowakho umboniso-bhanyabhanya? |
| **Indlela yobuchule 3: Khangela kwitekisi** | |
| Ingcaciso | Imibuzo yokukhangela kwitekisi yeyona iluhlobo olusisiseko kwimibuzo yengqiqo nokuqonda. Le mibuzo ibuza abafundi ukuba bacinge ngento okanye bajonge amagama akwiphepha, ze bakhumbule ulwazi oluthile. |
| *Umgomo* | *Le mibuzo isisiseko sokujonga ukuqonda amagama asephepheni. Le ndlela yobuchule ibonisa abafundi indlela yokuchonga nokukhangela igama-ntloko eliya kubanceda baphendule le mibuzo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo ngolwazi olukwitekisi, njengolu: Ebefuna ukogqitha bani uJoe kolu gqatso?<br>**3** Bavumele abafundi baphendule umbuzo.<br>**4** QAPHELA: Bancede abafundi bafumane iimpendulo ngokuchonga igama-ntloko eliluncedo, ze bakhangele kwitekisi elo gama. Amaxesha amaninzi oku kungabakhokhelela kwimpendulo. |
| Imizekelo | **1** Wayefuna ukogqitha **bani** uJoe elugqatsweni?<br>**2** Wenza ntoni uJoe phambi kogqatso?<br>**3** Wazilolonga **nini** uJoe ukulungiselela ugqatso?<br>**4** Lwalubanjelwe **phi** ugqatso? |

| Indlela yobuchule 4: Shwankathela | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi beshwankathela, bacinga ngokwenzeke ebalini. Banako nokucinga ngezinye izinto, ezinjengezi: oko bakuthandileyo ngebali; noko bathe bakufunda ebalini. |
| *Umgomo* | *Ukushwankathela kubonisa ukuba umfundi uliqondile waza wacinga ngalo ibali. Ukucela abafundi ukuba bashwankathele ibali yeyona ndlela ingcono yokujonga ukuqonda kwabo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi.<br>**2** Khumbuza abafundi: Xa sishwankathela, sicinga ngawona macandelo abalulekileyo ebalini. Sinako nokucinga ngoko sithe sakuthanda ngebali, noko sithe sakufunda ebalini.<br>**3** Nika abafundi umzuzu bacinge ngebali.<br>**4** Bayalele abafundi baguquke bajongane bathethe ze babelane neqabane ngezishwankathelo zabo.<br>**5** Ekugqibeleni, ungabacela ukuba babhale phantsi izishwankathelo zabo, besebenzisa isakhelo ukubanceda. |
| Imizekelo | Ibali: UJoe uphumelela ugqatso.<br><u>Abafundi banokulishwankathela ibali ngolu hlobo:</u><br>**Eli bali linge**nkwenkwe egama linguJoe efuna ukodlula eyona nkwenkwe inamendu esikolweni, uSizwe kugqatso lweembaleki. UJoe uziqhelisa ngokuzilolonga lonke ixesha, aze ekugqibeleni amodlule uSizwe.<br>**Ndiyithandile** le ndawo apho uJoe aqhawula intambo ekupheleni kogqatso – ibisenza imincili kakhulu.<br>**Ndifunde ukuba** xa uzama ngamandla unganikezeli ungaphumelela. |

| Indlela yobuchule 5: Cinga ngetekisi (Mangala) | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa utitshala (emangele) ecinga ukuba ingaba kutheni, utitshala ucingela ngaphandle ngetekisi. Wenzela ukuba abafundi beve oko akucingayo ngetekisi. |
| *Umgomo* | *Ngokwenza umfuziselo wendlela yokucinga/ukumangala ngetekisi, sifundisa abafundi izinto ezimbini. Okokuqala, sifundisa abafundi ukuba abantu abafunda kakuhle abafundi nje amagama kuphela, basoloko becinga ngoko bakufundayo. Okwesibini, sibonisa abafundi iindidi zeengcinga abathi babe nazo ngetekisi abantu abafunda kakuhle. Ngokwenza oku, sibonisa abafundi indlela yokucinga ngetekisi, enobugcisa nechubekileyo. Ethubeni, abafundi baya kuqalisa nabo ukuzenzela oko.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Cinga ngombuzo okanye uluvo anokuba nalo umntu ofunda ngokutyibilikayo ngetekisi. (Izimvo zinikiwe kwiibloko zoFundo lokuQala noFundo lesiBini kwizicwangciso zesifundo.)<br>**3** Yithi: Ndibona/ndiqaphela ...<br>**4** Yithi: Ndiyamangala ...?<br>**5** Abafundi <u>a</u>banyanzele<u>kanga</u> ukuphendula umbuzo. |
| Umzekelo | <u>**Ndibona**</u> ukuba uSizwe wamhleka uJoe xa engenela ugqatso. <u>**Ndiyamangala**</u> ingaba oku kuyakumkhathaza na uJoe? |

| Indlela yobuchule 6: Dibanisa okusebalini nokwakhe kwakwehlela | |
|---|---|
| Ingcaciso | Xa abafundi *bedibanisa okusebalini nokwakhe kwabehlela,* bathelekisa ibali kunye nobomi babo (kusuka kwitekisi kuye kwisiqu sakhe umntu), okanye kwenye itekisi (itekisi ukuya kwitekisi), okanye kwenye into ekwihlabathi jikelele (itekisi ukuya kwihlabathi jikelele). |
| *Umgomo* | *Ukudibanisa okusebalini nokwakhe kwabehlela kunceda abafundi bayiqonde nzulu itekisi ngokuyidibanisa kwezinye izinto abasele bezazi, okanye ezakhe zabebhlela. Kubabonisa ukuba banako ukwenza iindidi ezahlukeneyo zokudibanisa: itekisi kwenye itekisi; itekisi kuwe buqu; kubomi babo; netekisi kwihlabathi lilonke – kolunye ulwazi abasele benalo ngehlabathi.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo, ofana nalo: Kwakunini apho wawukhe wafuna ukuphumelela into njengoJoe?<br>**3** Yenza umfuziselo ukunika impendulo engumzekelo, ngolu hlobo: indikhumbuze indlela endandisoloko ndikhuphisana ngayo kunye nodade wethu esikolweni. Wayesoloko efumana amanqaku aphezulu kwinto yonke, kwaye abazali bam babezidla ngaye. Ndandifuna ukwenza abazali bam bazidle nangam. |
| Imizekelo | **1** Kukukhumbuza njani oku ngobomi bakho?<br>**2** Ndixelele ngexesha apho kwathi kwenzeka into efana nale kuwe.<br>**3** Ukuba ubunguJoe, ucinga ukuba ubuya kwenza ntoni xa uSizwe ekuhleka?<br>**4** Ucinga ukuba waziva njani uSizwe akodlulwa nguJoe?<br>**5** Ingaba oku kukukhumbuza ngowuphi omnye umlinganiswa? |
| **Indlela yobuchule 7: Bonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini** | |
| Ingcaciso | Ukubonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini kuquka ukusebenzisa oko sele ukwazi, kudibane noko uthe wakufunda ukuze uqashele kakuhle ngento ekhoyo ebalini. Oku ke 'kukuyifunda ivaliwe'. Xa abafundi bebonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini, baqashela kakuhle ngento ekwibali. Ngamanye amaxesha, umbhali akazibhali zonke iinkcukacha zebali. Uthi ke umbhali aziyeke ezinye iindawo zingagqitywanga, ukuze abo bafundayo bazigqibele ngokwabo. |
| *Umgomo* | *Abafundi kufuneka bazigqibele ngokwabo ezinye iindawo zebali bebonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini – kufuneka bafunde 'ukuyifunda ivaliwe'. Ukuze benze oku, kufuneka basebenzise oko kubhaliweyo, kunye noko sele bekwazi ukuze bazame ukugqiba ngoko kungathanga kwabhalwa ngokugqibeleleyo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi: nazi ntoni ngoku? Ithini itekisi?<br>**3** Buza abafundi: yintoni enye esinokuyiqashela ngoku? Ingaba ikhona into engaxelwayo yitekisi?<br>**4** Buza abafundi: yintoni esinokubonisa ngayo ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini, ngoJoe kwindlela athe gqolo waziqhelisa ezilolonga ngayo?<br>**5** Mamela ze **uxoxe** ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabafundi ziyavakala.<br>**6** Ukuba abafundi batsala nzima, banike umzekelo wokubonisa ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini. Sebenzisa esi sakhelo sesivakalisi ukunceda: Xa sithathela kwi … ndicinga ukuba … |

| | |
|---|---|
| Umzekelo | **Itekisi:**<br>Umntakwethu wenze isicelo sokuya eDyunivesithi. Ndifike ekhaya ndambona ephethe ileta encumile. Umama ebekhala, ehleka emgona.<br>**Ukulandela ngokuqonda unobangela nesiphumo ebalini:**<br>Xa sithathela kwinto yokuba umntakwethu enze isicelo sokuya eDyunivesiti, nokuba ephethe ileta abonakala echwayitile, sinako ukuqashela sithi isicelo sakhe sibe yimpumelelo. |
| **Indlela yobuchule 8: Ukwenza uHlolo** | |
| Ingcaciso | Xa sihlola itekisi, siyigweba ngokomba wetekisi leyo. |
| *Umgomo* | *Abafundi kunyanzelekile bafundiswe ukuba kufuneka besoloko bekuhlola oko bakufundayo, ukuze bakwazi ukuxhasa okanye bangqine iziphumo zohlolo lwabo.* |
| Amanqwanqwa | **1** Funda itekisi esephepheni.<br>**2** Buza abafundi umbuzo ohlolayo, uze ubacele baxhase impendulo yabo. Umzekelo: Ucinga ukuba u – x wenze into efanelekileyo? Ngoba okanye hayi ngoba?<br>**3** Mamela uze **uxoxe** ngeempendulo zabafundi. Qinisekisa ukuba iimpendulo zabo ziyavakala.<br>**4** Ukuba batsala nzima abafundi, yabelana nabo ngolwakho uhlolo njengomzekelo: **Ndicinga ukuba** u – x wenze into elungileyo **kuba** u – x |
| Umzekelo | **Eminye imibuzo yohlolo iqala ngo:**<br>**1** Ingaba ucinga…<br>**2** Ingaba uyavumelana no…<br>**3** Ngokubona kwakho…<br>**4** Uyithandile… |

Ngezantsi yinkcazelo yeendlela zokufundisa ezibandakanya konke, ngesifundo ngasinye sokuFunda noTitshala: Phambi kokufunda; UFundo lokuQala; UFundo lwesiBini; kunye naseMva kokuFunda. Funda ezi nkcazelo ukuze ufumane ukuqonda ngokucacileyo ukutyibilika kwesifundo ngasinye.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: PHAMBI KOKUFUNDA

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

Phambi kokuFunda, sakha izakhono zengqiqo nokuqonda ngokwenza abafundi bacinge ngebali phambi kokuba lifundwe.

1. Baxelele abafundi ukuba namhlanje baza kujonga imifanekiso esebalini, baze bacinge ngebali.
2. Baxelele abafundi ukuba, ukuthathela koko bakubonayo, baza kwenza uqikelelo ngebali. Oku kuthetha ukuba baza kusebenzisa imifanekiso bazame ukuqashela ukuba lingantoni ibali.

3 Cacisela abafundi ukuba bangacingi ngomfanekiso ngamnye uwodwa. Mabacinge ukuba izalana njani imifanekiso omnye nomnye. Kufuneka ukuba badibanise yonke imifanekiso omnye nomnye bazame ukuqonda ukuba lingantoni ibali xa liphelele.
4 Babonise abafundi uqweqwe lwebali uze ufunde isihloko ukhwaze.
5 Babuze abafundi: Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni kweli bali?
6 Okulandelayo, jonga umfanekiso ngamnye ebalini, uze uthi njengoko ujonga ubuze abafundi:
   a Nibona ntoni kulo mfanekiso?
   b Nicinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
   c Nicinga ukuba yintoni elandelayo enokwenzeka?
7 Ukuba abafundi bayalibala ukudibanisa imifanekiso eyahlukeneyo, bathundeze ukuba benze oko. Umzekelo: 'Nisakhumbula ukuba le nkwenkwe ibisenza ntoni kumfanekiso wokugqibela? Yenza ntoni ngoku? Nicinga ukuba kwenzeka ntoni?'
8 Xa ufika kumfanekiso wokugqibela, buza abafundi: Nicinga ukuba liza kuphela njani eli bali (ukuba lichanekile)?
9 Babulele abafundi ngokuqikelela kwabo.
10 Ukuba unexesha, funda ibali lonke kube kanye ungakhange ume.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: UFUNDO LOKUQALA

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: INDLELA YOBUCHULE EMELE UKUSETYENZISWA ICHONGIWE KWISICWANGCISO SESIFUNDO.

KuFundo lokuQala, siqala sakhe izakhono zengqiqo nokuqonda ngokufunda ze ucacise ibali kubafundi. Senza nomfuziselo wendlela ekucingwa ngayo ngebali. Phambi kokufunda, xelela iklasi into oza kuyenza. Thetha into efana nale: *'Klasi, lixesha lokuFunda noTitshala. Nikhumbule, qho xa sifunda okanye simamela ibali, kubalulekile ukusoloko sicinga ngebali. Namhlanje ndiza kunibonisa ukuba mna, ndicinga njani ngebali. Oku ndiza kukwenza (umzekelo) ngokwenza umfanekiso-ntekelelo wokwenzeka ebalini. Oku kuthetha ukuba njengoko ndifunda, ndiza kuzenzela umfanekiso-bhanyabhanya webali engqondweni yam.'*

1 Funda iphepha ngalinye lebali ngokutyibilikayo nangokucacileyo. Njengoko ufunda sebenzisa izijekulo, iintshukumo nembonakalo yobuso, uze utshintshe imvakalo-zwi yelizwi lakho uqaqambisa intsingiselo.
2 Apho kufanelekileyo yima, uze ucacisele abafundi igama okanye ibinzana.
3 Ngaxeshanye, ngexesha loFundo lokuQala, sikwamilisela iingqondo ekwenzeni umfuziselo nokufundisa abafundi indlela yobuchule yengqiqo nokuqonda.
4 Ekupheleni kwephepha ngalinye uya kubona iibloko ezimbini ezinemibala, ziphawulwe uFundo lokuQala kunye noFundo lwesiBini.
5 Xa ugqibile ukufundela abafundi iphepha elo, nqumama uze ubonakalise ukuba uyacinga ngokuthetha oko kuseblokweni. Ngokwenza oku, wenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kubalulekile ukuba uyiqonde into oyithethayo – ukuba ayivakali kuwe, ayisayi kuvakala nakubafundi.

6 Kwiphepha lokugqibela lebali, kukho imibuzo embalwa kwibloko yoFundo lokuQala neyoFundo lwesiBini.
7 Buza abafundi abohlukileyo baphendule imibuzo.
8 Babonise abafundi ukuba kungakho iimpendulo ezingaphaya kwenye ezichanekileyo xa kuphendulwa umbuzo, kwaye abafundi banokuba neembono ezahlukileyo.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: UFUNDO LWESIBINI

### INDLELA YOBUCHULE YENGQIQO NOKUQONDA: LE NDLELA YOBUCHULE KUFUNEKA ISETYENZISIWE ICHONGIWE KWISICWANGCISO SESIFUNDO.

Kufundo lwesiBini, siyaqhuba ngokwakha izakhona zengqiqo nokuqonda ngokufundela abafundi ibali, nokwenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kwakhona, xelela iklasi into oza kuyenza. Thetha okufana noku: *'Klasi, lixesha lokuFunda noTitshala. Khumbulani, qho xa nifunda okanye niphulaphule ibali, kubalulekile ukusoloko nicinga ngebali. Namhlanje, ndiza kunibonisa ukuba ndicinga njani ngebali. Ndiza kukwenza oku (umzekelo) ngokwenza umfanekiso-ntekelelo wokwenzeka ebalini. Oku kuthetha ukuba njengoko ndifunda, ndiza kwenza umboniso-bhanyabhanya webali engqondweni.*

1 Okulandelayo, funda iphepha ngalinye lebali ngokutyibilikayo nangokucacileyo. Njengoko ufunda, sebenzisa izijekulo, iintshukumo, inkangeleko yobuso, uze utshintshe nemvaka-lozwi ukuqaqambisa intsingiselo.
2 Ngaxeshanye, ngoFundo lwesiBini, uyakwenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali.
3 Ekupheleni kwephepha ngalinye uya kubona iibloko ezimbini ezinemibala, ziphawulwe uFundo lokuQala noFundo lwesiBini.
4 Xa ugqibile ukubafundele eli phepha abafundi, nqumama ubonise ukuba uyacinga ngokuthetha oko kuphakathi kwibloko yoFundo lwesiBini. Ngokwenza oku, wenza umfuziselo wendlela yokucinga ngebali. Kubalulekile ukuba uyiqonde into oyithethayo – xa ingavakali kuwe, ayisayi kuvakala nakubafundi.
5 Kwiphepha lokugqibela lebali, kukho imibuzo embalwa kwibloko yoFundo lokuQala nolwesiBini.
6 Buza abafundi abohlukileyo baphendule imibuzo.
7 Okokugqibela, cela abafundi baqulunqe umbuzo ngetekisi.
   a Cela abafundi umntu azimele acinge ngombuzo anokuwubuza ngetekisi.
   b Ukuba kuyimfuneko, bakhumbuze abafundi ngamagama athile okanye amabinzana emibuzo, umzekelo: ngubani; yintoni; kwakunini; phi; njani; kwakutheni; ngokweembono zakho; ucinga ukuba; dwelisa; njl, njl.
   c Xelela abafundi baguquke ze bathethe, babelane ngemibuzo yabo.
   d Emva koko, cela abafundi abambalwa babelane neklasi ngemibuzo yabo.
   e Nika abanye abafundi ithuba lokuphendula le mibuzo.

## UKUFUNDA NOTITSHALA: EMVA KOKUFUNDA

Injongo yomsebenzi waseMva kokuFunda kukunika abafundi ithuba lokuhlanganisa ukuqonda kwabo ibali nokuziqhelisa ukusebenzisa ulwimi olutsha abalufundileyo.

**Emva kokufunda, uya kwenza omnye kwimisebenzi emine:**

1 Zoba itekisi
2 Linganisa ibali
3 Balisa kwakho ngomlomo okanye ngokubhala iindawo ezithile ebalini
4 Ingqiqo nokuqonda okubhalwayo

### ZOBA ITEKISI

1 Hlalisa abafundi kwiidesika zabo, beneencwadi zabo zokubhala okanye iphepha elingabhalwanga, ipensile kunye neekrayoni.
2 Xelela abafundi ukuba baza kuzenzela umfanekiso-ntekelelo ngento ethile kwitekisi. Bakhumbuze ukuba xa besenza umfanekiso-ntekelelo ngento ethile, bacinga ngokuba ikhangeleka injani, inuka njani, ivakala njani xa uyibamba, kwaye isandi sayo sinjani. Mabenze nomfanekiso-ntekelelo wendlela abaziva ngayo ngomlinganiswa, isiganeko okanye into ekwitekisi.
3 Bacele abafundi bavale amehlo ze baphole. Bafundele itekisi kwakho kube kanye.
4 Emva koko, bacele bawavule amehlo, ze bazobe oko bathe benza umfanekiso-ntekelelo ngako kuvela kwitekisi. Abafundi banokongeza iimpawu bacacise ivumba, incasa, njl, njl.
5 Emva koko abafundi mabasebenzise isi/ziqali-sivakalisi babhale isivakalisi nokuba zibini ngoko bathe benza umfanekiso-ntekelelo ngako.
6 Okokugqibela, bavumele baguquke ze bathethe, babelane ngemifanekiso-ntekelelo yabo neqabane.

### LINGANISA IBALI

1 Hlalisa abafundi kwimethi okanye indawo ethe cwaka phandle.
2 Xelela abafundi ukuba namhlanje baza kulinganisa iindawo ezithile zebali abalifundileyo.
3 Bambela phezulu incwadi enkulu. Funda iphepha lokuqala.
4 Nika abafundi imiyalelo yento ekufuneka bayilinganise. (ekwisicwangciso sesifundo)
5 Linganisa imiyalelo kunye nabafundi.
6 Phinda kwiphepha ngalinye.
7 Baqeqeshe abafundi ukuba kwakubonisrwa ngophawu ukuba mabathi cwaka baphulaphule mabenze njalo, njengoko ufunda iphepha usenza neentshukumo.


### UKUBALISWA KWAKHONA OKANYE UKUBHALWA KWEENDAWO EZITHILE ZEBALI

1 Hlalisa abafundi bazole ukuze bamilisele iingqondo kuwe.
2 Landela amanqwanqwa kwisicwangciso sesifundo ukubalisa kwakhona indawo ethile kwibali kunye nabafundi.

3 Okokuqala, uza kwenza umfuziselo wokubalisa ukhumbula into esebalini.
4 Okulandelayo, uza kubaxelela abafundi ukuba bacinge ngento ethile ebalini – mabangalinganisi umzekelo wakho.
5 Baza kuthi ke ngoku abafundi BAGUQUKE ZE BATHETHE babelane bebalisa kwakhona kunye neqabane.
6 Okokugqibela, uya kubiza babe mbalwa beze kwabelana neklasi babalise kwakhona.
7 Ukuba isifundo sesokubalisa ngokubhala, abafundi baya kuzoba/ babhale ibali kwakho ezincwadini zabo zomsebenzi.

### OKUBHALWAYO KWENGQIQO NOKUQONDA

1 Phambi kwesifundo, bhala isihloko setekisi njengesihloko ebhodini.
2 Emva koko bhala imibuzo yengqiqo nokuqonda ebhodini, kunye neziqali-zivakalisi zeempendulo. (Apho kufanelekileyo.)
3 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo zokubhala baze babhale isihloko.
4 Baxelele abafundi ukuba namhlanje, baza kucinga ze babhale iimpendulo zale mibuzo.
5 Funda imibuzo nabafundi, uze ucacise xa kuyimfuneko.
6 Baxelele abafundi banokungayibhali phantsi imibuzo, mababhale iimpendulo kuphela.
7 Hamba hamba ujikeleze uze uncede abafundi abatsala nzima.
8 Kwimizuzu emibini yokugqibela, phendula imibuzo kunye nabafundi, bavumele bakorekishe imisebenzi yabo.



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala

***Injongo:*** *Ukuphulaphula nokunika umfundi ngamnye ithuba lokuzifundela ngaphandle, nokuphuhlisa gca izakhono zokufunda ngengqiqo nokuqonda. Ukunika abanye abafundi eklasini ithuba lokuziqhelisa ukufunda izandi, amagama avela kakhulu kwitekisi, amagama afundeka lula ngokuhlahlela, nokudibanise izandi namalungu egama, phambi kokubhala umsetyenzana ohlola ukuqonda nengqiqo.*

Kubalulekile ukuba umamele umfundi ngamnye ezifundela nokuba kukanye ngeveki

### EKUFUNEKA UKWENZE NABANYE BAFUNDI EKLASINI

1 Phambi kokuqala kwesifundo sokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala, qiniseka ukuba abanye abafundi apha eklasini baneencwadi zabo zokubhala kunye nephepha lomsebenzi wokufunda uzimele.
2 Qiniseka ukuba iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele likhuselekile ngokulifaka kwifayili okanye isingxotyana seplastiki.
3 Qeqesha abantwana ngemigaqo emayilandelwe xa ilithuba lokufunda ngamaqela notitshala.
   a Nika bonke abafundi iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele.
   b Cacisela abafundi ukuba umsebenzi wokuqala kwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele kufuneke wenziwe ugqitywe.

- **c** Biza iqela lize kukufundela.
- **d** Xa sele umamele umfundi ngamnye kwiqela elo bayalele babuyele kwidesika zabo.
- **e** Yalela abafundi benze umdlalwana wokuphumza ingqondo umzekelo ingonyana okanye umdlalo.
  - *Qaphela: imizuzu engama-30 mininzi abafundi behleli besenza umsebenzi omnye umntu eyedwa. Ngenxa yesi sizathu kubalulekile ukuba ubaphumze ngokwenza umdlwana okanye ingonyana enika umdla.*
- **f** Phinda ubahlalise ubanike nephepha lomsebenzi wokufunda uzimele.
- **g** Cacisela abafundi ukuba umsebenzi olandelayo kwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele kufuneke wenziwe ugqitywe.
- **h** Biza elinye iqela lize kukufundela.

**4** Bubuchule ukuhlalisa umfundi osilelayo ekufundeni kunye nomfundi okwaziyo ukufunda ukuze bancedisane.

## ISIMO SEPHEPHA LOMSEBENZI WOKUFUNDA UZIMELE

**1** Iphepha lomsebenzi wokufunda uzimele linemisetyenzana eli-10 qho ngeveki. Kukho amathuba alishumi evekini okuba utitshala asebenze namaqela. Oko kuthetha ukuba abafundi baza kuyigqiba imisebenzi ngeeseshoni ezili-9.

**2** Imifanekiso ikhumbuza abafundi ngemabakwenze ngexesha lesifundo ngosuku ngalunye.

- **a** Umlomo ubakhumbuza ukuba babize izandi zegama ngalinye.
- **b** Iliso likhumbuza abafundi ukuba bafunde amagama ngokuwabona.
- **c** Umfanekiso onomntwana omnye ukhumbuza abafundi ukuba lithuba lokuba umntu ngamnye azifundele.
- **d** Abantwana ababini bakhumbuza abafundi ukuba lithuba lokufunda bebabini.
- **e** Umfanekiso wesandla esibambe usiba lokubhala ukhumbuza abafundi ukuba lithuba lokuba bazobe okanye babhale.

**3** Kugcinwa uluhlu oluyintloko olunazo zonke izandi namagama asetyenziswa njalo afundisiweyo. Amabali amatsha akhiwa kusetyenziswa izandi namagama eveki asetyenziswa njalo, nangokuquka izandi namagama asetyenziswa njalo asele efundisiwe. Oku kuthetha ukuba abafundi abahlangani namagama abangazange bawabona kwiphepha labo lomsebenzi.

## UKWAHLULA AMAQELA NOKUKHETHA ITEKISI YOKUFUNDWA KWISIFUNDO SOKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTUTSHALA.

**1** Kwiveki ezimbini zokuqala zokuvulwa kwezikolo, mamela umfundi ngamnye efunda eyedwa.

**2** Sebenzisa le rubriki ingezantsi ukwahlula abafundi ngokomgangatho wabo wokufunda

**3** Hlela abafundi, ubafake kumaqela, iqela ngalinye libe nabafundi abafunda ngokufanayo/ kumgangatho olinganayo.

4 Le nkqubo inezifundo ezilishumi ngeveki zokumamela abafundi befunda. Kufuneka uhlele ube namaqela alishumi. Ukuba unamaqela angaphantsi kweshumi ungalisebenzisa eli thuba ukusebenza namaqela atsala nzima ukufunda.

5 Kwitreka yakho uza kufumana ifomu yokubhala amagama abafundi ngokwamaqela abo, kunye netheyibhuli yokubhala itekisi abayifundayo nokujonga inkqubo yabo xa befunda.

6 **Qaphela**: le rubriki yeyokwahlula abafundi ngokomgamgatho wabo wokufunda

7 Ukuba kukho abafundi abaliqela abakumgangatho olinganayo wokufunda, banike umsebenzi wengqiqo nokuqonda ukubohlula.

8 Kwiklasi enabafundi abangama-40 kungakho:
- Akukho qela lipheleleyo kumgangatho 1, ngabafundi abambalwa.
- Iqela elinye kumgangatho 2
- Amaqela amabini okanye amathathu kumgangatho 3
- Amaqela amabini okanye amathathu kumgangatho 4
- Iqela elinye okanye amabini kumgangatho 5

| Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda: kumgangatho 1 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 2 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 3 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 4 | Ndicinga ukuba lo mfundi ufunda kumgangatho 5 |
|---|---|---|---|---|
| • Lo mfundi akazi kwagama okanye ufunda amagama ambalwa<br>• Lo mfundi akaziqondi izandi ezininzi noonobumba. | • Lo mfundi wazi amagama ambalwa aqhelekileyo<br>• Lo mfundi akaziqondi izandi nonobumba OKANYE lo mfundi udinga uncedo ukufunda amagama nezandi ezitsha. | • Lo mfundi wazi amagama amaninzi aqhelekileyo.<br>• Lo mfundi udinga uncedo ukufunda amagama angekafundiswa/ amatsha | • Lo umfundi wazi amagama aqhelekileyo amaninzi ukwafunda nesininzi samagama angekafundiswa/ amatsha<br>• Lo mfundi udinga uncedo ngamathuba athile ukufunda amagama angaqhelekanga<br>• Lo mfundi uyakwazi ukufunda amagama amaninzi ngokutyibilika | • Lo umfundi wazi amagama amaninzi aqhelekileyo<br>• Lo mfundi ufunda amagama angekafundiswa<br>• Lo mfundi ufunda ngokutyibilika nangokucacileyo.<br>• Ngomnye wabafundi abagqwesileyo ekufundeni eklasini. |

## EMAKWENZIWE NEQELA NGALINYE NGEXESHA LOKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA.

1. Biza iqela likufundele
   - **a** Qinisekisa ukuba banetekisi echanekileyo.
   - **b** Hlalisa iqela kwisangqa
   - **c** Khumbuza abafundi amagama abawafunde ngokuwabona kule veki. Bonisa abafundi onotsheluza bala magama baziqhelise ukuwafunda.
   - **d** Okulandelayo, nika abafundi imizizu embalwa bazifundele indawana yetekisi bethe cwaka.
   - **e** Nika umfundi ngamnye ithuba lokufundela ngaphandle indawana yetekisi eyedwa.
2. Kwizifundo zokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala kubalulekile ukukhumbula ukuba:
   - **a** **Bonisa abafundi amagama avela nasetyenziswa kakhulu kwitekisi**. Khumbuza abafundi ukuba kukho amagama **e**kufuneka bawafunde ngokuwajonga bawagcine engqondweni.
   - **b** **Yakha izakhono zokuhlahlela amagama**. Xa umfundi etsala nzima ukufunda igama, ungakhawulezi umnike impendulo mncedise umbonise ukuhlahlela nokuhlanganisa zandi ukuze kuphume igama.
   - **c** **Ncoma, ukhuthaze abafundi.** Ukufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala kufuneka kwenziwe kube sisifundo esinika umdla, esikhuthazayo nesakha ukuzithemba kubafundi.
   - **d** **Phuhlisa ukufunda ngokutyibilikayo.** Ncedisa abafundi kuphuhle ukufunda ngokutyibilikayo**.** Xelela abafundi ukuba xa ufunda kufuneka kuvakale ngathi uyathetha. Yenza ymfuziselo ufundela abafundi ngokutyibilikayo balandele emva kwakho.
   - **e** **Yakha ingqigqo nokuqonda ngokufundwayo.** Xelela abafundi ukuba xa befunda kufuneka bacinge ngoko bakufundayo. Fundisa abafundi ukuba banqumame, baphinde bafundisise xa belahlekelwa ngumxholo wabakufundayo**.** Fundisa abafundi ukuba babe nomfanekiso ngqondweni njengoko befunda – bazakhele umboniso bhanyabhanya ezintlokweni zabo ngoko bakufundayo. Fundisa abafundi ukuzama bahlale bekhumbula abakufundayo kwaye babuze xa kukho abangakuqondiyo.

## UKUNAKEKELWA/UKUGCINWA KWAMAPHEPHA OMSEBENZI WOKUFUNDA UZIMELE

1. Licebo elihle ukuwagcina kwifayile okanye kwisingxotyana seplastiki xa abafundi bewasebenzisa.
2. Xa kugqityiwe ukutyenziswa amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, wanakekele, uwagcine kakuhle.
3. Xa uwagcine kakuhle amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, angahlala iminyaka kuba abafundi ababhali kuwo, babhala kwiincwadi zabo zokubhala.

### ENYE INDLELA YOKUFUNDA NGAMAQELA

Khumbula ukuba isizathu sokufunda ngamaqela kukumamela umfundi ngamnye ezifundela eyedwa ukuze bancedwe baphuhlise isakhono sabo sokufunda. Ukuba akukho ndawo yaneleyo kwiklasi yakho yokuhlala nabafundi phantsi nifunde, okanye kuyingxaki ukugcina ucwangco kwiklasi xa ufunda neqela, ikhona enye indlela.

Kwisifundo sokufunda ngamaqela ancediswa ngutitshala, nika bonke abafundi amaphepha omsebenzi okufunda uzimele, uze wenze oku kulandelayo:

1. Bacacisele umsebenzi wokuqala abaza kuwenza okwiphepha lomsebenzi lokufunda uzimele
2. Wandule, ubize umfundi ngamnye eze kwitafile yakho, afundele ngaphandle
3. Mamela umfundi ngamnye efunda kwitekisi ekumgangatho wakhe
4. Phuhlisa isakhono sabo sokuhlahlela amagama nokufunda ngobugcisa.
5. Emva kwemizuzu eli-15, Yalela abafundi benze umdlalo wokuphumza ingqondo.
6. Phinda uhlalise abafundi baqhubeke nomsebenzi okwiphepha lomsebenzi wokufunda uzimele
7. Bacacisele umsebenzi olandelayo okwiphepha lomsebenzi lokufunda uzimele.
8. Qhubeka ubize abafundi ngabanye beze kukufundela kwitafile yakho.

Ukuba ukhetha ukwenza le inkqubo xa usenza isifundo sokufunda ngamaqela, qinisekisa ukuba ufumana ithuba lokumamela umfundi ngamnye kube kanye ngeveki.

## Inkqubo elandelwayo yokubhala

***Injongo:*** *Kukufundisa nokuncedisa abafundi kwinkqubo elandelwayo bebeka iingcinga zabo ephepheni. Nokubonisa abafundi ukuba ukulandela inkqubo kubanika amathuba okutshintsha, becokisa ukuphucula iingcinga zabo. Kunokulindela ukuba bathi beqala ukubhala babhale konke ngokuchanekileyo.'*

Inkqubo yokubhala elandelwayo iquka la manyathelo alandelayo ukucwangcisa, ukuyila, ukuhlela, ukupapasha nokunikweza iindlebe. La manyathelo mane aphuhlisa ubuchule bokubhala, afundiswa abafundi kuwo oomathathu la mabanga kule mfundo esisiSeko.

### CWANGCISA UKUBHALA

1. Le nkqubo iphuhlisa ubuchule bokubhala, ifundisa abafundi indlela yokucwangcisa ukubhala besebenzisa:
   a. Uluhlu
   b. Imephu yengqondo
2. Phambi kokuba abafundi bacwangcise umsebenzi wabo, kumele wena ubabonise abamele bakwenze ukuze baqiniseke ngokufuneka bekwenzile. Isicwangciso sesiFundo siyakukhokela ukwenza oku.

3 Cacisela abafundi ukuba ngamaxesha onke kumele bakuCINGE kuqala oko baza kubhala ngako. Bonisa ngokuthetha iingcinga zakho ngokuvakalayo.
4 Sebenzisa isakhelo sesicwangciso ukwakha esakho isicwangciso sokubhala.
5 Nika abafundi imizuzu embalwa ukuba bacinge ngoko baza kukubhala.
6 Vumela abafundi baguquke bathethe, besabelana ngeengcinga zabo.
7 Abafundi mabasebenzise isakhelo sokubhala besakha esabo isicwangciso sokubhala bekhokhelwa bekwancedwa nguTitshala

### YILA/CEBA UKUBHALA

1 Phambi kokuba siqale isifundo, bhala kwakhona isicwangciso sokubhala kwisifundo sangoMVULO ebhodini. Bhala isakhelo sokubhala ebhodini.
2 Cacisa, ubabonisa ngendlela abaza kusibenzisa ngayo isicwangciso ukwenza idrafti.
3 Abafundi mabenze konke oku besebenzisa isakhelo sokubhala.
4 Njengokuba bafundi bebhala idrafti zabo, hamba hamba eklasini unika uncedo.

### HLELA UKUBHALA

1 Bhala itshekhilisti yokulungisa umbhalo okwisicwangciso sesiFundo ebhodini.
2 Funda ucacisele abafundi indlela yokusebenzisa le tshekhilisti.
3 Bonisa abafundi indlela ezilungiswa ngayo iimpazamo ezenziweyo.
4 Nika abafundi ithuba lokulungisa iimpazamo zabo besebenzisa itshekhilisti.

### UKUPAPASHA NOKUNIKWEZA INDLEBE

1 Yalela abafundi babhale kwakhona ngokucocekileyo umsebenzi wabo.
2 Nika abafundi ithuba lokutshintsha incwadi ze omnye afunde umsebenzi womnye.
3 Abafundi mabanikwe ithuba lokufunda umsebenzi wabo eklasini.
4 Cela abanye babafundi babhale ngokutsha kumaphepha befaka imizobo ze babhale amagama abo ngezantsi kumaphepha lawo. Xhoma lo msebenzi eludongeni ukuze ubonwe ngumntu wonke eklasini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi. Okulindelwe kuwe kukuba ngekota umakishe amaphepha nje amabini kumsebenzi wokubhala usebenizsa irubhriki. Khumbula ukuba kubalulekile ukufunda yonke imibhalo yabafundi uncome, ucebisa nalapho basilele khona.
6 Oku kunceda nasekukhuliseni ukuzithemba kwisakhono sokubhala.

## Ubuchule obuphuhlisa ukubhala

***Injongo:*** *Kukuxhobisa abafundi ngobuchule bokuphuhlisa ukubhala obusebenza njengesakhelo ukubancedisa ekujikeni iingcinga zabo zibe yimibhalo yokwenene.*

1 Landela isicwangciso sesifundo seveki nganye ukwenza umsebenzi owunikiweyo wokubhala.
2 Kwesi sicwangciso sesifundo uya kuqaphela ukuba imisebenzi emayenziwe eklasini ilandelelana ngokufanayo amaxesha onke. Oku kunceda bafundi ukuze bakwazi emabakulindele kumsebenzi obhalwayo Oku kunceda nokwakha ukuzithemba.
3 Uya kuqaphela ke Titshala ukuba ubuchule obahlukeneyo buyafundiswa kubafundi ekubancediseni kwiphulo lokugqiba umsebenzi obhalwayo onikiweyo.
4 Iphulo kukuba abafundi babazi obu buchule bokufunda bebusebenzisa ngokokwabo.
5 Obu buchule benza abafundi bazibone benakho ukwenza umsebenzi obhalwayo xa befundiswe onke la manyathelo alandelwayo kule nkqubo yokubhala.

**UBUCHULE BOKUBHALA BOKU-1: UTITSHALA WENZA UMFUZISELO WOKUBHALA KUQALA**

**a** UTitshala ubonisa abafundi ekufuneka kwenziwe kuqala.
**b** Ngokujonga okwenziwa nguTitshala abafundi bayacacelwa ngokufuneka bekwenzile.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-2: ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE**

**a** Ukubhala sisenzo sokubeka iingcinga ephepheni.
**b** Oku kuthetha ukuba ababhali mabacinge kuqala, ze bathathe isigqibo ngeembono phambi kokuba bazibhale.
**c** Kwaye oku kuthetha ukuba akukho mpendulo zilungileyo nezingalunganga xa kubhalwa umbhali ngamnye uneengcinga zakhe aza kubhala ngazo.
**d** Banike ithuba elaneleyo lokucinga ngamaxesha onke abafundi.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 3: ABABHALI BAKRWELELA UMGCA KWIGAMA NGALINYE ABALIBHALAYO**

- **a** Abafundi bacinga ngesivakalisi abafuna ukusibhala, ze basivakalise ngaphandle.
- **b** Abafundi babala ukuba isivakalisi sinamagama amangaphi, ze bakrwele imigca ukubonisa igama ngalinye.
- **c** Imigca mayikrwele ukusuka ekhohlo isiya ngasekunene, isuka ngentla isiya ngezantsi.
- **d** Imigca mayingqamane nobude begama ngalinye.
- **e** Makushiywe izithuba phakathi kwamagama.
- **f** Makubekwe isingxi ekupheleni kwesivakalisi.
- **g** Xa imigca igqityiwe ukukrwelwa, umbhali makabhale amagama, ukuba akaqinisekanga ngegama makazame ukubhala isandi esi siqala ngalo igama phambi kokucela uncedo.
- **h** Le nkqubo yakha isakhelo nokuzimisela kubabhali. Abafundi ekunzima ukubhala le nkqubo ingabanceda kakhulu.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-4: ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO UKUBHALA AMAGAMA**

- **a** Fundisa abafundi bakho ukungaceli uncedo kuTiitshala xa bebhala amagama abangawaziyo. Kufuneka besebenzise izixhobo kuqala ukubhala la magama. Umzekelo:
- **b** Amagama aseludongeni kwigumbi lokufundela
- **c** Ezinye iincwadi
- **d** Uluhlu lopelo lovavanyo
- **e** Ukanti bangabuza nakoogxa babo eklasini.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-5: ABABHALI BASEBENZISA IINKUMBULO ZABO UKUKHUMBULA AMAGAMA**

- **a** Abafundi mabazame ukukhumbula amagama asele bewafundile, ze bawabhale la magama besebenzisa iinkumbulo zabo.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI-6: ABAFUNDI BABIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO**

- **a** Fundisa abafundi ukutsho igama abangalaziyo kancinane okofudo ukuze bamamele ze bachonge izandi ezahlukeneyo ezenza igama.
- **b** Abafundi mababhale phantsi izandi ngohlobo abaziva ngalo. (Bangangawabhali ngokuchanekileyo amagama kodwa oku makungakuphazamisi njengoko sifuna nje ukuba baqale babhale amagama abangawaziyo besenzisa imvakelelo yezandi).
- **c** Zama ukufunda ulwazi lwezandi kubafundi, ze ubancome ngokukwazi ukuva izandi ezo ukwakha amgama. Sisakhono esibaluleke kakhulu esi ungalibali ukuncoma ngamaxesha onke.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 7: ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO**

- **a** Abafundi mabazifundele imibhalo yabo ngokuvakalayo okanye bafundele oogxa babo. Ukuba nababukeli (ukufundela oogxa babo) kwenza le nkqubo ilandelwayo yokubhala ibe nentsingiselo engaphaya.
- **b** Ngeli thuba besenza oku qinisekisa ukuba akukho magama bawashiyayo.
- **c** Mabaqinisekise ukuba amagama alandelelana ngokuvakalayo.
- **d** Okona kubalulekileyo qinisekisa ukuba wenza abafundi bakho bayonwabele le nkqubo ukuze bazingce ngoko bakubhalileyo.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 8: ABAFUNDI BAYAGUQUKA/ BAYAJIKA BATHETHE**

- **a** Kumaxesha athile eklasini abafundi bangaguquka bathethe noogxa babo.
- **b** Oku kunceda abafundi babelane ngeengcinga zabo koko baza kubhala, ukufundela oogxa babo oko bakubhalileyo, bexelelana nangemifanekiso ekwimibhalo yabo okanye beqonda ukuba bakuvile na ekufuneka kwenziwe.
- **c** Fundisa abafundi bakho baguquke bajongane ebusweni bethethela phantsi.

**UBUCHULE BOKUBHALA BESI – 9: UKUBAMBA IINGXOXO NABAFUNDI**

- **a** Bubuchule obubaluleke kakhulu oko njengoko abafundi besabhala.
- **b** Hamba, hamba phakathi kwabo, ze ume xa ubona ongathi unzinyelwe koko kufuneka ekubhalile.
- **c** Yiba nengxoxo nalo mfundi.
- **d** Wujonge umsebenzi wabafundi, umamele, unike noncedo apho lufuneka khona.
- **e** Ungalibali ukunika umfundi nganye ithuba lakho nawe, kananjalo ncoma imibhalo yabo.

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqoshiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke okusekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo ephephileyo efanelekileyo. ukuze ukwazi ukuzisebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyisebenzisa oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: ifoto yakho nabahlobo bakho,umfanekiso wabahlobo bedlala njalo njalo.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo. Umzekelo: Yenza uphando ngeempawu zomhlobo olungileyo.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi ye DBE zibekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zokufunda zethala leklasi zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo ngalo kwigumbi lokufundela kubafundi.

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha la 24 nela 25 , Masibhale

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha la 26, Masifunde

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku 1: iPhepha la 27 nama 28, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso** womhlobo wakho osenyongweni..

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali 15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)

1 Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala kwiNcwadi Enkulu kwibali: **Izihlobo ezingoo 'A'**
2 Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Abahlobo**.
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Zeziphi ezinye iimpawu zabahlobo abalungileyo?
   b Chaza ezinye izinto ezenziwa ngabahlobo?
   c Yintoni ekumele abahlobo bangaze bayenze?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   a Point – Khomba igama
   b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yamagama esekelwe kumxholo kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   a Umgangatho
   b ukuba nentloni
   c ukuba nobubele

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Umhlobo wam uyandithanda yena | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Xa ndivuya yen'uvuya nam | *Nyuka uhle unge uyaxhumaxhuma* |
| Ndakukhal'uyandithuthuzela | *Beka isandla emehlweni ubuye umbambazele egxeni* |
| Umhlobo wam uyandithand yena | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |

## UkuBhala ngesandla

15 imizuzu

1. Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo
2. Bizela abafundi ezi zandi zilandelayo bazi bhale phantsi
    - **a** lala
    - **b** mela
    - **c** sala
    - **d** molo
    - **e** usula
    - **f** inesi
    - **g** duda
    - **h** icala
    - **i** lila
    - **j** inani
3. Abafundi mabathathe iipenisile zabo ezinebala bazikorekishe.
4. Bhala isandi negama ngokucacileyo ebhodini.
5. Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhale phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi kokuFunda

#### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2. Vula Incwadi Enkulu kwibali: **Izihlobo ezingoo 'A'**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni ibali.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6. Funda ibali lonke ekuqaleni,ungemanga.

## UkuBhala:

30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Zoba umfanekiso womhlobo omthandayo.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale isivakalisi.

**IFREYIMU YOKUBHALA: Umhlobo wam u……..**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1 Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngomhlobo abamthandayo.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho ngoko uzakuzoba umzekelo: Lo ngumhlobo wam uSiya.
4 Yenza **umfuziselo** ubabonisa umzobo wakho nomhlobo wakho..
5 Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Krwela umgca kwigama ngalinye** ,umzkl: umhlobo wam nguSiya.
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwiingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Buza abafundi: Ngubani umhlobo wakho? Chaza into ibenye oyithandayo ngomhlobo wakho.
2 Yalela abafundi **bacinge phambi kokuba babhale**.
3 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele ngento ibenye abayithandayo ngomhlobo abamthandayo.
4 Kumele baphendule bathi: Umhlobo wam u ……..
5 Cacisa ngoku ukuba ngoku kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze abhale ngomhlobo wakhe!


#### UKUBHALA:


1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo** nabo apho ubona imfuneko.
3 Bacele abafundi bakuxelele ngoko bakubhalayo.
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1. Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeka ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi* ***apho amehlo abo afika khona*** *kwigumbi lokufundela***.** *Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda woku 1.**
2. Mabathyile **kUmsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lizekusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 1

# Ngolwesibini

## UkuQonda ISandi neSandi Esitsha

15 imizuzu

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/t/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi belandela emva kwakho.
3 Bonisa abantwana ukuba esisandi **/t/** sohlukile / sibizwa ngokufanayo kuLwimi LwaseKhaya isiXhosa nesiNgesi.
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba.
5 Buza abafundi: ninawo amagama eniwaziyo aqala ngesi sandi okanye anesisandi embindini/phakathi?
6 **Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: itoti, utata**

### YAZISA NGAMAGAMA AMATSHA

1 Biza igama ngalinye ngokuvakalayo nangokucacileyo ze uphakamise unotsheluza wegama: **iti, itoti, utata, itutu, ititi**
2 Bonisa igama ngalinye kubafundi, njengoko ulibiza mabaphulaphule xa ubiza ukwabonisa nonotsheluza wegama.
3 Biza igama ze abafundi baphinde emva kwakho.
4 Xhoma oonotsheluza bamagama eludongeni kwiBhodi /itshati yokuXhoma iZandi.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala ngesandla:

15 imizuzu

## UkuBhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Tt**
2 Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu


### UFundo lokuQala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: CINGA NGETEKISI (PHONONONGA)/ YENZA UNXULUMANO**

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| **Izihlobo ezingoo 'A'**<br>UAnopa noAkani babe zizihlobo ukusukela ekuzalweni kwabo. Bobabini bazalwa ngoAgasti. Bobabini babenamagama aqala ngonobumba u-A. UAnopa noAkani babedlala kunye yonke imihla. | |
| La makhwenkwe ayekwiiklasi ezahlukileyo esikolweni, kodwa ayesoloko ekunye ngexesha lekhefu. | |
| NgoMvulo bathatha isigqibo sokuba baza kubaleka. Wathi esabaleka uAnopa wakhubeka elityeni wawa. UAnopa wakhala. 'Musa ukukhala! Uziphethe okosana!' waqhula watsho uAkani. Akazange ahleke uAnopa. | **Ndiyacinga ingaba** uAnopa uziva njani xa umhlobo wakhe esithi ulusana? |
| NgoLwesiBini bagqiba ukuba baye kudlala ibhola ekhatywayo. Wathi esadlala uAnopa wakhatywa yenye inkwenkwe. UAnopa wakhala.'Musa ukukhala! Uziphethe okosana!' waqhula watsho uAkani. Kodwa akazange ahleke uAnopa. | UAkani ucinga ukuba uyahlekisa kodwa **ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokubona** umfanekiso ndithi, uAnopa akayithandi into yokuba umhlobo wakhe athi ngokuba ulusana. |
| NgoLwesiThathu bagqiba ukuba baye kutyibilika. Wathi uAnopa esatyibilika kumtyibilizi, wehla ngesantya esikhulu waya kubetheka ezantsi emhlabeni. Wakhala. 'Musa ukukhala! Uziphethe uziphethe okosana oludala!' waqhula njalo uAkani. Kodwa uAnopa akazange ahleke. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela** ibali ndithi, uAnopa uye esiba nomsindo yile nto yokuba umhlobo wakhe esithi ulusana! Ndiyacinga ingaba uza kwenza ntoni? |
| NgoLwesiNe, wathi uAkani akufika phantsi komthi wabo womnga, wafika engekho uAnopa. UAkani wagqiba ukuba uza kumkhangela umhlobo wakhe. Wakhangela yonke indawo. Ekugqibeleni wamfumana koojingi noBongani. 'Kutheni uAnopa engandilindanga xa eya kudlala?' uAkani wacinga njalo ecaphuka. Wazidlalela lade laphela ixesha lekhefu. | Oo! Ndiyabona uAnopa udlala nomhlobo omtsha. **Ndiyacinga ingaba** kungenxa yokuba uAkani usoloko esithi ulusana? |
| Ngobo busuku, utata kaAkani wambuza ukuba ebenosuku olumnandi na.<br>'Hayi,' watsho uAkani, 'uAnopa akakhange andilinde siye kudlala kunye.'<br>'Kutheni?' wabuza utata wakhe.<br>'Andazi,' wenyusa amagxa uAkani. | UAkani wacinga ukuba uyaqhula. **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, akazange acinge ukuba ingamkhathaza njani umhlobo wakhe le ndlela aqhula ngayo. |

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| 'Ingaba ikhona into eyenzekileyo phakathi kwenu nobabini?' wabuza utata wakhe.<br><br>'Andazi,' wenyusa amagxa uAkani.<br><br>'Uqinisekile ukuba akukho nto ikhe yenzeka?' wabuza kwakho utata wakhe.<br><br>UAkani wacinga, wacinga. 'Hee ... uAnopa wasoloko ekhala ngexesha lekhefu...ndithe ulusana.'<br><br>'Ucinga ukuba ungaziva njani wena xa uAnopa enokuthi ulusana?' wabuza utata wakhe.<br><br>UAkani wacinga, wacinga. 'Ndicinga ukuba ndingakhathazeka ndive kabuhlungu!' watsho.<br><br>'Ucinga ukuba ungenza ntoni ukulungisa izinto?' wabuza utata wakhe. | |
| 'Ndifuna ukwenza ikhadi ndixolise,' watsho uAkani.<br><br>Wabaleka waya kuthatha iphetshana. Walisonga embindini. Wazoba umfanekiso wakhe noAnopa bedlala kunye. Akugqiba wabhala,'Ndiyaxolisa!' | **Ndiyacinga ingaba** uAnopa uza kumxolela na umhlobo wakhe xa ebona ikhadi? |
| NgoLwesiHlanu phambi kokungena kwesikolo, uAkani wakhangela uAnopa kuyo yonke indawo. Wathi akumfumana wamnika ikhadi. 'Ndiyaxolisa!' watsho. | |
| Ngexesha lekhefu uAnopa walinda uAkani phantsi komthi womnga. Wafika engahambi yedwa, ehamba noBongani. 'Ndiyabulela ngekhadi,' watsho uAnopa.<br><br>'Masidlale, noBongane angadlala naye!'<br><br>UBongani igama lakhe lalingaqali nonobumba u-A. Wayengazelwanga ngoAgasti. Kodwa noxa kunjalo kwakumnandi ukudlala nomhlobo omtsha. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uAnopa umxolele umhlobo wakhe, kuba uya kwindawo yabo yesiqhelo yokudibana. |

| Imibuzo ebuzwayo | Iimpendulo |
|---|---|
| Yintoni ekhalisa uAnopa? | Ukhubeke elityeni, ukhatywe yenye inkwenkwe, waza wawa kabuhlungu wabetheka emhlabeni. |
| Wathini uAkani akukhala uAnopa? | Wathi ulusana. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo** |
| Kwakutheni ukuze uAnopa adlale nomhlobo omtsha? | • Kuba wayengakuthandi ukuba kuthiwe lusana.<br>• Kuba ngoMvulo uAkani wathi ulusana, ngoLwesiBini nangoLwesiThathu kwaye zange ayithande loo nto.<br>• Kuba wayefuna umhlobo ongazi kumhleka xa esiva buhlungu.<br>• Kuba uAkani wayezivise kabuhlungu. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 1**.
2. Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali

15 imizuzu


### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- **a** Point – Khomba igama
- **b** Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- **c** Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- **d** Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesigama somxholo
- ukukhubeka uwe
- ukukhubeka emphefumlweni
- ukukhutyekiswa

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Umhlobo wam uyandithanda yena | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Xa ndivuya yen'uvuya nam | *Nyuka uhle unge uyaxhumaxhuma* |
| Ndakukhal' uyandithuthuzela | *Beka isandla emehlweni ubuye umbambazele egxeni* |
| Umhlobo wam uyandithanda yena | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)



**1** Yohlula bafundi babe ngamaqela ngokwamaqela abo amancinane.
**2** Nika umfundi ngamnye imifanekiso yobugcisa bokwakha ibali.
**3** Umfundi ngamnye makajonge imifanekiso acinge ibali eliza kungena ncakasana kwimifanekiso leyo.
**4** Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngabaza kubhala ngezimvo zabo.
**5** Emva koko umfundi ngamnye uza kunikwa ithuba lokwabelana ngeengcinga zakhe ngebali kwiqela.
**6** Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
**7** Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
**8** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## UkuQonda ISandi neSandi Esitsha

15 imizuzu

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/k/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abantwana ukuba esisandi **/k/** siyafana / asifani ngokubizwa nesesingesi.
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba.
5 Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo ahambelana nesisandi **/k/?**
6 **Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: ikati, kama**

### YAZISA NGAMAGAMA AMATSHA

1 Biza igama ngalinye ngokuvakalayo nangokucacileyo ze uphakamise unotsheluza wegama: **kama, kubi, ikati, isikolo, ikeyiki**
2 Bonisa igama ngalinye kubafundi, njengoko ulibiza mabaphulaphule xa ubiza ukwabonisa nonotsheluza wegama.
3 Biza igama ze abafundi baphinde emva kwakho.
4 Xhoma oonotsheluza bamagama eludongeni kwiBhodi /itshati yokuXhoma iZandi.

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala ngesandla:

15 mizuzu

### UkuBhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Kk**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi <u>mabakrwele umgca kwisandi</u> esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngento ibenye abayithanda kakhulu ngomhlobo.
2. Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3. Xelela abafundi iingcinga zakho noko uzakubhala njenge: Lo ngumhlobo wam uSiya. Ndiyamthanda uSiya kwaye uyandihlekisa lonke ixesha.
4. Yenza umfuziselo ubabonisa umzobo wakho nomhlobo wakho.
5. Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Krwela umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, umzkl: Umhlobo wam uSiya uyahlekisa.
6. Cima umzekelo wakho ebhodini. Bacacisele ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwingcinga zabo.

## IMIYALELO YE-ORALI

1. Yithi vandla vandla amagama athile nabafundi ngeempawu zomhlobo wenene.
2. Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: unobubele, uyahlekisa, unentliziyo entle, uyakhathala njalo njalo.
3. Buza abafundi: Ngubani umhlobo wakho? Kwaye yintoni eyona nto uyithandayo ngaye?
4. Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5. Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele: ngeyona nto bayithanda kakhulu kubahlobo babo.
6. Kumele baphendule bathi: Umhlobo wam u………..
7. Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ukuze abhale isivakalisi ngomhlobo wakhe!


## UKUBHALA


1. Nika abafundi iincwadi zabo.
2. Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo**. apho ubona imfuneko.
3. Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo.
4. Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5. Bakhuthaze abafundi.

## MABAGUQUKE BATHETHE

1. Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeke ukubhala.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 1**.
2. Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho a ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 1

# Ngolwesine

## Ukuva ze bakwazi ukohlula izandi nezandi zopelo:

15 imizuzu

### Ukwahlukanisa nokwakha amagama

**NDIYENZA...**

1 Qala ngegama kula magama akwisifundo sangoLwesiBini.
2 Biza igama: **itoti**
3 Yahlukanisa igama isandi ngesandi: **/i/** – **/t/** – **/o/** – **/t/** – **/i/**
4 Biza isandi sokuqala kwigama: **/i/**
5 Biza isandi esiphakathi kwigama lesandi: **/t/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/o/**
7 Biza isandi esilandelayo: **/t/**
8 Biza isandi sokugqibela kwigama lesandi: **/i/**
9 Bhala igama ebhodini: **itoti**
10 Yenza umfuziselo ubonisa ngokukhomba ukudibanisa izandi usakha igama elitsha: **/i/** – **/to/** – **/ti/** = **itoti**
11 Phinda konke oku kungentla ngokuthatha elinye igama kwesa sifundo sangoLwesiThathu: **kubi**

**SIYENZA...**

1 Qala ngegama kula magama akwisifundo sangoLwesiBini.
2 Biza igama: **utata**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/u/** – **/t/** – **/a/** – **/t/** – **/a/**
4 Buza abafundi: Sesiphi isandi sokuqala kweli gama? **/u/**
5 Buza abafundi: Sesiphi isandi esiphakathi kweli gama? **/t/**
6 Buza abafundi: Sesiphi isandi esilandelayo? **/a/**
7 Buza abafundi: Sesiphi isandi esilandelayo? **/t/**
8 Buza abafundi: Sesiphi isand isandi sokugqibela kweli gama? **/a/**
9 Bhala igama: **utata**
10 Yalela abafundi badibanise izandi bakhe igama kunye nawe: **/u/** – **/ta/**-**/ta/** = **utata**
11 Phinda konke oku kungentla ngokuthatha elinye igama kwesa sifundo sangoLwesiThathu: **isikolo**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu


### UFundo lwesiBini

**IINDLELA ZOBUCHULE ZOKUFUNDA: NDIYAKWAZI UKUTHATHA ISIGQIBO**

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Izihlobo ezingoo 'A'</u>**<br>UAnopa noAkani babe zizihlobo ukusukela ekuzalweni kwabo. Bobabini bazalwa ngoAgasti. Bobabini babenamagama aqala ngonobumba u-A. UAnopa noAkani babedlala kunye yonke imihla. | |
| La makhwenkwe ayekwiiklasi ezahlukileyo esikolweni, kodwa ayesoloko ekunye ngexesha lekhefu. | |
| NgoMvulo bathatha isigqibo sokuba baza kubaleka. Wathi esabaleka uAnopa wakhubeka elityeni wawa. UAnopa wakhala. 'Musa ukukhala! Uziphethe okosana!' waqhula watsho uAkani. Akazange ahleke uAnopa. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali**, ndithi uAnopa akazange ayibone njengento ehlekisayo into yokuba kuthiwe lulsana nguAkani. |
| NgoLwesiBini bagqiba ukuba baye kudlala ibhola ekhatywayo. Wathi esadlala uAnopa wakhatywa yenye inkwenkwe. UAnopa wakhala.'Musa ukukhala! Uziphethe okosana!' waqhula watsho uAkani. Kodwa akazange ahleke uAnopa. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uAnopa akazange ayithande indlela aqhula ngayo uAkani. |
| NgoLwesiThathu bagqiba ukuba baye kutyibilika. Wathi uAnopa esatyibilika kumtyibilizi, wehla ngesantya esikhulu waya kubetheka ezantsi emhlabeni. Wakhala. 'Musa ukukhala! Uziphethe uziphethe okosana oludala!' waqhula njalo uAkani. Kodwa uAnopa akazange ahleke. | Akungahleki uAnopa, **ndiyazithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, akayithandi into yokuba kuthiwe ulusana – nokuba kuyaqhulwa! |
| NgoLwesiNe, wathi uAkani akufika phantsi komthi wabo womnga, wafika engekho uAnopa. UAkani wagqiba ukuba uza kumkhangela umhlobo wakhe. Wakhangela yonke indawo. Ekugqibeleni wamfumana koojingi noBongani. 'Kutheni uAnopa engandilindanga xa eya kudlala?' uAkani wacinga njalo ecaphuka. Wazidlalela lade laphela ixesha lekhefu. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo** ngokulandela ibali ndithi, uAnopa ufumene umhlobo omtsha wokudlala kuba akayithandanga into yokubizwa ngokuba lusana nguAkani. Imenze akafuna ukudlala naye. |

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngobo busuku, utata kaAkani wambuza ukuba ebenosuku olumnandi na.<br>'Hayi,' watsho uAkani, 'uAnopa akakhange andilinde siye kudlala kunye.'<br>'Kutheni?' wabuza utata wakhe.<br>'Andazi,' wenyusa amagxa uAkani.<br>'Ingaba ikhona into eyenzekileyo phakathi kwenu nobabini?' wabuza utata wakhe.<br>'Andazi,' wenyusa amagxa uAkani.<br>'Uqinisekile ukuba akukho nto ikhe yenzeka?' wabuza kwakho utata wakhe.<br>UAkani wacinga, wacinga. 'Hee ... uAnopa wasoloko ekhala ngexesha lekhefu...ndithe ulusana.'<br>'Ucinga ukuba ungaziva njani wena xa uAnopa enokuthi ulusana?' wabuza utata wakhe.<br>UAkani wacinga, wacinga. 'Ndicinga ukuba ndingakhathazeka ndive kabuhlungu!' watsho.<br>'Ucinga ukuba ungenza ntoni ukulungisa izinto?' wabuza utata wakhe. | Kwakunzima kuAkani ukuqonda ukuba kutheni uAnopa engadlali naye. Kwamthatha ixesha elide ukumfumana unobangela. **Ndiyakwazi ukuzithathela** i**sigqibo** ngokulandela ibali ndithi, uAkani wayengazimiselanga kumkhathaza umhlobo wakhe – wacinga ukuba yena uyaqhula. |
| 'Ndifuna ukwenza ikhadi ndixolise,' watsho uAkani.<br>Wabaleka waya kuthatha iphetshana. Walisonga embindini. Wazoba umfanekiso wakhe noAnopa bedlala kunye. Akugqiba wabhala,'Ndiyaxolisa!' | **Ndingazithathela isigqibo ngokulandela** ibali ndithi, uAkani ufuna umhlobo wakhe amazi ukuba uyazisola, kuba uchitha ixesha esenza ikhadi. |
| NgoLwesiHlanu phambi kokungena kwesikolo, uAkani wakhangela uAnopa kuyo yonke indawo. Wathi akumfumana wamnika ikhadi. 'Ndiyaxolisa!' watsho. | |
| Ngexesha lekhefu uAnopa walinda uAkani phantsi komthi womnga. Wafika engahambi yedwa, ehamba noBongani. 'Ndiyabulela ngekhadi,' watsho uAnopa.<br>'Masidlale, noBongane angadlala naye!'<br>UBongani igama lakhe lalingaqali nonobumba u-A. Wayengazelwanga ngoAgasti. Kodwa noxa kunjalo kwakumnandi ukudlala nomhlobo omtsha. | Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi, uAnopa ebekuthanda ukudlala noBongani, kuba uze naye aze kudlala – noxa emxolele uAkani! |

| Imibuzo | Iimpendulo |
|---|---|
| Yintoni enokubangela ukuba sizithathele isigqibo ngokulandela ibali sithi, uAkani zange akuthande ukuqhula kukaAnopa? | • Kuba akazange ahleke.<br>• Kuba wafumana umhlobo omtsha wokudlala. |
| Wamanzela ntoni umhlobo wakhe uAkani? | Wamenzela ikhadi lokuxolisa. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze uAkani athethe notate wakhe apha ebalini? | • Kuba ayizange imonwabise into yokuba uAnopa adlale nomhlobo omtsha endaweni yakhe.<br>• Kuba wayengayazi into eyayibangela ukuba uAnopa angafuni ukudlala naye.<br>• Kuba wayefuna uncedo ukuze azame ukubona ukuba kwakonakele phi. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 1.**
2. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
   a Point – Khomba igama
   b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yesigama somxholo
   - ukulunga
   - ukungalungi
   - ukuxolela

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Umhlobo wam uyandithanda yena | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Xa ndivuya yen'uvuya nam | *Nyuka uhle unge uyaxhumaxhuma* |
| Ndakukhal'uyandithuthuzela | *Beka isandla emehlweni ubuye umbambazeleegxeni* |
| Umhlobo wam uyandithand yena | *Khomba ubuyeubeke isandla esifubeni* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
   Eli bali lingo…..
   Ndicinga ukuba uAkani u……..
   Eyona nto ndiyifundileyo ngobuhlobo kweli bali kukuba ………
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.
4 Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye iqela elithile ukuba labelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Ukuva ze bakwazi ukohlula izandi kunye nezandi zopelo:

15 Imizuzu

### Ukufumana amagama

Bhala kwitheyibhuli yakho ebhodini izandi esezifundisiwe kwakunye nezandi ebezifundwe kwisifundo sangoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **t** | **k** | **i** |
| **o** | **u** | **a** |
| **m** | **b** | **d** |

#### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/t/** no **/k/**
2 Hlaziya zonke iizandi namagama awakhiwe ngokudityaniswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki njengo: **/k/ – /a/ /m/ – /a/ = kama**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangalakha igama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/t/ okanye /k/**
6 Bonisa abafundi ukwenza elinye igama njengo: **/b/ – /a/ – /b/ – /a/** = **baba**

#### ABAFUNDI BAYENZA


1 Abafundi mabavule iincwadi zabo babhale isihloko: **t, k**
2 Abafundi mababhale amagama, banike imizuzu – 3 ukwakha amagama.
3 Abafundi mabakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Babonise abafundi indlela zokwakha la amagama (kunye namanye): **iti, itoti, utata, itutu, ititi, kama, kubi, ikati, baba, idada, duda, mama, umama, iduma**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________



## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu


### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA**

**UKUBALISA NGEBALI ELIFUNDIWEYO**

1. Cacisela abafundi ukuba baza kuthetha ngomba abangawuthandanga ebalini.
2. Yenza **umfuziselo** ubonisa abafundi indlela yokubalisa ngesivakalisi esi-1 ukuya kwezi-2 ngento abangayithandanga umzekelo: Andiyithandanga into yokuba uAkani ethe umhlobo wakhe ulusana ngokuba ibingalunganga , andithandi xa abahlobo bengalunganga kwabanye.
3. **Bonisa abafundi imifanekiso yeNcwadi Enkulu.Abafundi mabatsho abacinga kuyenzeka kule mifanekiso.**
4. **Mabacinge ngento abangayithandanga ngebali benika isizathu.**
5. **Cela abafundi aba-2 ukuya kwaba-3 babelane ngezimvo zabo neklasi. Nceda abafundi ekwakheni izivakalisi ezipheleleyo.**
6. **Lungisa iimpazamo kwizivakalisi zabafundi.**
7. Ekugqibeleni, bavumele abafundi ukuba baguquke bathethe, baze babelane ngezimvo zabo nomlingane.

***(Abafundi mabanike izimvo zabo bangafuni ukuthetha okanye ukulinganisa oko bekutshiwo nguTitshala!)***



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 Imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 1.**
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwmi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4 Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6 Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki. abazixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1 Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqoshiwe.
2 Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke okusekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo ephephileyo efanelekileyo. ukuze ukwazi ukuzisebenzisa kwilixa elizayo.
3 Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyisebenzisa oza kuyidinga.
4 Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: ifoto yakho nabahlobo bakho,nisenza izinto enizithandayo.
5 Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo. Umzekelo: Yenza uphando ngeendlela zokwenza abahlobo abatsha.
6 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi ye DBE zibekwa apho zihlala khona.
7 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zokufunda zethala leklasi zikwimeko ephucukileyo

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo ngalo kwigumbi lokufundela kubafundi.

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha la 29 , Masibhale

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha la 30, Masifunde

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku 1: iPhepha la 31 nama 32, Masibhale

**Umsebenzi 4:** Zoba umfanekiso wento enithanda ukuyenza nabahlobo bakho.

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali 15 Imizuzu

**SIJONGA UMXHOLO KWAKHONA: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI (IVEKI YESIBINI YOMXHOLO)**

1. Bonisa abafundi umfanekiso kaNkomo nemusi besitya bobabini kwiNcwadi Enkulu kwibali: **UNkomo nemusi**
2. Xelela abafundi siyaqhubeka nomxholo wethu: **Abahlobo.**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a. Kufanele sibaphathe njani abahlobo?
   b. Zeziphi ezinye iindlela abahlobo abasenza sizive ngayo? Ucinga ukuba nabahlobo kusoloko kulula kwaye kumnandi?

**AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO**

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   a. Point – Khomba igama
   b. Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c. Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d. Say – yitsho igama kwivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yamagama esekelwe kumxholo kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - Engaqhelekanga
   - Ibhaki
   - Imusi

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Umhlobo wam uyandithanda yena | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Xa ndivuya yen'uvuya nam | *Nyuka uhle unge uyaxhumaxhuma* |
| Ndakukhal'uyandithuthuzela | *Beka isandla emehlweni ubuye umbambazeleegxeni* |
| Umhlobo wam uyandithand yena | *Khomba ubuyeubeke isandla esifubeni* |

## UkuBhala ngesandla 15 imizuzu

1 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo
2 Bizela abafundi ezi zandi zilandelayo bazi bhale phantsi
   a kama
   b kubi
   c itoti
   d ikati
   e utata
   f ititi
3 Abafundi mabathathe iipenisile zabo ezinebala bazikorekishe.
4 Bhala isandi negama ngokucacileyo ebhodini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ________________________________________

Amagama: ________________________________________

________________________________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### Ngaphambi kokuFunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2 Vula Incwadi Enkulu kwibali: **Inkomo nemusi**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni ibali.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni,ungemanga.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Zoba umfanekiso wento entle onokuyenzela umhlobo wakho.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale isivakalisi.

**IFREYIMU YOKUBHALA: Ndinga…..**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA:

1 Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngento entle abanokuyenzela umhlobo.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho ngoko uzakuzoba umzekelo: Ndingamema umhlobo wam azokutya isidlo sasebusuku ndimphekele isidlo esimnandi!
4 Yenza **umfuziselo** ubabonisa umzobo wakho unika umhlobo wakho isidlo sasebusuku.
5 Xelela abafundi ukuba ngoku baza kuzoba ze banike iinkcukacha kowabo umzobo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Cinga nabafundi bakho ezinye zezinto ezintle eninokuzenzela abahlobo benu.
2 Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: sabelane ngezimuncuncu ,zoba umfanekiso, sabelane ngepenisile ,bameme bazo kudlala njalo njalo
3 Buza abafundi: Yintoni eyona nto entle onokuyenzela umhlobo wakho?
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele ukuba yintoni eyona nto entle abanokuyenzela umhlobo?
6 Kumele baphendule bathi: Eyona nto entle endinokuyenzela umhlobo ku …
7 Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!


#### UKUBHALA


1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe/ ugqibezele iingxoxo** apho ubona imfuneko.
3 Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo.
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1. Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeka ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela**.** Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda woku 2.**
2 Mabathyile **kUmsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa isandi esitsha namagama

#### FUNDISA ISANDI ESITSHA

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/f/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi belandela emva kwakho.
3. Bonisa abantwana ukuba esisandi **/f/** sohlukile / sibizwa ngokufanayo kuLwimi LwaseKhaya isiXhosa nesiNgesi.
4. Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5. Buza abafundi: ninawo amagama eniwaziyo anesisandi u – **/f/**?
6. **Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: fola, funa, ifani**

#### YAZISA NGAMAGAMA AMATSHA

1. Biza igama ngalinye ngokuvakalayo nangokucacileyo ze uphakamise unotsheluza wegama: **fola, funa, ufifi, faka, ifani**
2. Bonisa igama ngalinye kubafundi, njengoko ulibiza mabaphulaphule xa ubiza ukwabonisa nonotsheluza wegama
3. Biza igama ze abafundi baphinde emva kwakho.
4. Xhoma oonotsheluza bamagama eludongeni kwiBhodi /itshati yokuXhoma iZandi.

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### UkuBhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Ff**
2. Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.

**5** Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.

**6** Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

**7** Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.




**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu


### UFundo lokuQala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: (NDIYACINGA/ NDIYAKWAZI UKUTHATHA ISIGQIBO**

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| **<u>Inkomo nemusi</u>**<br>*Eli bali uza kulifunda lisekelwe kwibali eliyinyani lobuhlobo obungaqhelekanga. Eli bali liqhuba eVemont, ingingqi encinane yaseMntla-mpuma eMelika. IVermont yaziwa ngeentaba ezintle,isiraphu yemapile, nokuba neefama zobisi ezininzi. Kweli bali, uza kufunda ngenkomo – isilwanyana osaziyo – kunye nemusi. Mhlawumbi awuzange wakhe weva ngemusi ngaphambili! Iimusi zifumaneka eMantla eMelika kuphela. Zifana neebhokhwe zasendla ezinkulu.* | *Buza: ingaba ukhona umntu owakhe weva ngemusi?* |
| Ngenye intsasa eyayinenkungu, uAbbott ongumfama waqhuba engena kwindledlana eya kumzi wakhe. Wajonga phandle wabona iinkomo zisitya utyani kumadlelo agqunywe likhephu. Wothuka wemisa akubona eyona nto yayingaqhelekanga… | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uAbbot ongumfama unomdla wokwazi ngento kuba umisa imoto yakhe! Ndiyacinga ingaba ubona ntoni? |
| ‘Ingaba yimusi ngenene leya?’ wathetha wakhwaza, noxa wayeyedwa kulo ndawo. Wayengazange wakha wayibona imusi kwifama yakhe, kwaye kwakunkungu ngoko ke wayengenakuqiniseka. Waphuma emotweni waza wahamba waya kufika elucingweni.<br>Ngenene, imusi etsho ngemilenze emide neempondo ezilihlahla yayimi edlelweni lakhe.<br>‘Ingaba Ifuna ntoni imusi apha?’ wamangala uAbbott ongumfama. | La musi inkulu kakhulu! **Ndiyacinga ingaba** uziva esoyika na Uabbott ongumfama xa eyiboni le musi isondlele kwinkomo yakhe? |
| Uninzi lweenkomo zakhe lwema mgama kwimusi, lukhangeleka lunomdla wokufuna ukwazi kwaye lunalo noloyiko. Ngaphandle kweyona nkomo yakhe ayithandayo, uDaisy. Wasondela waya kuyo imusi. Bajongana okwabahlobo abadala. Bathi emva koko batya ingca omnye esecaleni komnye. UAbbott ongumfama akazange awakholelwe amehlo akhe. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uAbbott ongumfama wayelindele ukuba iinkomo zihambele kude kunesigebenga esiyimusi, kuba umangalisekile xa uDaisy esondela kwimusi. |
| UAbbott ongumfama wabuyela emotweni yakhe waza waqhuba wagoduka. Akufika phandle, wabeka isitulo sakhe esijiwuzisayo sokuphumla, phambi kwefestile. Wasijiwuzisa wasijiwuzisa, ebukele imusi nenkomo zisitya kunye de laya kutshona ilanga. | **Ndiyacinga ingaba** ujonge inkomo nemusi? **Ndiyacinga ingaba** uziva esoyika kuba imusi esisigebenga ingenzakalisa inkomo uDaisy. |

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| Zathi xa zibuyela ekhaya izilwanyana, wema phandle uMusi ejongile, ekhangeleka enomdla wokwazi ekwakrokra. Ekugqibeleni uMusi wangqengqa ngaphandle esibayeni. Waza uDaisy wangqengqa ecaleni kwakhe. Kungekudala uDaisy noMusi babe kokude ubuthongo! UAbbott ongumfama wayengayikholelwa le nto ayibonayo. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uAbbott ongumfama wayengalindelanga ukuba inkomo enguDaisy ilale phandle kunye nemusi, kuba umangaliseke kakhulu xa uDaisy engqengqa ecaleni kwemusi! |
| Ukuvuka kwakhe uAbbott kwisitulo sakhe, wabukela engakholelwa njengoko uMusi noDaisy babengcembe begudla ucingo kunye. UAbbott ongumfama wancuma ecinga ukuba ingaba esi sibini sasithetha ngantoni na. | |
| UAbbott ongumfama waqabela iteletele yakhe waza waya kwenza imisebenzi yakhe yesiqhelo yosuku. Waqala waya kusenga iinkomo esibayeni sazo. Emva koko, waya kupha iinkukhu ukutya. Kwathi endleleni yakhe esiya kongeza ingca eyomileyo, wabona uMusi noDaisy ezantsi kwendlela enkulu. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngolkulandela ibali** ndithi, akoyiki ukuba imusi ingenzakalisa uDaisy, kuba uhamba aye kwenza imisebenzi yakhe yesiqhelo. |
| Njengoko wayesondela ngeteletele yakhe wabona iimoto ezininzi zimisile kufuphi nocingo. Isiqhu sabantu sasifika size kubukela uDaisy noMusi sonwabile. Zange kube kudala kwagaleleka imoto yoonondaba beze kucholachola bafota esi sibini sabahlobo singaqhelekanga. UAbbott ongumfama wayengawakholelwa amehlo akhe.<br><br>'Lixesha elingakanani esi sibini singabahlobo?' yabuza kuAbbott ongumfama intatheli ikhwaza ifuna ukwazi. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, abantu abaqhelanga ukumisa bajonge iinkomo kule fama kuba uAbbott ongumfama wothukile xa ebona iqela labantu lime ecaleni kocingo! |
| Ngobo busuku uAbbott ongumfama wasimisa kakuhle phambi komabonakude isitulo sakhe esijiwuzayo. Apho ezindabeni wabona ifama yakhe. Inkomo uDaisy noMusi babengoosaziwayo! UAbbott ongumfama wayengayikholelwa loo nto wayeyibona.<br><br>Wayenethemba lokuba uMusi noDaisy baya kuhlala bengabahlobo kude kube sesiphelweni. | Ndiyacinga ingaba inkomo uDaisy neMusi bahlala bengabahlobo ixesha elingakanani? |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo** |
|---|---|
| Ngoobani ababa ngabahlobo kweli bali? | Inkomo uDaisy kunye noMusi baba ngabahlobo. |
| Benza ntoni kunye, uDaisy noMusi? | • Batya ingca kunye.<br>• Balala kunye.<br>• Wangcemba kunye begudle ucingo. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo** |
| Yintoni eyayibangela ukuba uAbbott ongumfama angakukholelwa oko wayekubona? | • Kuba wayengazange wayibona imusi kwifama yakhe ngaphambili.<br>• Kuba wayengazange weva ngemusi ihlobana nenkomo ngaphambili.<br>• Kuba wayothukile ukuba inkomo enguDaisy ilale nemusi phandle.<br>• Kuba ifama yakhe yayisezindabeni. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**___________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 2.**
2 Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali

15 imizuzu



### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - a Point – Khomba igama
   - b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - d Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesigama somxholo
   - emadlelweni
   - ukuba lilolo
   - ukuhlala nabanye

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Umhlobo wam uyandithanda yena | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Xa ndivuya yen'uvuya nam | *Nyuka uhle unge uyaxhumaxhuma* |
| Ndakukhal'uyandithuthuzela | *Beka isandla emehlweni ubuye umbambazeleegxeni* |
| Umhlobo wam uyandithand yena | *Khomba ubuyeubeke isandla esifubeni* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YESIBINI YOMXHOLO)



1 Yohlula bafundi babe **ngamaqela abo amancinane**.
2 Nika umfundi ngamnye **imifanekiso yokwakha ibali** ngobugcisa**.**
3 Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo bakhe awabo amabali besebenzisa imifanekiso.
4 Kule veki **mabasebenze ngamaqela** ukuze bazokwenza isigqibo ekwakheni ibali leqela.
5 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike **umdla, abemnandi**, kwaye ahambelane nemifanekiso!
6 Abafundi **mabacinge** ngebali elihambelana nemifanekiso.
7 Abafundi mabanikane inzolo.
8 Cela **iqela libe-1 okanye abe ma-2 abelane** ngebali labo neklasi.
9 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa ngesandi esitsha namagama

**FUNDIS ISANDI ESITSHA**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/g/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abantwana ukuba esisandi **/g/**sohlukile/ siyafana kwesesingesi uLwimi lwaseKhaya
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5 Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo anesisandi **/g/?**
6 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **igama, gula, gada**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **gada, gula, goba, igila, igama, igaba**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha
3 Cela abafundi balandele emva kwakho
4 Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala ngesandla: 15 mizuzu

### UkuBhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Gg**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

## UkuBhala: 30 Imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Zoba umfanekiso wobuhlobo obungaqhelekanga.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale isivakalisi.

**IFREYIMU YOKUBHALA**: **Ubuhlobo obungaqhelekanga phakathi kwe….. ne……**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1 Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kuzoba: umfanekiso wobuhlobo obungaqhelekanga.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho kukuba: Ufuna ukufunda ngabo de ubazi kulo nyaka!
4 Yenza umfuziselo uzobe umfanekiso ubabonisa umzobo wakho uthetha nomfundi eklasini.
5 Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. Cacisa ukuba ngawaphi amagama oza kuwabhala. **Krwelela igama ngalinye umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, umzkl: Funda
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza ubhala eyabo imibhalo esuka kwingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Cinga nabafundi ngamagama achaza ubuhlobo / abahlobo abangaqhelekanga.
2 Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: impuku , ingonyama njalo njalo.
3 Buza abafundi: Nicinga ukuba bunjani ubuhlobo obungaqhelekanga?
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele: ngeengcinga zabo nobuhlobo obungaqhelekanga.
6 Kumele baphendule bathi: Ndicinga ubuhlobo obungaqhelekanga phakathi ko….
7 Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ukuze abhale isivakalisi ngomhlobo wakhe!


#### UKUBHALA


1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo**.
3 Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo.
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeke ukubhala.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wababafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho a ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 2

# Ngolwesine

## Ukuva ze bakwazi ukohlula izandi nezandi zopelo:

15 imizuzu

### Ukwahlukanisa nokwakha amagama

**NDIYENZA...**

1 Qala ngegama kula magama akwisifundo sangoLwesiBini.
2 Biza igama: **ifani**
3 Yahlukanisa igama isandi ngesandi: **/i/** – **/f/** – **/a/** – **/n/** – **/i/**
4 Biza isandi sokuqala kwigama: **/i/**
5 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/f/**
6 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/n/**
8 Biza isandi sokugqibela kwigama lesandi: **/i/**
9 Bhala igama ebhodini: **ifani**
10 Yenza umfuziselo ubonisa ngokukhomba ukudibanisa izandi usakha igama elitsha: **/i/** – **/fa/** – **/ni/** = **ifani**
11 Phinda konke oku kungentla ngokuthatha elinye igama kwesa sifundo sangoLwesiThathu: **igila**

**SIYENZA...**

1 Qala ngegama kula magama akwisifundo sangoLwesiBini.
2 Biza igama: **ufifi**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/u/** – **/f/** – **/i/** – **/f/** – **/i/**
4 Buza abafundi: Sesiphi isandi sokuqala kweli gama? **/u/**
5 Buza abafundi: Sesiphi isandi esibili kweli gama? **/f/**
6 Buza abafundi: Sesiphi isandi esithathu kweli gama? **/i/**
7 Buza abafundi: Sesiphi isandi esilandelayo kweli gama? **/f/**
8 Buza abafundi: Sesiphi isand isandi sokugqibela kweli gama? **/i/**
9 Bhala igama: **ufifi**
10 Yalela abafundi badibanise izandi bakhe igama kunye nawe: **/u/** – **/fi/**-**/fi/** = **ufifi**
11 Phinda konke oku kungentla ngokuthatha elinye igama kwesa sifundo sangoLwesiThathu: **igama**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### UFundo lwesiBini


**IINDLELA ZOBUCHULE ZOKUFUNDA: NDIZITHATHELA ISIGQIBO NGOKULANDELA IBALI**

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Inkomo nemusi</u>**<br>*Eli bali uza kulifunda lisekelwe kwibali eliyinyani lobuhlobo obungaqhelekanga. Eli bali liqhuba eVemont, ingingqi encinane yaseMntla-mpuma eMelika. IVermont yaziwa ngeentaba ezintle,isiraphu yemapile, nokuba neefama zobisi ezininzi. Kweli bali, uza kufunda ngenkomo – isilwanyana osaziyo – kunye nemusi. Mhlawumbi awuzange wakhe weva ngemusi ngaphambili! Iimusi zifumaneka eMantla eMelika kuphela. Zifana neebhokhwe zasendla ezinkulu.* | |
| Ngenye intsasa eyayinenkungu, uAbbott ongumfama waqhuba engena kwindledlana eya kumzi wakhe. Wajonga phandle wabona iinkomo zisitya utyani kumadlelo agqunywe likhephu. Wothuka wemisa akubona eyona nto yayingaqhelekanga... | |
| 'Ingaba yimusi ngenene leya?' wathetha wakhwaza, noxa wayeyedwa kulo ndawo. Wayengazange wakha wayibona imusi kwifama yakhe, kwaye kwakunkungu ngoko ke wayengenakuqiniseka. Waphuma emotweni waza wahamba waya kufika elucingweni.<br><br>Ngenene, imusi etsho ngemilenze emide neempondo ezilihlahla yayimi edlelweni lakhe.<br><br>'Ingaba Ifuna ntoni imusi apha?' wamangala uAbbott ongumfama. | Ndizithathela isigqibo ndithi kufanele ukuba kunqabile ukubona imusi, kuba uAbbott ongumfama akazange ayibone ngaphambili. |

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Uninzi lweenkomo zakhe lwema mgama kwimusi, lukhangeleka lunomdla wokufuna ukwazi kwaye lunalo noloyiko. Ngaphandle kweyona nkomo yakhe ayithandayo, uDaisy. Wasondela waya kuyo imusi. Bajongana okwabahlobo abadala. Bathi emva koko batya ingca omnye esecaleni komnye. UAbbott ongumfama akazange awakholelwe amehlo akhe. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi yinto engaqhelekanga ukuba inkomo nemusi zibe ngabahlobo, kuba uninzi lweenkomo lwahlalela kude kunemusi kwaye uAbbott ongumfama akazange awakholelwe amehlo akhe! |
| UAbbott ongumfama wabuyela emotweni yakhe waza waqhuba wagoduka. Akufika phandle, wabeka isitulo sakhe esijiwuzisayo sokuphumla, phambi kwefestile. Wasijiwuzisa wasijiwuzisa, ebukele imusi nenkomo zisitya kunye de laya kutshona ilanga. | Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi, uAbbott ongumfama uyibona iyinto enika umdla ukubukela kuba iyinto engaqhelekanga! Andiqondi ukuba ebeya kubukela xa ibiziinkomo ezimbini ezitya kunye. |
| Zathi xa zibuyela ekhaya izilwanyana, wema phandle uMusi ejongile, ekhangeleka enomdla wokwazi ekwakrokra. Ekugqibeleni uMusi wangqengqa ngaphandle esibayeni. Waza uDaisy wangqengqa ecaleni kwakhe. Kungekudala uDaisy noMusi babe kokude ubuthongo! UAbbott ongumfama wayengayikholelwa le nto ayibonayo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, oku kuyothusa kuAbbott ongumfama, kuba wayengawakholelwa amehlo ache? |
| Ukuvuka kwakhe uAbbott kwisitulo sakhe, wabukela engakholelwa njengoko uMusi noDaisy babengcembe begudla ucingo kunye. UAbbott ongumfama wancuma ecinga ukuba ingaba esi sibini sasithetha ngantoni na. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uAbbott ongumfama walala esitulweni sakhe esijiwuzisayo kuba wayemangalisekile yinkomo kunye nemusi ezazilele kunye wade akafuna ukuya ebhedini aphoswe ngulo mbono. |
| UAbbott ongumfama waqabela iteletele yakhe waza waya kwenza imisebenzi yakhe yesiqhelo yosuku. Waqala waya kusenga iinkomo esibayeni sazo. Emva koko, waya kupha iinkukhu ukutya. Kwathi endleleni yakhe esiya kongeza ingca eyomileyo, wabona uMusi noDaisy ezantsi kwendlela enkulu. | |
| Njengoko wayesondela ngeteletele yakhe wabona iimoto ezininzi zimisile kufuphi nocingo. Isiqhu sabantu sasifika size kubukela uDaisy noMusi sonwabile. Zange kube kudala kwagaleleka imoto yoonondaba beze kucholachola bafota esi sibini sabahlobo singaqhelekanga. UAbbott ongumfama wayengawakholelwa amehlo akhe.<br><br>‘Lixesha elingakanani esi sibini singabahlobo?’ yabuza kuAbbott ongumfama intatheli ikhwaza ifuna ukwazi. | |

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngobo busuku uAbbott ongumfama wasimisa kakuhle phambi komabonakude isitulo sakhe esijiwuzayo. Apho ezindabeni wabona ifama yakhe. Inkomo uDaisy noMusi babengoosaziwayo! UAbbott ongumfama wayengayikholelwa loo nto wayeyibona.<br><br>Wayenethemba lokuba uMusi noDaisy baya kuhlala bengabahlobo kude kube sesiphelweni. | Iindaba zisixelela ngezinto ezibalulekileyo okanye ezinika umdla. Ukuba uDaisy noMusi babesezindabeni, ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali nditi, ifanele ukuba yinto engaqhelekanga ukuba inkomo nemusi zibe ngabahlobo! |

| Imibuzo | Iimpendulo |
|---|---|
| Imusi ayisosilwanyana saseMzantsi Afrika, sesiphi isilwanyana saseMzantsi Afrika esinokuba ngumhlobo ongaqhelekanga wenkomo? | *Ndicinga ukuba i... ingangumhlobo ongaqhelekanga.* |
| Yintoni enokubangela ukuba sizithathele isigqibo xa silandela ibali sithi, yinto engaqhelekanga ukuba inkomo nemoose zibe ngabahlobo. | ***Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali*** *kuba....*<br>• *UAbbott wayengawakholelwa amehlo akhe.*<br>• *UAbbott wababukela kusasa nasebusuku.*<br>• *Isiqhu sabantu sabukela ezi zihlobo zingaqhelekanga.*<br>• *Izihlobo inkomo nemusi zazisezindabeni* |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze uDaisy noMusi babe sezindabeni? | • Kuba abantu babemangaliswe kukubona inkomo nemusi zisiba ngabahlobo.<br>• Kuba yinto engaqhelekanga ukuba inkomo nemusi zibe ngabahlobo.<br>• Kuba abantu abaninzi babe nomdla kobu buhlobo bungaqhelekanga. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 2.**
2. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali 15 imizuzu

### ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
   a Point – Khomba igama
   b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d Say – yitsho igama kwisivakalisi h
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yesigama somxholo
   - eqhelekileyo
   - engaqhelekanga
   - engakholelekiyo emehlweni

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
| --- | --- |
| Umhlobo wam uyandithanda yena | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Xa ndivuya yen'uvuya nam | *Nyuka uhle unge uyaxhumaxhuma* |
| Ndakukhal'uyandithuthuzela | *Beka isandla emehlweni ubuye umbambazele egxeni* |
| Umhlobo wam uyandithand yena | *Khomba ubuyeubeke isandla esifubeni* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
   Eli bali lingo…..
   Eyona ndawo ndiyithandayo ebalini yile…
   Ndicinga yinto engaqhelekanga ukubona ubuhlobo phakathi ……..… no……..
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **kumaqela amancinci**.
4 Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi <u>abambalwa</u> abohlukeneyo okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo <u>ayizizo</u> azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

# Ukuva ze bakwazi ukohlula izandi kunye nezandi zopelo:

15 imizuzu

## Ukufumana amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **f** | **g** | **o** |
| **l** | **a** | **k** |
| **i** | **b** | **u** |
| **n** | **d** | **m** |

### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/f/** no **/g/**
2 Hlaziya zonke iizandi namagama awakhiwe ngokudityaniswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki njengo: **/f/** – **/o/** **/l/** – **/a/** = **fola**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangalakha igama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/f/ okanye /g/**
6 Bonisa abafundi ukwenza elinye igama njengo: **/b/** – **/a/** – **/b/** – **/a/** = **baba**

### ABAFUNDI BAYENZA


1 Abafundi mabavule iincwadi zabo babhale isihloko: **f, g**
2 Abafundi mababhale amagama, banike imizuzu – 3 ukwakha amagama.
3 Abafundi mabakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Babonise abafundi indlela zokwakha la amagama (kunye namanye): **fola, funa, ufifi, faka, ifani, gada, gula, goba, igila, igama, igaba, kama, kubi, bala, bila, ilula**

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________




## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA/ UKUYIFUNDA IVALIWE**

**UKWENZA UMFANEKISO UKUBALISA IBALI ELIFUNDIWEYO**

1 Abafundi mabakhuphe incwadi, ipensile nekhrayoni.
2 Cacisela abafundi ukuba baza kuzoba ngento abacinga ukuba ingenzeka ukuba ibali liyaqhubeka.
3 Yenza **umfuziselo** ubonisa ngento ocinga ukuba ingenzeka ukuba ibali liyaqhubeka umzekelo: Ndicinga ukuba uNkomo nomusi baza kuzama bayishiye ifama, bayokubona ikhaya likaMusi.
4 Zoba umfanekiso kaNkomo noMusi behamba beyishiya ngasemva ifama.
5 Xelela abafundi ukuba baza kuyifunda ivaliwe bacinge okuza kwenzeka okulandelayo ebalini.
6 Abafundi mabavale amehlo njengoko ubafundela ibali kwakhona.
7 Abafundi mabavule amehlo babhale iingcinga zabo ngento abacinga ukuba iza kwenzeka ukuba ibali lingaqhubeka.
8 Ekugqibeleni, bavumele abafundi ukuba baguquke bathethe, baze babelane ngezimvo zabo nomlingane.



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 2.**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1. Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2. Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwmi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3. Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4. Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5. Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   - a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   - b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
   - c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   - d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   - e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   - f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   - g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
   - h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6. Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki. abazixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqoshiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke okusekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo ephephileyo efanelekileyo. ukuze ukwazi ukuzisebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyisebenzisa oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso embalwa yezinto ezikhula emhlabeni..
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo. Umzekelo: Yenza uphando ngendlela ezikhula ngayo izityalo.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi ye DBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zokufunda zethala leklasi zikwimeko efanelekileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo ngalo kwigumbi lokufundela kubafundi.

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 33 nam 34 , Masenze

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 35, Umsebenzi wamagama

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku 1: iPhepha lama 36 nama 37, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso** wento ekhulayo.

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali 15 imizuzu

**YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)**

1. Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala kwiNcwadi Enkulu kwibali: **Isikhukukazana esibomvu**
2. Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Izinto ezikhulayo**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a. Zintoni ezinye izinto ezikhulayo?
   b. Senza ntoni ngezinto ezikhulayo?
   c. Zityawalwa phi izinto ezikhulayo?

**AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO**

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankaIthelo sesiNgesi esithetha:
   a. Point – Khomba igama
   b. Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c. Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d. Say – yitsho igama kwivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yamagama esekelwe kumxholo kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - ukukhula
   - umhlaba
   - imbewu

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thukuthu sintshulil'isithole | *Jongisa izandla phezulu uvale iminwe , nyusa usehlisa isandla* |
| Thatha mama ufake emhlabeni | *Bonisa ngokunga uchola into phantsi uyibeke kwenye indawo* |
| Nkcenkceshela sikhul'isityalo | *Bonisa ngokungathi ugalela amanzi phantsi* |
| Hlakulela simnand'isivuno | *Goba unge usebenza phantsi, uphakame use isandla emlonyeni* |

## UkuBhala ngesandla

15 imizuzu

1. Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo.
2. Bizela abafundi ezi zandi zilandelayo bazi bhale phantsi.
   - **a** fola
   - **b** funa
   - **c** ufifi
   - **d** faka
   - **e** gada
   - **f** gula
   - **g** goba
   - **h** igama
3. Okulandelayo abafundi mabathathe ipensile zabo ezinombala bakorekishe umsebenzi.
4. Bhala isandi ngokucacileyo ebhodini.
5. Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubhale phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi kokuFunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1. Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2. Vula Incwadi Enkulu kwibali: **<u>Isikhukukazana esibomvu</u>**
3. Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze umfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4. Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5. Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6. Funda ibali lonke ekuqaleni, ungemanga.

## UkuBhala:

30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Bhala ngento ofuna ukuyikhulisa egadini yakho.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale iinkucukacha

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Ndifuna ukukhulisa** ………… egadini yam.



#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1 Cacisa ukuba namhlanje, baza kukubhala ngento abangathanda ukuyikhulisa egadini yabo.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho ngozakuzoba njenge: Ndifuna ukutyala iavokhado egadini yam.
4 Yenza **umfuziselo** ubabonisa umzobo wakho: ume ecaleni komthi omkhulu we-avokhado.
5 Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala.**Krwela umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi: Ndifuna ukutyala iavokhado egadini yam
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwiingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Yithi vandla vandla nabafundi bakho ngezinto ezikhula egadini.
2 Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: iminqathe, iitapile, iintyatyambo nelamuni.
3 Buza abafundi: Yeyiphi ito enye ofuna ukuyikhulisa egadii yakho?
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele ukuba yintoni bona abafuna ukuyikhulisa.
6 Kumele baphendule bathi: Ndifuna ukukhulisa …………egadini yam.
7 Cacisa ngoku ukuba ngoku kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA


1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe ugqibezele iingxoxo** nabo, apho ubona imfuneko.
3 Bacele abafundi bakuxelele ngoko bakubhalayo.


4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeka ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi* ***apho amehlo abo afika khona*** *kwigumbi lokufundela***.** *Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 3**.
2 Mabathyile **kUmsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 3

# Ngolwesibini

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa isandi esitsha namagama

**FUNDISA ISANDI ESITSHA**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/j/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi belandela emva kwakho.
3 Bonisa abantwana ukuba esisandi **/j/** sohlukile / sibizwa ngokufanayo kuLwimi LwaseKhaya isiXhosa nesiNgesi.
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5 Buza abafundi: ninawo amagama eniwaziyo anesisandi u – /**j**/?
6 **Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: jika, jama, ijezi**

**YAZISA NGAMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngalinye ngokuvakalayo nangokucacileyo ze uphakamise unotsheluza wegama: **jama, jika, ijoko, ijaji, ijezi, joja**
2 Bonisa igama ngalinye kubafundi, njengoko ulibiza mabaphulaphule xa ubiza ukwabonisa nonotsheluza wegama
3 Biza igama ze abafundi baphinde emva kwakho.
4 Xhoma oonotsheluza bamagama eludongeni kwiBhodi /itshati yokuXhoma iZandi.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Jj**
2 Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.

**5** Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
**6** Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
**7** Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

J J j j

jama jama

jika jika

ijoko ijoko

ijaji ijaji

ijezi ijezi

joja joja

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

IVEKI 3

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu


### UFundo lokuQala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYACINGA**

| ITekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| **<u>Isikhukukazana esibomvu</u>**<br>Ngenye imini, isikhukhukazana esibomvu sachola ukhozo lwengqolowa. | |
| 'Ngubani oza kundincedisa sityale le ngqolowa?' sabuza. | **Ndiyacinga ingaba** ngubani oza kunceda isikhukhukazana esibomvu? |
| 'Hayi, asindim,' latsho idada.<br>'Hayi, asindim,' latsho irhanisi.<br>'Hayi, asindim,' yatsho ihagu. | |
| 'Ndiza kuzityalela ngokwam,' satsho isikhukukazana esibomvu. Saza senza njalo. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni ezinye izilwanyana zingakhange zisincede isikhukhukazana esibomvu sityale ingqolowa? |
| Ukhozo lwengqolowa lwakhula lwasisityalo eside sengqolowa. | **Ndiyacinga ingaba** siza kwenza ntoni isikhukhukazana esibomvu ngengqolowa? |
| 'Ngubani oza kundincedisa ekusikeni le ngqolowa?' sabuza isikhukhukazana esibomvu. | **Ndiyacinga ingaba** ziza kusinceda na ezinye izilwanyana ngoku? |
| 'Hayi, asindim,' latsho idada.<br>'Hayi, asindim,' latsho irhanisi. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni ezinye izilwanyana zingenakusinceda isikhukhukazana sisike ingqolowa? |
| 'Hayi asindim,' yatsho nayo ihagu.<br>'Ndiza kuzisikela ngokwam!' satsho isikhukhukazana esibomvu. Sakwenza oko. | |
| Yakuba isikiwe ingqolowa, isikhukhukazana esibomvu sakhwaza sibuza, 'Ngubani oza kundincedisa ukuthwala ingqolowa?'<br>'Hayi, asindim,' yatsho ngesikhalo sayo inkomo.<br>'Hayi, asindim,' yakhonkotha yatsho inja.<br>'Hayi, asindim, yatsho ngesikhalwana sayo nayo ikati.<br>Sazithwalela isikhukhukazi ngokwaso. | |
| Emva koko sabuza kwakho isikhukhukazana esibomvu, 'Ngubani oza kundincedisa ndisile le ngqolowa ibe ngumgubo wesonka?'<br>'Hayi, asindim,' latsho idada.<br>'Hayi, asindim,'latsho irhanisi.<br>'Hayi, asindim, yatsho ihagu. | Ndiyacinga ingaba siza kwenza ntoni isikhukhukazana ngomgubo wesonka? |

| ITekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| 'Ndiza kuzisilela ngokwam,' satsho isikhukhukazana. Saza senza njalo. | |
| Yakuba ngumgubo wesonka ingqolowa, isikhukhukazi esincinane esibomvu sabuza, 'Ngubani oza kundincedisa ukubhaka isonka?'<br>'Hayi, asindim,' latsho idada.<br>'Hayi, asindim,' latsho irhanisi.<br>'Hayi, asindim,' yatsho ihagu. | Oo! Isikhukhukazana sibhaka isonka ngomgubo! **Ndiyacinga ingaba** siza kutyiwa ngubani esi sonka? |
| 'Ndiza kuzibhakela ngokwam,' satsho isikhukhukazana esibomvu. Saza senjenjalo. | |
| Sakuvuthwa isonka, isikhukhukazana esibomvu sabuza, 'Ngubani oza kuncincedisa ukutya esi sonka?'<br>'Ndim!' latsho idada.<br>'Ndim!' latsho irhanisi.<br>'Ndim!' yatsho ihagu.<br>Ngekhe nichole naphantsi!' satsho isikhukhukazana esibomvu. 'Anikhange nifune ukundincedisa nakancinane! Andingekhe ndabelane nani ngesonka sam! Ndiza kusitya ndedwa ndisigqibe!' Saza senjenjalo. | **Ndiyacinga ingaba** kutheni izilwanyana zisithi ziza kuncedisa ngoku? |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo** |
|---|---|
| Sachola ntoni isikhukhukazana esibomvu? | Sachola ukhozo lwengqolowa. |
| Ngoobani abanye abalinganiswa kweli bali? | Lidada, irhanisi nehagu |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo** |
| Kwakutheni ukuze isikhukhukazana esibomvu singabelani namntu ngesonka saso? | • Akukho mntu wasincedayo ukutyala, ukusika, ukusila, okanye ukubhaka!<br>• Kuba sasebenza nzima sodwa.<br>• Kuba ezinye izilwanyana azizange zincedise nganto. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 3**.
2 Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali

15 imizuzu

**AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO**

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - **a** Point – Khomba igama
   - **b** Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - **c** Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - **d** Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesigama somxholo
   - ukuguba
   - ukubhaka
   - ingqolowa

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thukuthu sintshulil'isithole | *Jongisa izandla phezulu uvale iminwe , nyusa usehlisa isandla* |
| Thatha mama ufake emhlabeni | *Bonisa ngokunga uchola into phantsi uyibeke kwenye indawo* |
| Nkcenkceshela sikhul'isityalo | *Bonisa ngokungathi ugalela amanzi phantsi* |
| Hlakulela simnand'isivuno | *Goba unge usebenza phantsi, uphakame use isandla emlonyeni* |

**UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)**

1 Yohlula bafundi babe ngamaqela ngokwamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yobugcisa bokwakha ibali.
3 Umfundi ngamnye makajonge acinge ibali eliza kungena ncakasana kwimifanekiso leyo.
4 Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngabaza kubhala.
5 Emva koko umfundi ngamnye uza kunikwa ithuba lokwabelana ngebali lakhe kwiqela.
6 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
7 Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

IVEKI 3

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa ngesandi esitsha namagama

**FUNDIS ISANDI ESITSHA**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/y/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Bonisa abantwana ukuba esisandi **/y/** sohlukile/ siyafana kwesesingesi uLwimi lwaseKhaya
4. Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5. Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo anesisandi **/y/?**
6. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **yona, yena, yam**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **yam, yona, yiyo, yena, iyeza, yoyele**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha
3. Cela abafundi balandele emva kwakho
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Yy**
2. Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO**: Bhala uchaze ukuba ungasinceda njani isikukhukazi esincinci esibomvu sifumane ingqolowa yaso.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale iinkucukacha

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Ndinganceda….**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngendlela abanganceda ngayo isikukhukazi esincinci esibomvu sifumane ingqolowa yaso.
2. Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3. Xelela abafundi iingcinga zakho njengo:Ndicinga ndinganceda isikukhukazi esincinci esibomvu ngokunkcenkceshela ingqolowa yaso kuba ndiyazi izityalo zifuna amanzi ukuze zikhule.
4. Yenza umfuziselo ubabonisa umzobo wakho: unkcenkceshela ingqolowa.
5. Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Krwela umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi.
6. Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo, wakho abafundi mababhale ezabo iingcinga.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1. Yithi vandla vandla amagama athile nabafundi ngabahlobo. Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: <u>abahlobo,dlala, nceda</u>
2. Buza abafundi: Ngubani umhlobo wakho omtsha esikolweni?
3. Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
4. Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele: amagama abahlobo babo abatsha.
5. Kumele baphendule bathi: Umhlobo wam omtsha ngu…
6. Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA

1. Nika abafundi iincwadi zabo.
2. Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo ugqibezele iingxoxwana**. apho ubona imfuneko.
3. Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo.
4. Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.


**5** Bakhuthaze abafundi.


### MABAGUQUKE BATHETHE

**1** Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeke ukubhala.
**2** Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*








## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 3**
2 Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine



## Ukuva ze bakwazi ukohlula izandi nezandi zopelo:

15 imizuzu

### Ukwahlukanisa nokwakha amagama

**NDIYENZA...**

1 Qala ngegama kula magama akwisifundo sangoLwesiBini.
2 Biza igama: **ijaji**
3 Yahlukanisa igama isandi ngesandi: **/i/** – **/j/** – **/a/** – **/j/** – **/i/**
4 Biza isandi sokuqala kwigama: **/i/**
5 **Biza isandi esilandelayo kwigama:** /**j**/
6 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/j/**
8 Biza isandi sokugqibela kwigama: **/i/**
9 Bhala igama ebhodini: **ijaji**
10 Yenza umfuziselo ubonisa ngokukhomba ukudibanisa izandi usakha igama elitsha: **/i/** – **/ja/** – **/ji/** = **ijaji**
11 Phinda konke oku kungentla ngokuthatha elinye igama kwesa sifundo sangoLwesiThathu: **yiyo**

**SIYENZA...**

1 Qala ngegama kula magama akwisifundo sangoLwesiBini.
2 Biza igama: **ijoko**
3 Yahlulа eligama ubize isandi ngasinye **/i/** – **/j/** – **/o/** – **/k/** – **/o/**
4 Buza abafundi: Sesiphi isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
5 Buza abafundi: Sesiphi isandi esilandelayo kweli gama? **/j/**
6 Buza abafundi: Sesiphi isandi esiphakathi kweli gama? **/o/**
7 Buza abafundi: Sesiphi isandi esilandelayo i kweli gama? **/k/**
8 Buza abafundi: Sesiphi isand isandi sokugqibela kweli gama? **/o/**
9 Bhala igama: **ijoko**
10 Yalela abafundi badibanise izandi bakhe igama kunye nawe: **/i/** – **/jo/-/ko/** = **ijoko**
11 Phinda konke oku kungentla ngokuthatha elinye igama kwesa sifundo sangoLwesiThathu: **yona**

IVEKI 3

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### UFundo lwesiBini


**IZAKHONO ZOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYAHLOLA IMEKO / NDIYACINGA**

| ITekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **<u>Isikhukukazana esibomvu</u>**<br>Ngenye imini, isikhukhukazana esibomvu sachola ukhozo lwengqolowa. | |
| 'Ngubani oza kundincedisa sityale le ngqolowa?' sabuza. | |
| 'Hayi, asindim,' latsho idada.<br>'Hayi, asindim,' latsho irhanisi.<br>'Hayi, asindim,' yatsho ihagu. | |
| 'Ndiza kuzityalela ngokwam,' satsho isikhukukazana esibomvu. Saza senza njalo. | **Ngokuhlola imeko** ndibona ukuba isikhukhukazana sisebenza nzima kakhulu kunezinye izilwanyana. |
| Ukhozo lwengqolowa lwakhula lwasisityalo eside sengqolowa. | |
| 'Ngubani oza kundincedisa ekusikeni le ngqolowa?' sabuza isikhukhukazana esibomvu. | **Ndiyacinga ingaba** siziva njani isikhukhukazana ngokwenza wonke lo msebenzi sodwa? |
| 'Hayi, asindim,' latsho idada.<br>'Hayi, asindim,' latsho irhanisi. | **Ngokuhlola imeko** ndibona ukuba ezinye izilwanyana azingobahlobo baluncedo! |
| 'Hayi asindim,' yatsho nayo ihagu.<br>'Ndiza kuzisikela ngokwam!' satsho isikhukhukazana esibomvu. Sakwenza oko. | |

| ITekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Yakuba isikiwe ingqolowa, isikhukhukazana esibomvu sakhwaza sibuza, 'Ngubani oza kundincedisa ukuthwala ingqolowa?'<br>'Hayi, asindim,' yatsho ngesikhalo sayo inkomo.<br>'Hayi, asindim,' yakhonkotha yatsho inja.<br>'Hayi, asindim, yatsho ngesikhalwana sayo nayo ikati.<br>Sazithwalela isikhukhukazi ngokwaso. | **Ngokuhlola imeko** ndibona ukuba ezinye izilwanyana azinabubele. Ziyambona umhlobo wazo esebenza nzima, zize zingazinikezeli ukumnceda! |
| Emva koko sabuza kwakho isikhukhukazana esibomvu, 'Ngubani oza kundincedisa ndisile le ngqolowa ibe ngumgubo wesonka?'<br>'Hayi, asindim,' latsho idada.<br>'Hayi, asindim,'latsho irhanisi.<br>'Hayi, asindim, yatsho ihagu. | |
| 'Ndiza kuzisilela ngokwam,' satsho isikhukhukazana. Saza senza njalo. | |
| Yakuba ngumgubo wesonka ingqolowa, isikhukhukazi esincinane esibomvu sabuza, 'Ngubani oza kundincedisa ukubhaka isonka?'<br>'Hayi, asindim,' latsho idada.<br>'Hayi, asindim,' latsho irhanisi.<br>'Hayi, asindim,' yatsho ihagu. | **Ndiyacinga ingaba** siziva njani isikhukhukazana kuba siwenze sodwa wonke lo msebenzi? |
| 'Ndiza kuzibhakela ngokwam,' satsho isikhukhukazana esibomvu. Saza senjenjalo. | |
| Sakuvuthwa isonka, isikhukhukazana esibomvu sabuza, 'Ngubani oza kuncincedisa ukutya esi sonka?'<br>'Ndim!' latsho idada.<br>'Ndim!' latsho irhanisi.<br>'Ndim!' yatsho ihagu.<br>Ngekhe nichole naphantsi!' satsho isikhukhukazana esibomvu. 'Anikhange nifune ukundincedisa nakancinane! Andingekhe ndabelane nani ngesonka sam! Ndiza kusitya ndedwa ndisigqibe!' Saza senjenjalo. | **Ngokuhlola imeko ndibona** ukuba isikhukhukazana asiyiboni into yokuba abahlobo baso mabatye isonka kuba abakhange bancedise nakancinane. |

IVEKI 3

| **Imibuzo** | **Iimpendulo** |
|---|---|
| Senza ntoni sodwa isikhukhukazana esibomvu? | Satyala, sasika, sathwala saza sasila sabhaka isonka. |
| Batsho nini abanye ukuba bangancedisa? | Sakuvuthwa isonka, bathi bangancedisa ukusitya! |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Sazi njani ukuba isikhukhukazana esibomvu siluhobo olusebenza nzima? | • Salityala, sasika, sathwala, sasila, saza sabhaka isonka singancediswanga!<br>• Kuba sawenza sodwa wonke loo msebenzi unzima!<br>• Kuba sasebenza ngelixa kungekho bani ufuna ukusebenza! |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 3**.
2 Mabathyile Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** ze ucacisa kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
- **a** Point – Khomba igama
- **b** Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- **c** Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- **d** Say – yitsho igama kwisivakalisi h

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yesigama somxholo
- ukonqena
- ukusebenza
- ukuntshula

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thukuthu sintshulil'isithole | *Jongisa izandla phezulu uvale iminwe , nyusa usehlisa isandla* |
| Thatha mama ufake emhlabeni | *Bonisa ngokunga uchola into phantsi uyibeke kwenye indawo* |
| Nkcenkceshela sikhul'isityalo | *Bonisa ngokungathi ugalela amanzi phantsi* |
| Hlakulela simnand'isivuno | *Goba unge usebenza phantsi, uphakame use isandla emlonyeni* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kweli bali...
Ekugqibeleni kwenzeka…
Ukuba bendisisikhukukazi esincinci esibomvu, bendiza …

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela iqela elithile ukuba abelana labelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo ayizizo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Ukuva ze bakwazi ukohlula izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **j** | **y** | **a** |
| **m** | **i** | **k** |
| **o** | **e** | **n** |
| **l** | **s** | **z** |

#### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/j/** no **/y/**
2 Hlaziya zonke iizandi namagama awakhiwe ngokudityaniswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki njengo: **/j/** – **/i/** **/k/** – **/a/** = **jika**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangalakha igama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/j/ okanye /y/**
6 Bonisa abafundi ukwenza elinye igama njengo: **/m/** – **/a/** – **/m/** – **/a/** = **mama**

#### ABAFUNDI BAYENZA

1 Abafundi mabavule iincwadi zabo babhale isihloko: **j, y**
2 Abafundi mababhale amagama, banike imizuzu – 3 ukwakha amagama.
3 Abafundi mabakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Babonise abafundi indlela zokwakha la amagama (kunye namanye): **jama, jika, ijoko, ijaji, ijezi, joja, yam, yona, yiyo, yena, iyeza, yoyele, kama, sela, lila, mela, mamela, sala**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

**UKWENZA UMFANEKISO UKUBALISA IBALI ELIFUNDIWEYO**

1. Abafundi mabakhuphe incwadi, ipensile nekhrayoni.
2. Cacisela abafundi ukuba baza kuzoba ngento abacinga ukuba ingenzeka ukuba ibali liyaqhubeka.
3. Yenza **umfuziselo** ubonisa ngento ocinga ukuba ingenzeka ukuba ibali liyaqhubeka umzekelo: <u>Ndinomfanekiso – ngqondweni idada, irhanisi nehagu zingqengqile phantsi komthunzi ngelixa usikhukukazi omncinci obomvu esebenza ngamandla ebushushwini belanga</u>.
4. Zoba umfanekiso <u>wedada, irhanisi nehagu zingqengqile phantsi komthunzi</u>.
5. Xelela abafundi ukuba baza kuyifunda ivaliwe bacinge okuza kwenzeka okulandelayo ebalini.
6. Abafundi mabavale amehlo njengoko ubafundela ibali kwakhona.
7. Abafundi mabavule amehlo babhale iingcinga zabo ngento abacinga ukuba iza kwenzeka ukuba ibali lingaqhubeka.
8. Ekugqibeleni, bavumele abafundi ukuba **baguquke bathethe,** baze babelane ngezimvo zabo nomlingane.

## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 3**.
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwmi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4 Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6 Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki. abazixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqoshiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke okusekufundiwe ekungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo ephephileyo efanelekileyo. ukuze ukwazi ukuzisebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyisebenzisa oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yezityalo ezikhulayo.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo. Umzekelo: Yenza uphando ngendlela yokunakekela izityalo.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi ye Dbe DBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zokufunda zethala leklasi zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo ngalo kwigumbi lokufundela kubafundi.

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 38, Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 39 & 40, Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku 1: iPhepha lama 41, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso** wento zonke ezifunwa zizityalo ukuze zikhule.

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)

1. Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala kwiNcwadi Enkulu kwibali: **UKhwezi ufumana umnyiki**
2. Xelela abafundi ukuba siyaqhubekeka nomxholo wethu: **Izinto ezikhulayo**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a. Sizinakekela njani izinto ezikhula emhlabeni?
   b. Izityalo zifuna ntoni ukuze zikhule?
   c. Zeziphi ezinye iznto ezikhulayo ?
   d. Chaza into efunwa zizo zonke izinto eziphilayo ukuze zikhule?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankaIthelo sesiNgesi esithetha:
   a. Point – Khomba igama
   b. Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c. Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d. Say – yitsho igama kwivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yamagama esekelwe kumxholo kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - imbewu
   - izondlo
   - izityalo
   - ukutyala kwakhona

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thukuthu sintshulil'isithole | *Jongisa izandla phezulu uvale iminwe , nyusa usehlisa isandla* |
| Thatha mama ufake emhlabeni | *Bonisa ngokunga uchola into phantsi uyibeke kwenye indawo* |
| Nkcenkceshela sikhul'isityalo | *Bonisa ngokungathi ugalela amanzi phantsi* |

IVEKI 4

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Hlakulela simnand'isivuno | *Goba unge usebenza phantsi, uphakame use isandla emlonyeni* |

## UkuBhala ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo.
2 Bizela abafundi ezi zandi zilandelayo bazi bhale phantsi:
   - **a** jama
   - **b** jika
   - **c** ijoko
   - **d** joja
   - **e** yona
   - **f** yena
   - **g** iyeza
   - **h** yoyele
3 Okulandelayo abafundi mabathathe ipensile zabo ezinombala bakorekishe umsebenzi.
4 Bhala isandi ngokucacileyo ebhodini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubhale phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

## Ngaphambi kokuFunda

### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona Incwadi Enkulu.
2 Vula Incwadi Enkulu kwibali: **UKhwezi ufumana umnyiki.**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze umfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.

5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni, ungemanga.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Bhala ngento eyenziwa zizityalo nawe oyenzayo.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale iinkucukacha

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Mna nezityalo …….**



#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1 Cacisa ukuba izityalo ziyaphila kwaye ziyakhula.Oku kuthetha ukuba izityalo nabantu bayaphila. Namhlanje siza kucinga ngento eyenziwa ngabantu nezilwanyana, umzekelo: Sonke siyakufuna ukutya okusempilweni ukuze sikhule.
2 Cacisa ukuba namhlanje baza kubhala ngento eyenziwa zizityalo nabantu.
3 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
4 Xelela abafundi iingcinga zakho ngoza kuzoba njenge: Ndiyazi ukuba izityalo nezilwanyana zifuna ukutya okusempilweni ukuze zikhule.
5 Yenza **umfuziselo** ubabonisa umzobo wakho: umfanekiso wakho usitya ukutya ukusempilweni.
6 Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala.**Krwela umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi: Mna nezityalo sifuna ukutya okusempiweni.
7 Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwiingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Yithi vandla vandla nabafundi ngezimvo zabo kwizinto ezifanayo kubantu nezityalo.
2 Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: amandla, izondlo, ukutya, amanzi, ukuphefumla, umoya, unakekelo.
3 Buza abafundi: Zeziphi izinto ezifanayo ebantwini nakwizityalo?
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele ngento ibenye efanayo kubantu nezityalo.
6 Kumele baphendule bathi: Izityalo nam…………
7 Cacisa ngoku ukuba ngoku kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!


## UKUBHALA


1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe / ugqibezele iingxoxo** nabo, apho ubona imfuneko.
3 Bacele abafundi bakuxelele ngoko bakubhalayo.
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.

## MABAGUQUKE BATHETHE

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeka ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela**.** Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 4**.
2 Mabathyile **kUmsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa isandi esitsha namagama

**FUNDISA ISANDI ESITSHA**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/p/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi belandela emva kwakho.
3. Bonisa abantwana ukuba esisandi **/p/** sohlukile / sibizwa ngokufanayo kuLwimi LwaseKhaya isiXhosa nesiNgesi.
4. Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5. Buza abafundi: ninawo amagama eniwaziyo anesisandi u – /**p**/?
6. **Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: ipapa, ipeni, ipilisi**

**YAZISA NGAMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngalinye ngokuvakalayo nangokucacileyo ze uphakamise unotsheluza wegama: **ipapa, ipani, ipeni, ipali, ipilisi**
2. Bonisa igama ngalinye kubafundi, njengoko ulibiza mabaphulaphule xa ubiza ukwabonisa nonotsheluza wegama
3. Biza igama ze abafundi baphinde emva kwakho.
4. Xhoma oonotsheluza bamagama eludongeni kwiBhodi /itshati yokuXhoma iZandi.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Pp**
2. Bonisa abafundi ukubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandelele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Okulandelayo mababhale ezidesikeni zabo besebenzisa iminwe.

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu


### UFundo lokuQala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| **UKhwezi ufumana umnyiki**<br>Kwiiveki ezimbini ezidlulileyo uKhwezi kunye nomama wakhe bazalisa ibhokisi endala yamaqanda ngomhlaba baza batyala imbewu. UKhwezi wazoba umfanekiso omncinane kwindawo nganye yekhathoni, ukuze bakhumbule uhlobo lwembewu abayityalileyo. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaKhwezi ejonge umhlaba, elindele izithole zakhe zithukuze zivele! |
| Emva koko, ngosuku ngalunye uKhwezi waya efestileni ukuya kujonga ukuhluma kwezithole, nokuzinkcenkceshela. | |
| Emva kweveki uKhwezi waqaphela ukuba izithole zakhe zazithukuza, zivela ngaphezu komhlaba!<br>'Mama!' wakhwaza, 'singazisa esitiyeni ngoku!'<br>Kodwa wathi umama akufika kuzo eze kuzijonga wacacisa wathi, 'Ayikabi lixesha Khwezi – izithole ezincinane kufuneka zibe zide kangangomnwe wakho phambi kokuba ziye emhlabeni.' | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaKhwezi ebonakala echwayitile xa ekugqibeleni zibonakala izithole ezincinane eziluhlaza. Uvuya kakhulu kuba kude kwantshula nto! |
| Yonke imihla, uKhwezi wayesiya efestilenii aye kulinganisa ukukhula kwezithole xa zithelekiswa nomnwe wakhe, aze azinkcenkceshele. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaKhwezi emisa umntwana wakhe ecaleni kwesona sithole side – kuba ufuna ngenene ukuba zibe zide ngokwaneleyo ukuya kutyalwa kwakho! |
| Ekugqibeleni, kusasa ngoMgqibeleo, zonke izithole kwibhokisi yamaqanda zazizide zingangomnwe kaKhwezi! Lalifikile ixesha lokuya kuzityala esitiyeni. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaKhwezi ethatha ikhathuni esiya kubonisa umama wakhe. Uchwayite ngeyona ndlela! |
| UKhwezi nomama wakhe baya phandle. UKhwezi wanceda umama wakhe ukwenza ibhedi yezithole. Emva koko umama wakhe wambonisa indlela yokukhupha izithole ngobunono kwikhathuni uze uzityale emhlabeni. 'Ngale ndlela izityalo ezincinane ziya kuba nomhlaba othe gabalala wokukhula!' watsho. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** wokubobotheka kukaKhwezi ngengoko esebenza kunye nomama wakhe esitiyeni – kudala eyilindile le mini! |
| UKhwezi wancedisa umama wakhe ukutyala zonke iitumato kwibhedi yokuqala ephakanyisiweyo. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaKhwezi ebukele ngononophelo umama wakhe, kuba uyayazi into amakayenze. |

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| 'Siza kufaka iminqathe apha!' watsho, ekhomba kwibhedi yesibini ephakanyisiweyo. UKhwezi watyala izithole zekhaphetshu kwibhedi yesithathu ephakanyisiweyo engancediswanga. Umama wakhe watyala izithole zesipinatshi kwibhedi ephakanyisiweyo. | |
| UKhwezi waziva enokuziqhayisa ngomsebenzi wakhe onzima awenzileyo. Wahlehla umva wabukela zonke izithole zime kakuhle ngemiqolo emincinane ebukekayo. Wathi esabuka umsebenzi wabo omhle wabona umnyiki unyuquza uphuma emhlabeni. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** womnyiki omncinane unyuquza ubonwa nguKhwezi. Ndiyacinga ingaba ucinga ntoni ngeminyiki? |
| 'Owu yini bantu! Jonga! Nanko umnyiki uza kutya utshabalalise sonke isipinatshi sethu!' watsho uKhwezi.<br><br>Wawuchola wathi xa eza kuwugibisela awulahle, wakhwaza umama wakhe, 'Hayi Khwezi! Wubeke kakuhle phantsi kwibhedi leyo!'<br><br>'Ndiwubeke phantsi? Ngokuba kutheni?' UKhwezi wayedidekile.<br><br>'Iminyiki inceda izitiya zikhule! Wacacisa njalo umama wakhe. 'Ngokomba imingxuma ejikeleze izityalo, iqinisekisa ukuba izityalo zifumana amanzi okusela aneleyo nomoya wokuphefumla. Inceda izityalo zikhule zibe zikhulu kwaye zomelele. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** wengalo kaKhwezi iphezulu elungele ukuphosa kude umnyiki awufumene esitiyeni sakhe, kanye phambi kokuba umama wakhe ambhaqe. |
| UKhwezi wawubuyisela ngobunono emhlabeni umnyiki. 'Ungahlala apha! Ndiyabulela ngokunceda isitiya sethu!' watsho. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaKhwezi ebuyisela umnyiki emhlabeni. Ngoku uyazi ukuba umnyiki uluncedo ekukhuleni kwesitiya sakhe asithanda ngokukhethekileyo, uwuphatha ngenkathalo nobunono. |

| Imibuzo ebuzwayo | Iimpendulo |
|---|---|
| Luhlobo luni lwemifuno olutyalwa nguKhwezi nomama wakhe? | Ziitumato, iminqathe, ikhaphetshu nesipinatshi. |
| Zenzele umfanekiso-ntekelelo wobuso bukaKhwezi xa ebona umnyiki kwisitiya sakhe esitsha, esikhethekileyo. Ubona ntoni? | (Cela abafundi bakubonise) |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo** |
| Kwakutheni ukuze uKhwezi awuchole umnyiki? | • Kuba wayengafuni mnyiki kwisitiya sakhe.<br>• Kuba wayeza kuwugibisela kude umke esitiyeni sakhe.<br>• Kuba wayengayazi into yokuba iminyiki iluncedo ekukhuliseni izitiya.<br>• Kuba wayecinga ukuba umnyiki ungatshabalalisa imifuno yakhe ngoko ke wayefuna ukuwususa esitiyeni sakhe.<br>• Kuba wayecinga ukuba umnyiki uza kusitya sonke isipinatshi. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**__________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 4**.
2. Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - a Point – Khomba igama
   - b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - d Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesigama somxholo
   - iyatyeka
   - iziqhamo
   - imifuno

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thukuthu sintshulil'isithole | *Jongisa izandla phezulu uvale iminwe , nyusa usehlisa isandla* |
| Thatha mama ufake emhlabeni | *Bonisa ngokunga uchola into phantsi uyibeke kwenye indawo* |
| Nkcenkceshela sikhul'isityalo | *Bonisa ngokungathi ugalela amanzi phantsi* |
| Hlakulela simnand'isivuno | *Goba unge usebenza phantsi, uphakame use isandla emlonyeni* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)



1 Yohlula bafundi babe ngamaqela ngokwamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yobugcisa bokwakha ibali.
3 Umfundi ngamnye makajonge acinge ibali eliza kungena ncakasana kwimifanekiso leyo.
4 Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngabazakubhala.
5 Emva koko umfundi ngamnye uza kunikwa ithuba lokwabelana ngebali lakhe kwiqela.
6 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
7 Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa ngesandi esitsha namagama

**FUNDIS ISANDI ESITSHA**

**1** Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/h/**
**2** Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
**3** Bonisa abantwana ukuba esisandi **/h/** sohlukile/ siyafana kwesesingesi uLwimi lwaseKhaya
**4** Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
**5** Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo anesisandi **/h/?**
**6** Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: **ihobe, ihodi**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

**1** Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **ham, ihobe, ihamile, ihodi**
**2** Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha
**3** Cela abafundi balandele emva kwakho
**4** Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________________________


Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

**1** Fundisa abafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Hh**
**2** Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
**3** Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
**4** Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
**5** Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
**6** Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
**7** Abafundi <u>mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa</u> ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.






**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Zoba umfanekiso ubonisa okufundileyo ngezinto ezikhulayo

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale iinkucukacha

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA:** Ndifunde.….

**YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA**

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngento abayifundileyo kulo mxholo.
2. Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3. Xelela abafundi iingcinga zakho umzekelo: Ndifunde ukuba iminyiki izilungele izityalo.
4. Yenza umfuziselo ubabonisa: umnyiki phantsi komhlaba nengcambu yesityalo.

5 Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Krwela umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi umzekelo: Ndifunde ukuba iminyiki incedisa izityalo zikhule.
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwingcinga zabo.

### IMIYALELO YE-ORALI

1 Yithi vandla vandla la amagama: izinto ezidingwa zizityalo ukuze zikhule.
2 Bhala la magama ebhodini: umoya, amanzi , umhlaba, iminyiki, ilanga njl nj.
3 Buza abafundi: Yintoni oyifundileyo ngezinto ezikhulayo?
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele: ngento abayifundileyo kulo mxholo
6 Kumele baphendule bathi: Ndifunde ukuba …….
7 Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

### UKUBHALA

1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo** apho ubona imfuneko.
3 Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.


### MABAGUQUKE BATHETHE

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeke ukubhala.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*




IVEKI 4



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**______________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 4**
2. Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Ukuva ze bakwazi ukohlula izandi nezandi zopelo:

15 imizuzu

### Ukwahlukanisa nokwakha amagama

**NDIYENZA...**

1. Qala ngegama kula magama akwisifundo sangoLwesiBini.
2. Biza igama: **ipani**
3. Yahlukanisa igama isandi ngesandi: **/i/** – **/p/** – **/a/** – **/n/** – **/i/**
4. Biza isandi sokuqala kwigama: **/i/**
5. Biza isandi esilandelayo kwigama: **/p/**
6. Biza isandi esiphakathi kwigama: **/a/**
7. Biza isandi esilandelayo kwigama: **/n/**
8. Biza isandi sokugqibela kwigama lesandi: **/i/**
9. Bhala igama ebhodini: **ipani**
10. Yenza umfuziselo ubonisa ngokukhomba ukudibanisa izandi usakha igama elitsha: **/i/** – **/pa/** – **/ni/** = **ipani**
11. Phinda konke oku kungentla ngokuthatha elinye igama kwesa sifundo sangoLwesiThathu: **ihobe**

**SIYENZA...**

1. Qala ngegama kula magama akwisifundo sangoLwesiBini.
2. Biza igama: **ipali**
3. Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/i/** – **/p/** – **/a/** – **/l/** – **/i/**
4. Buza abafundi: Sesiphi isandi sokuqala kweli gama? **/i/**
5. Buza abafundi: Sesiphi isandiesilandelayo kweli gama? **/p/**
6. Buza abafundi: Sesiphi isandi esiphakathi kweli gama? **/a/**
7. Buza abafundi: Sesiphi isandiesilandelayo kweli gama? **/l/**
8. Buza abafundi: Sesiphi isand isandi sokugqibela kweli gama? **/i/**
9. Bhala igama: **ipali**
10. Yalela abafundi badibanise izandi bakhe igama kunye nawe: **/i/** – **/pa/-/li/** = **ipali**
11. Phinda konke oku kungentla ngokuthatha elinye igama kwesa sifundo sangoLwesiThathu: **ihodi**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________



## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### UFundo lwesiBini


**IZAKHONO ZOBUCHULE BOKUFUNDA: NDENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **UKhwezi ufumana umnyiki**<br>Kwiiveki ezimbini ezidlulileyo uKhwezi kunye nomama wakhe bazalisa ibhokisi endala yamaqanda ngomhlaba baza batyala imbewu. UKhwezi wazoba umfanekiso omncinane kwindawo nganye yekhathoni, ukuze bakhumbule uhlobo lwembewu abayityalileyo. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** wembewu ingene nzulu emhlabeni. |
| Emva koko, ngosuku ngalunye uKhwezi waya efestileni ukuya kujonga ukuhluma kwezithole, nokuzinkcenkceshela. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaKhwezi ebaleka esiya efestileni yonke imihla xa efika ekhaya evela esikolweni. |
| Emva kweveki uKhwezi waqaphela ukuba izithole zakhe zazithukuza, zivela ngaphezu komhlaba!<br>‘Mama!’ wakhwaza, ‘singazisa esitiyeni ngoku!’<br>Kodwa wathi umama akufika kuzo eze kuzijonga wacacisa wathi, ’Ayikabi lixesha Khwezi – izithole ezincinane kufuneka zibe zide kangangomnwe wakho phambi kokuba ziye emhlabeni.’ | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** wobuso bukaKhwezi obuwayo akuva ukuba izithole azikakulungeli ukuba ziye kutyalwa esitiyeni. |
| Yonke imihla, uKhwezi wayesiya efestilenii aye kulinganisa ukukhula kwezithole xa zithelekiswa nomnwe wakhe, aze azinkcenkceshele. | UKhwezi uzikhathalele ngokwenene izityalo zakhe. **Ndinomfanekiso-ngqondweni** wakhe enkcenkceshela izithole zakhe ngobunono , yonke imihla. |
| Ekugqibeleni, kusasa ngoMgqibeleo, zonke izithole kwibhokisi yamaqanda zazizide zingangomnwe kaKhwezi! Lalifikile ixesha lokuya kuzityala esitiyeni. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kamama kaKhwezi ehlola izithole, eqinisekisa ukuba zikulungele ukuya kutyalwa esitiyeni phandle. |
| UKhwezi nomama wakhe baya phandle. UKhwezi wanceda umama wakhe ukwenza ibhedi yezithole. Emva koko umama wakhe wambonisa indlela yokukhupha izithole ngobunono kwikhathuni uze uzityale emhlabeni. ‘Ngale ndlela izityalo ezincinane ziya kuba nomhlaba othe gabalala wokukhula!’ watsho. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kamama kaKhwezi ephethe isityalo ngobunono njengoko esityala kwakho emhlabeni. |

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| UKhwezi wancedisa umama wakhe ukutyala zonke iitumato kwibhedi yokuqala ephakanyisiweyo.<br><br>'Siza kufaka iminqathe apha!' watsho, ekhomba kwibhedi yesibini ephakanyisiweyo. UKhwezi watyala izithole zekhaphetshu kwibhedi yesithathu ephakanyisiweyo engancediswanga. Umama wakhe watyala izithole zesipinatshi kwibhedi ephakanyisiweyo. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaKhwezi ebukele ngobunono umama wakhe, kuba uzikhathalele izithole zakhe ezincinane kwaye ufuna ukuncedisa ekukhuleni kwazo. |
| UKhwezi waziva enokuziqhayisa ngomsebenzi wakhe onzima awenzileyo. Wahlehla umva wabukela zonke izithole zime kakuhle ngemiqolo emincinane ebukekayo. Wathi esabuka umsebenzi wabo omhle wabona umnyiki unyuquza uphuma emhlabeni. | Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali ndithi esi sisitiya sokuqala sikaKhwezi. Ndinomfanekiso-ngqondweni wendlela onwabe naziqhayisa ngayo xa ebona zonke izithole zilungele ukukhula zibe yimifuno emikhulu! |
| 'Owu yini bantu! Jonga! Nanko umnyiki uza kutya utshabalalise sonke isipinatshi sethu!' watsho uKhwezi.<br><br>Wawuchola wathi xa eza kuwugibisela awulahle, wakhwaza umama wakhe, 'Hayi Khwezi! Wubeke kakuhle phantsi kwibhedi leyo!'<br><br>'Ndiwubeke phantsi? Ngokuba kutheni?' UKhwezi wayedidekile.<br><br>'Iminyiki inceda izitiya zikhule! Wacacisa njalo umama wakhe. 'Ngokomba imingxuma ejikeleze izityalo, iqinisekisa ukuba izityalo zifumana amanzi okusela aneleyo nomoya wokuphefumla. Inceda izityalo zikhule zibe zikhulu kwaye zomelele. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kamama kaKhwezi esanga uKhwezi , emcacisela ngoncedo lweminyiki esitiyeni, epholile. |
| UKhwezi wawubuyisela ngobunono emhlabeni umnyiki. 'Ungahlala apha! Ndiyabulela ngokunceda isitiya sethu!' watsho. | Oo! UKhwezi uyayazi ngoku indlela oluncedo ngayo umnyiki kwisitiya sakhe.<br><br>**Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaKhwezi ekhangela eminye iminyiki anokuyongeza esitiyeni sakhe kwixesha elizayo. Ndiyamazi ukuba uyasithanda isitiya sakhe kwaye ufuna imifuno ikhule. |

| Imibuzo | Iimpendulo |
|---|---|
| Ngokokutsho kukamama kaKhwezi, kufuneka zikhule zibe zide kangakanani izithole ukuze zikulungele ukutyalwa phandle esitiyeni? | Uthi kufuneka zilingane nomnwe kaKhwezi ngobude. |
| Iluncedo njani iminyiki esitiyeni? | Inceda izityalo zifumane umoya namanzi ngokwaneleyo. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze uKhwezi atshintshe indlela aziva ngayo ngomnyiki? | • Kuba umama wakhe wamcacisela ukuba iminyiki ibalulekile esitiyeni.<br>• Kuba uKhwezi wafunda into entsha eyamtshintsha indlela aziva ngayo.<br>• Kuba uKhwezi usikhathalele ngenene isitiya sakhe! Akuva ukuba umnyiki uluncedo, uyaqonda ukuba ufuna umnyiki ube sesitiyeni sakhe. |





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 4**
2. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali 15 imizuzu

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
- **a** Point – Khomba igama
- **b** Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- **c** Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- **d** Say – yitsho igama kwisivakalisi h

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yesigama somxholo
- ukuphila
- iingcambu
- phantsi komhlaba

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Thukuthu sintshulil'isithole | *Jongisa izandla phezulu uvale iminwe , nyusa usehlisa isandla* |
| Thatha mama ufake emhlabeni | *Bonisa ngokunga uchola into phantsi uyibeke kwenye indawo* |
| Nkcenkcehela sikhul'isityalo | *Bonisa ngokungathi ugalela amanzi phantsi* |
| Hlakulela simnand'isivuno | *Goba unge usebenza phantsi, uphakame use isandla emlonyeni* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kweli bali …..
Xa ndinomfanekiso ngqondweni wegadi ndi…
Eli bali linxulumene nomxholo wethu izinto ezikhulayo ngoba …

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela iqela elithile ukuba abelana labelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Ukuva ze bakwazi ukohlula izandi kunye nezandi zopelo:

15 imizuzu

### Ukufumana amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **p** | **h** | **i** |
| **a** | **n** | **e** |
| **m** | **o** | **b** |
| **l** | **d** | **s** |

#### YENZA UMFUZISELO

1 Khumbuza abafundi ngezandi zeveki: **/p/** no **/h/**
2 Hlaziya zonke iizandi namagama awakhiwe ngokudityaniswa ebhodini.
3 Nika abafundi imizuzu emi-3 ukwakha onke amagama abanokuwakha besebenzisa izandi ezisebhodini.
4 Bonisa abafundi indlela yokwakha igama besebenzisa isandi ekujoliswe kuso seveki njengo: **/i/** – **/p/** – **/a/** – **/n/** – **/i/** = **ipani**
5 Khumbuza abafundi ukuba bangalakha igama besebenzisa nasiphi na isandi esisebhodini –abanyanzelekanga ukuba basebenzise: **/p/ okanye /h/**
6 Bonisa abafundi ukwenza elinye igama njengo: **/x/** – **/y/**/**m/** – **/a/** – **/m/** – **/a/** = **mama**
7

#### ABAFUNDI BAYENZA

1 Abafundi mabavule iincwadi zabo babhale isihloko: **p, h**
2 Abafundi mababhale amagama, banike imizuzu – 3 ukwakha amagama.
3 Abafundi mabakhe amagama kangangoko banako.
4 Abafundi mabazikorekishe umsebenzi wabo. Babonise abafundi indlela zokwakha la amagama (kunye namanye): **jama, jika, ijoko, ijaji, ijezi, joja, yam, yona, yiyo, yena, iyeza, yoyele, kama, sela, lila, mela, mamela, sala**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

**UKWENZA UMFANEKISO UKUBALISA IBALI ELIFUNDIWEYO**

1. Abafundi mabakhuphe incwadi, ipensile nekhrayoni.
2. Cacisela abafundi ukuba baza kuzoba ngento abacinga ukuba ingenzeka ukuba ibali liyaqhubeka.
3. Yenza **umfuziselo** ubonisa ngento ocinga ukuba ingenzeka ukuba ibali liyaqhubeka umzekelo: Ndinomfanekiso – ngqondweni kaKhwezi enobuso obunyayileyo ukuqala kwakhe ukubona umnyiki.
4. Zoba umfanekiso ebhodini kaKhwezi enyanyile.
5. Xelela abafundi ukuba baza kuyifunda ivaliwe bacinge okuza kwenzeka okulandelayo ebalini.
6. Abafundi mabavale amehlo njengoko ubafundela ibali kwakhona.
7. Abafundi mabavule amehlo babhale iingcinga zabo ngento abacinga ukuba iza kwenzeka ukuba ibali lingaqhubeka.
8. Ekugqibeleni, bavumele abafundi ukuba **baguquke bathethe,** baze babelane ngezimvo zabo nomlingane.

## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 4.**
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwmi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4 Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6 Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki. abazixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke oesekufundiwe eokungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo ephephileyo efanelekileyo. ukuze ukwazi ukuzisebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyisebenzisa oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamane nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yezilwanyana.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo. Umzekelo: Phanda ngezilwanyana ezinomtsalane kwihlabathi.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zethala leklasi zikwimeko efanelekileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo ngalo kwigumbi lokufundela kubafundi.

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 42, Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 43 & 44, Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku 1: iPhepha lama 45, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso** wesilwanyana osithanda kakhulu.

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali 15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1. Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala kwiNcwadi Enkulu yebali**: IiMamba ezimnyama zikaMunene**.
2. Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Izilwanyana**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   - a Zeziphi izilwanyana ozaziyo?
   - b Biza ezinye zezilwanyana zaseMzantsi Afrika?
   - c Zihlala phi izilwanyana?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
   - a Point – Khomba igama
   - b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - d Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesiGama soMxholo.
   - imikhombe
   - izilwanyana ezisecicini lokuphela
   - abazingeli ababulala zilwanyana ngokungekho mthethweni

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Tyeke tyeke tyeke | *Bamba isandla ngesinye usehlise usinyusa* |
| Wen'uthanda ntoni? | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Ndithand'inkomo | *Misa iminwe kumacala omabini entloko* |
| Hayi, mna ndithand'ihashe | *Zisa izandla ngaphambili ulinganise ihashe ligqabadula* |

IVEKI 5

## UkuBhala ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi nala magama alandelayo:
   a ipapa
   b ipani
   c ipali
   d ipilisi
   e ihobe
   f ihamile
   g ihodi
3 Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### Phambi kokuFunda

**INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **IiMamba ezimnyama zikaMunene**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze okwenzekayo kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba lingantoni ibali.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni, ungamanga.

## UkuBhala:

30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Bhala ngesilwanyana sasendle ongathanda ukusibona.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale iinkucukacha

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Ndifuna ukubona……..**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngezilwanyana zasendle abangathanda ukuzibona.
2. Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3. Xelela abafundi iingcinga zakho: Ndingathanda ukubona usana lwendlovu
4. Yenza **umfuziselo** ubabonisa umzobo: wosana lwendlovu.
5. Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Zoba umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, **Krwelela igama ngalinye umgca**,umzkl: Ndifuna ukubona indlovu endle
6. Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwiingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1. Yithi vandla vandla nabafundi nicinge ngezilwanyana zasendle
2. Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: ingonyama, imbabala, indlulamthi, imvubu njl njl
3. Buza abafundi: Zeziphi izilwanyana ongathanda ukuzibona?
4. Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5. Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele ngezilwanyana abangathanda ukuzibona.
6. Kumele bathi:…… Ndifuna ukubona
7. Cacisa ngoku ukuba ngoku kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA


1. Nika abafundi iincwadi zabo.
2. Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo** nabo apho ubona imfuneko.
3. Bacele abafundi bakuxelele ngoko bakubhalayo.
4. Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.


5 Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1. Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeka ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi* ***apho amehlo abo afika khona*** *kwigumbi lokufundela***.** *Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 5**
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala **liz**e kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho **olufunek**a lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa izandi ezitsha namagama

**FUNDISA ISANDI ESITSHA**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/w/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abantwana ukuba esisandi **/w/** sohlukile kwesesiNgesi
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5 Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo ahambelana nesisandi u – **/w/**?
6 **Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo, wola, wena, iwele**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **wena, wola, iwaka, iwele, iwile, iwigi**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha
3 Cela abafundi balandele emva kwakho
4 Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso



**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Ww**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Bonisa abafundi ukufana nokwahluka kwesisandi kwesesiNgesi
4 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
5 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
6 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### UFundo lokuQala


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDENZA UMFANEKISO NGQONDWENI**

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| **IiMamba ezimnyama zikaMunene**<br><br>UMunene wahlala phadle elinde emnyango. Namhlanje umama wakhe wayeza kubuyela ekhaya evela kumsebenzi wakhe wokupatrola. Nyanga nganye, wayehlala iintsuku ezingama – 21 endle. Yonke imihla kusasa nangokuhlwa, icandelo lakhe lalikhangela izabatha, imizila yabantu, okanye ezinye iimpawu ezibonisa ukuba kungakho abazingeli abazingela imikhombe ngokungekho mthethweni kule ndawo yezilwanyana. | Ndiyakwazi **ukwenza umfanekiso-ngqondweni** kaMunene ejonge endleleni, ecinga ukuba ingaba umthinzi obonakala kude ngookamama wakhe na. |
| Noxa uMunene wayemkhumbula umama wakhe xa engekho, wayecinga ukuba umsebenzi wakhe wawungowona uthandekayo ehlabathini. Wayekuthanda ukuxelela abantu ukuba umama wakhe lilungu leeMamba ezimnyama. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** woncumo olugoso lukaMunene xa ebuzwa ngumntu ukuba usebenza phi umama wakhe. |
| UMunene wabuyela emva ecinga phambi kokuba umama wakhe aphangele. Wayesoloko ekhangela umsebenzi emaphepheni nakwi-intanethi. Ngamanye amaxesha wayethengisa iilekese namashwamshwam ngaphaya kwamasango esikolo semfundo ephakamileyo. Umama wakhe wayesoloko ekhangeleka engonwabanga ephantsi koxinezelelo ngezo ntsuku. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kamama kaMunene – xa ebuya kwipatrol, udiniwe kodwa wonwabile. |
| UMunene wakhumbula imini umama wakhe aweva ngayo ngecandelo elilawulwa ngoomama elilwa ukubulawa nokuzingelwa ngokungekho mthethweni kwezilwanyana. Babehleli etafileni ekhitshini besitya isidlo sabo sakusasa kunye, xa ibali lalivakala ezindabeni. Uyakhumbula xa umama wakhe wayesithi,'Iya kuba ndim lowo ngenye imini! Ndiza kuba ngomnye weqela leeMamba ezimnyama ndincede ukukhusela imikhombe emihle!' | Ndiyakwazi **ukwenza umfanekiso-ngqondweni** kaMunene nomama wakhe besitya bephulaphule unomathotholo. Ndicinga ukuba umama wakhe uye wayeka ukutya walimamela ngononophelo ibali. |
| Njengoko wayehleli elindile, waba nomfanekiso-ngqondweni kamama wakhe eliqhawe lodumo. Wayenombono wakhe enxibe isambatho sakhe seeMamba ezimnyama ebhabha ngesantya esingenamlinganiselo phezu kweBalule eyindawo egcina izilwanyana. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaMunene ehleli evale amehlo, njengoko enomfanekiso-ntekelelo kamama wakhe esemsebenzini! |

IVEKI 5

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| Wayenomfanekiso wokuba unamandla okwenza iindonga zezitena zivele zithi gqi emoyeni ukuze akhusele ngephanyazo imikhombe xa isengxakini. | |
| Ukuphupha kwakhe ehleli kwaphela akukhwazwa ngegama ngumama wakhe. Wabaleka esiya kumanga.<br>‘Nceda undibalisele ngemikhombe?’ wamcela njalo uMunene. ‘Ubone ntoni ngexesha ubupatrola?’<br>Ubuso bukamama wakhe batshintsha, waza wathetha ngelizwi eliphantsi, elinesidima, ‘Le ibiyipatrol enzima kakhulu, nyana. Kweli tyeli sifumene umkhombe uqhawulwe uphondo.’ | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaMunene ejonge phezulu apho kuvela ilizwi likamama wakhe. Ufanele ukuba uyavuya ukumbona emva kweentsuku ezingama-21 bahlukene. |
| UMunene wazama ukucinga ukuba ingayintoni enokubangela ukuba umntu afune ukwenzakalisa umkhombe, isilwanyana esihle kangaka, kodwa zange kufike nasinye isizathu kuye. ‘Yintoni ebangela ukuba abantu benze loo nto?’ wabuza enomsindo.<br>‘Uyabona,’ watsho umama wakhe, ‘Ndicinga ukuba abantu bafuna imali ngamehlo abomvu. Bayazithengisa iimpondo zemikhombe ngokungekho sikweni. Abanye abantu bakholelwa ukuba ezi mpondo zinyanga izifo baze bahlawule imali etshisiweyo xa bezifumana. Kodwa uyazi ukuba iimpondo zemikhombe zenziwe ngento enye kunye neenzipho zakho zeminwe?’ | |
| Kodwa ke ngethamsanqa, ipatrol ayikhange ibe lusizi yonke. Ndilubonile usana olutsha lomkhombe!’ Umama kaMunene wakhupha ifowuni yakhe wambonisa umfanekiso. | **Ndinomfanekiso-ngqondweni** kaMunene ethe ntsho ifowuni – amehlo akhe athe gqa umangalisekile! |
| ‘Qashela, uyazi yintoni? Watsho njengoko babengena ngomnyango wangaphambili wasendlwini. ‘Ngomso ndiya nawe esikolweni – ndiya kufundisa iklasi yakho ngokukhathalela imikhombe yethu.’ | Ndinomfanekiso-ngqondweni kaMunene exhumaxhuma luvuyo xa umama wakhe emxelela ezi ndaba! |
| UMunene waba nomfanekiso weqhawe lodumo elingumangaliso nelingumama wakhe limi phambi kweklasi, lifundisa abafundi beklasi yakhe ngeeMamba ezimnyama. Wayengengxame! | |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo** |
|---|---|
| Wayelinde bani uMunene? | Wayelinde umama wakhe afike. |
| Yayilixesha elingakanani ipatrol kamama wakhe? | Ipatrol yakhe yayiziintsuku ezingama-21 |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo** |
| Kwakutheni ukuze uMunene ahlale phandle? | • Wayelindele umama wakhe abuye eze ekhaya.<br>• Umka iintsuku ezingama-21, namhlanje lusuku abuyela ngalo ekhaya.<br>• Uyavuya uza kubona umama wakhe.<br>• Uyamkhumbula umama wakhe kuba umke ixesha elide ngoku uyakuvuyela ukumbona ekugqibeleni.<br>• Mhlawumbi ebefuna ukumbuza ngento ayithethayo kwipatrol. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu



**AMAQELA:**____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 5.**
2. Mabathyile **kuMsebenzi i wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala **liz**e kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali


15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   a Point – Khomba igama
   b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yamagama asekelwe kumxholo yesigama somxholo
   - gada
   - khusela
   - vela

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Tyeke tyeke tyeke | *Bamba isandla ngesinye usehlise usinyusa* |
| Wen'uthanda ntoni? | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Ndithand'inkomo | *Misa iminwe kumacala omabini entloko* |
| Hayi, mna ndithand'ihashe | *Zisa izandla ngaphambili ulinganise ihashe liqqabadula* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)



1 Yohlula bafundi babe ngamaqela ngokwamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yobugcisa yokwakha ibali.
3 Umfundi ngamnye makajonge imifanekiso acinge ibali eliza kungena kwimifanekiso leyo.
4 Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngabaza kubhala ngezimvo zabo.
5 Emva koko umfundi ngamnye uza kunikwa ithuba lokwabelana ngebali lakhe kwiqela.
6 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo mawanike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
7 Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa ngesandi esitsha namagama

**FUNDISA ISANDI ESITSHA**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/x/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abafundi ukuba esisandi **/x/** sohlukile kwesesiNgesi
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5 Buza abafundi: ninawo amagama eniwaziyo ahambelana nesisandi u-/**x**/?
6 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo**, xoxa, xela, xuba**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **xola, xela, xoxa, xuba, ixelegu**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libe linye ngexesha
3 Cela abafundi balandele emva kwakho
4 Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso



**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha / amagama/ izivakalisi

1 Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Xx**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi <u>mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso</u> emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1. Xelela abafundi ukub kwilizwe lonke kukho izilwanyana ezisecicini lokuphela ngenxa yethu bantu.Abantu basika imithi, benza ungcoliso, baze bazingele nezilwanyana zonke ezi zinto ziyaziphazamisa izilwanyana neplanethi le sihlala kuyo. Ukuba isilwanyana siphelile oko kukuthi asinakuphinda sisibone. Kufuneka siqinisekise ukuba izilwanyana azipheli ngokuthi sizikhusele!
2. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngesilwanyana abangathanda ukusikhusela.
3. Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
4. Xelela abafundi iingcinga zakho: <u>Mna ndiza kukhusela iindlovu ngoba ndiyazithanda. Ndiza kuqinisekisa ukuba ndiyabafundisa abafundi eklasini yam ngezilwanyana ezisecicini lokuphela nesidingo sokuba sizikhusele ezi zilwanyana</u>!
5. Yenza umfuziselo ubabonisa umzobo wakho:<u>ufundela abafundi eklasini ibali ngeendlovu.</u>
6. Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Zoba Krwela umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, umzkl: <u>Ndiza kuzikhusela iindlovu</u>.
7. Cima umzekelo wakho ebhodini. Bacacisele ukuba lo ibingumzekelo, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwingcinga zabo.



### IMIYALELO YE-ORALI

1. Yithi vandla vandla ngezinto abafundi abanokuzenza ukukhusela izilwanyana
2. Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: <u>sukulahla iinkukuma, fundisa abantwana ozalwa nabo ngezilwanyana ezisecicini lokuphela, yiba yimamba emnyama , ucoce izitalato njlnjl.</u>
3. Buza abafundi: <u>Sesiphi isiwanyana oza kusikhusela?</u>
4. Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5. Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele:ngezilwanyana abaza kuzikhusela
6. Kumele bathi: …….Ndiza kunceda.
7. Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!


### UKUBHALA

1. Nika abafundi iincwadi zabo.
2. Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo/ ugqibezele iingxoxwana** apho ubona imfuneko.
3. Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo
4. Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5. Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeke ukubhala.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*




## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 5.**
2 Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Isandi nesandi esitsha: 15 imizuzu

### Ukucalula nokuhlanganisa

**NDIYENZA**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama**: iwaka**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/i/** – **/w/** – **/a/** – **/k/** – **/a/**
4 Biza isandi sokuqala kwigama: **/i/**
5 **Biza isandi esilandelayo kwigama:** /w/
6 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/a/**
7 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/k/**
8 Biza isandi sokugqibela kwigama: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **iwaka**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama **/i/** – **/wa/ – / ka/** = **iwaka**
11 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **xola**

**SENZE**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Libize eligama: **iwile**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/i/** – **/w/** – **/i/** – **/l/** – **/e/**
4 Buza abafundi: sithini isandi sokuqala kweligama? **/i/**
5 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo? **/w/**
6 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo? **/i/**
7 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo?**/l/**
8 Buza abafundi: sithini isandi sokugqibela? **/e/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **iwile**
10 Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhuphe igama kunye nawe **/i/** – **/wi/-/ le/** = **iwile**
11 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **xuba**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ________________________________________

Amagama: ________________________________________

________________________________________

IVEKI 5

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### UFundo lwesiBini


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDENZA UMFANEKISO – NGQONDWENI**

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **IiMamba ezimnyama zikaMunene**<br><br>UMunene wahlala phadle elinde emnyango. Namhlanje umama wakhe wayeza kubuyela ekhaya evela kumsebenzi wakhe wokupatrola. Nyanga nganye, wayehlala iintsuku ezingama – 21 endle. Yonke imihla kusasa nangokuhlwa, icandelo lakhe lalikhangela izabatha, imizila yabantu, okanye ezinye iimpawu ezibonisa ukuba kungakho abazingeli abazingela imikhombe ngokungekho mthethweni kule ndawo yezilwanyana. | |
| Noxa uMunene wayemkhumbula umama wakhe xa engekho, wayecinga ukuba umsebenzi wakhe wawungowona uthandekayo ehlabathini. Wayekuthanda ukuxelela abantu ukuba umama wakhe lilungu leeMamba ezimnyama. | UMunene **unomfanekiso-ngqondweni** kamama wakhe enxibe iyunifom yeeMamba ezimnyama! Uyambuka xa ecinga ngomsebenzi wakhe othandekayo. |
| UMunene wabuyela emva ecinga phambi kokuba umama wakhe aphangele. Wayesoloko ekhangela umsebenzi emaphepheni nakwi-intanethi. Ngamanye amaxesha wayethengisa iilekese namashwamshwam ngaphaya kwamasango esikolo semfundo ephakamileyo. Umama wakhe wayesoloko ekhangeleka engonwabanga ephantsi koxinezelelo ngezo ntsuku. | Ndicinga ukuba uMunene **uzenzela umfanekiso-ngqondweni** wendlela onwabe ngayo umama wakhe ngoku, xa ethelekisa nexesha awayengaphangeli ngalo. noxa umama wakhe engekho ekhaya ixesha elide, uyavuya ukumbona onwabe ngakumbi ngoku. |
| UMunene wakhumbula imini umama wakhe aweva ngayo ngecandelo elilawulwa ngoomama elilwa ukubulawa nokuzingelwa ngokungekho mthethweni kwezilwanyana. Babehleli etafileni ekhitshini besitya isidlo sabo sakusasa kunye, xa ibali lalivakala ezindabeni. Uyakhumbula xa umama wakhe wayesithi,'Iya kuba ndim lowo ngenye imini! Ndiza kuba ngomnye weqela leeMamba ezimnyama ndincede ukukhusela imikhombe emihle!' | Ndicinga ukuba uMunene **unomfanekiso-ngqondweni** kamama wakhe eliqhawe lodumo, njengoSuperman okanye uBatman kuba ucinga ukuba uyanceda, uyakhathala kwaye unamandla njengeqhawe lodumo. |
| Njengoko wayehleli elindile, waba nomfanekiso-ngqondweni kamama wakhe eliqhawe lodumo. Wayenombono wakhe enxibe isambatho sakhe seeMamba ezimnyama ebhabha ngesantya esingenamlinganiselo phezu kweBalule eyindawo egcina izilwanyana. | UMunene **unomfanekiso-ngqondweni** kamama wakhe ebhabha emoyeni enxibe isambatho – njengoSuperman okanye uBatman kuba ukhusela imikhombe – njengamaqhawe odumo akhusela abantu! |

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Wayenomfanekiso wokuba unamandla okwenza iindonga zezitena zivele zithi gqi emoyeni ukuze akhusele ngephanyazo imikhombe xa isengxakini. | UMunene **unomfanekiso-ngqondweni** kamama wakhe ephephezelisa ingalo esenza ukuba kuthi gqi udonga lwezitena. Ulwa abazingeli ababulala izilwanyana ngokungekho mthethweni njengamaqhawe odumo alwa neendlobongela. |
| Ukuphupha kwakhe ehleli kwaphela akukhwazwa ngegama ngumama wakhe. Wabaleka esiya kumanga.<br>'Nceda undibalisele ngemikhombe?' wamcela njalo uMunene. 'Ubone ntoni ngexesha ubupatrola?'<br>Ubuso bukamama wakhe batshintsha, waza wathetha ngelizwi eliphantsi, elinesidima, 'Le ibiyipatrol enzima kakhulu, nyana. Kweli tyeli sifumene umkhombe uqhawulwe uphondo.' | UMunene ufuna ukuba umama wakhe amxelele konke akubonileyo ukuze **azenzele umfanekiso-ngqondweni** wako konke! Ufanele ukuba uwubuka ngenene umsebenzi wakhe. |
| UMunene wazama ukucinga ukuba ingayintoni enokubangela ukuba umntu afune ukwenzakalisa umkhombe, isilwanyana esihle kangaka, kodwa zange kufike nasinye isizathu kuye. 'Yintoni ebangela ukuba abantu benze loo nto?' wabuza enomsindo.<br>'Uyabona,' watsho umama wakhe, 'Ndicinga ukuba abantu bafuna imali ngamehlo abomvu. Bayazithengisa iimpondo zemikhombe ngokungekho sikweni. Abanye abantu bakholelwa ukuba ezi mpondo zinyanga izifo baze bahlawule imali etshisiweyo xa bezifumana. Kodwa uyazi ukuba iimpondo zemikhombe zenziwe ngento enye kunye neenzipho zakho zeminwe?' | UMunene uzama **ukwenza umfanekiso-ngqondweni** wabantu ababulele umkhombe. Kodwa ndicinga ukuba kunzima ukuba abe nako ukwenza oko, kuba uyithanda kakhulu imikhombe. |
| Kodwa ke ngethamsanqa, ipatrol ayikhange ibe lusizi yonke. Ndilubonile usana olutsha lomkhombe!' Umama kaMunene wakhupha ifowuni yakhe wambonisa umfanekiso. | UMunene angaba **wenza umfanekiso-ngqondweni** wendlela olukhangeleka ngayo usana lomkhombe luphandle endle! |
| 'Qashela, uyazi yintoni? Watsho njengoko babengena ngomnyango wangaphambili wasendlwini. 'Ngomso ndiya nawe esikolweni – ndiya kufundisa iklasi yakho ngokukhathalela imikhombe yethu.' | |
| UMunene waba nomfanekiso weqhawe lodumo elingumangaliso nelingumama wakhe limi phambi kweklasi, lifundisa abafundi beklasi yakhe ngeeMamba ezimnyama. Wayengengxame! | UMunene **wenza umfanekiso-ngqondweni** wabafundi bonke abaseklasini yakhe bejonge kumama wakhe bembuka. |

IVEKI 5

| Imibuzo | Iimpendulo |
|---|---|
| Yintoni umsebenzi kamama kaMunene? | Usebenza njengeMamba emnyama ukukhusela imikhombe kubazingeli abangekho mthethweni. |
| Zenzele umfanekiso ngqondweni kamama kaMunene. Unamfanekiso ntekelelo unjani? | *Ndinomfanekiso ngqondweni …* |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze uMunene abe nomfanekiso kamama wakhe eliqhawe lodumo? | • Kuba wayewubuka umsebenzi wakhe njengeMamba emnyama.<br>• Kuba unceda ekukhuseleni imikhombe kubazingeli abangekho mthethweni.<br>• Kuba uyawubuka umsebenzi awenzayo<br>• Kuba ucinga ukuba amaqhawe odumo ayathandeka kwaye ucinga ukuba umsebenzi kamama wakhe uyathandeka.<br>• Kuba ucinga ukuba uyakhathala/ womelele/ uluncedo njengeqhawe lodumo. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:___________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 5**
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
- **a** Point – Khomba igama
- **b** Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- **c** Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- **d** Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yamagama asekelwe kumxholo yesigama somxholo
- ngokungekho mthethweni
- ukuzilahlela
- ukuphila

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Tyeke tyeke tyeke | *Bamba isandla ngesinye usehlise usinyusa* |
| Wen'uthanda ntoni? | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Ndithand'inkomo | *Misa iminwe kumacala omabini entloko* |
| Hayi, mna ndithand'ihashe | *Zisa izandla ngaphambili ulinganise ihashe ligqabadula* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kweli bali…
Ndicinga ukuba uMunene…
Ndifunde…

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba bazakunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye iqela elithile ukuba labelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **w** | **x** | **e** |
| **n** | **a** | **k** |
| **i** | **l** | **o** |
| **g** | **u** | **b** |

#### BONISA ABAFUNDI

1. **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo /w/** no **/x/**
2. Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4. **Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki /i/ – /w/ – /a/ – /k/ – /a/ = iwaka**
5. **Bonisa abafundi ukwakha elinye igama /b/ – /a/ – /b/ – /a/ = baba**
6. Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa izandi zeveki ukwakha igama elinjengo **isali** okanye igama elingenazandi zaleveki umzekelo: **baba**

#### OKWENZIWA NGABAFUNDI


1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **w, x**
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **wena, wola, iwaka, iwele, iwile, iwigi, xola, xela, xoxa, xuba, ixelegu, gula, goba, kubi, bala, ilolo**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________



## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu


### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA UMFANEKISO-NGQONDWENI**

**UKWENZA UMFANEKISO UKUBALISA IBALI ELIFUNDIWEYO**

1 Abafundi mabakhuphe incwadi, ipensile nekhrayoni.
2 Cacisela abafundi ukuba baza kuzoba ngento abacinga ukuba ingenzeka ukuba ibali liyaqhubeka.
3 Yenza **umfuziselo** usenza umfanekiso – ngqondweni ucinga nento eyenzeka ebalini umzekelo: Ndinomfanekiso – ngqondweni kamama kaMunene eliqhawe lodumo njengo Munene.
4 Zoba umfanekiso ebhodini kamama kaMunene enxibe isambatho seqhawe ebhabha emoyeni.
5 Xelela abafundi ukuba benze umfanekiso – ngqondweni ucinga ngento eyenzeka ebalini.
6 Abafundi mabavale amehlo bazole njengoko ubafundela ibali kwakhona.
7 Abafundi mabavule amehlo babhale iingcinga zabo ngalanto bebesenza umfankiso – ngqondweni ngayo.
8 Ekugqibeleni, bavumele abafundi ukuba **baguquke bathethe,** baze babelane ngezimvo zabo nomlingane.





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 5**.
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda, okanye kwimisebenziekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwmi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4 Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6 Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki. abazixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke oesekufundiwe eokungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo ephephileyo efanelekileyo. ukuze ukwazi ukuzisebenzisa kwilixa elizayo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyisebenzisa oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamane nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yezilwanyana ezahlukkileyo.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo lowo. Umzekelo: Phanda ngeempawu zellama.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zethala leklasi zikwimeko efanelekileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo ngalo kwigumbi lokufundela kubafundi.

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 46, Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 47 + 48, Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku 1 iPhepha lama 49, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso** wesilwanyana osithanda kakhulu sasekhaya.

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1. Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala kwiNcwadi Enkulu kwibali yebali**: Isizathu sokuba iillama** **zihlale kwiindawo eziphezulu**
2. Xelela abafundi ukuba siyaqhubeleka nomxholo wethu: **Izilwanyana**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a. Zeziphi iindlela abantu abalimaza ngazo izilwanyana?
   b. Zeziphi iindlela abantu abanceda ngazo izilwanyana?
   c. Zeziphi iindlela izilwanyana ezinceda ngazo abantu?
   d. Zibaluleke kamgakananani izilwanyana eluntwini?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
   a. Point – Khomba igama
   b. Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c. Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d. Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesiGama soMxholo.
   - iillama
   - iwulu
   - ukunyoluka
   - ukuba nobubele

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Tyeke tyeke tyeke | *Bamba isandla ngesinye usehlise usinyusa* |
| Wen'uthanda ntoni? | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Ndithand'inkomo | *Misa iminwe kumacala omabini entloko* |
| Hayi, mna ndithand'ihashe | *Zisa izandla ngaphambili ulinganise ihashe ligqabadula* |

IVEKI 6

## UkuBhala ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi nala magama alandelayo:
   - **a** wena
   - **b** wola
   - **c** iwele
   - **d** iwile
   - **e** xola
   - **f** xela
   - **g** xoxa
   - **h** xuba
3 Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### Phambi kokuFunda

#### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali**: <u>Isizathu sokuba iillama zihlale kwiindawo eziphezulu</u>**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze okwenzekayo kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba lingantoni ibali.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni, ungamanga.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:**Bhala ngesilwanyana esiluncedo eluntwini

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale iinkucukacha

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA:** …**siluncendo eluntwini**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1 Cacisa ukuba namhlanje, abafundi:baza kubhala ngezilwanyana eziluncedo eluntwini.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho: Inja ziluncedo eluntwini ziyasikhusela kwaye ziphinde zisonwabise xa sinesithukuthezi.
4 Yenza **umfuziselo** ubabonisa umzobo: <u>wenja ihleli ngaphandle kwakho.</u>
5 Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Zoba umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, **Krwelela igama ngalinye umgca**, umzkl: <u>Izinja ziluncedo eluntwini lwam</u>
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwiingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Yithi vandla vandla nabafundi ngamagama ezilwanyana eziluncedo eluntwini.
2 Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo<u>: inkomo, igusha, izinja, iinkukhu njl njl</u>
3 Buza abafundi<u>: Sesiphi esona silwanyana ocinga siluncedo eluntwini?</u>
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele nge<u>silwanyana abaza kubhala ngaso.</u>
6 Kumele bathi:…… siluncedo eluntwini ngoba……..
7 Cacisa ngoku ukuba ngoku kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!


#### UKUBHALA


1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo** nabo apho ubona imfuneko.
3 Bacele abafundi bakuxelele ngoko bakubhalayo.
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeka ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi* ***apho amehlo abo afika khona*** *kwigumbi lokufundela***.** *Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 6**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho ekufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa izandi ezitsha namagama

**FUNDISA ISANDI ESITSHA**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/v/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho.
3. Bonisa abantwana ukuba esisandi **/v/** sohlukile kwesesiNgesi
4. Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5. Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo ahambelana nesisandi u – **/v/**?
6. **Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo, vela, vula, vuya**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **vela, iveni, vula, vuya, vuleka, ivili**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha
3. Cela abafundi balandele emva kwakho
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Vv**
2. Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Bonisa abafundi ukufana nokwahluka kwesisandi kwesesiNgesi
4. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
5. Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
6. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### UFundo lokuQala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIHLOLA IMEKO**

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| **Isizathu sokuba iillama zihlale kwiindawo eziphezulu**<br><br>***Umyalezo:*** *Wakhe weva ngellama? Iillama zizizalwanyana zeenkamela zaseMzantsi Melika, noxa zona zingenazifombo. Iillama zazihlala kwiintaba iiAndes zasePeru naseBolivia eMzantsi Melika amakhulu khulu eminyaka. Iillama zizilwanyana eziluncedo kakhulu. Ziyakwazi ukuthwala imigodlo enzima kwaye ufele lwazo lwenza izikhumba sofele esihle. Iingubo ezithambileyo noboya bazo busetyenziswa ukwenza iimethi nempahla efudumeleyo, ilindle lazo linako ukutshiswa lenze ipetroli.* | **Ndingayihlola imeko** ndithi iillama ziyinxalenye ebalulekileyo ekuhlaleni kwindawo yazo kuba zinceda kwizinto ezininzi! |
| UGenoveva wahlala phantsi emgangathweni ejonge kuye engashukumi njengoko umakhulu wakhe wayejija uboya esenza iwulu. 'Ukwenza njani oku? Wabuza emangalisekile.<br><br>'Ookhokho bookhokho basebenzisa ingutyana zellama ukubafudumeza amakhulu khulu eminyaka. Umakhulu wam wandifundisa ukujija ndiyintombazanana encinane,'waphendula njalo umakhulu wakhe, 'kwaye kungekudala ndiza kufundisa wena.'<br><br>'Yini, nceda undibalisele ibali ngeellama zakudala,' wacenga uGenoveva.<br><br>'Kwakhona?' wahleka umakhulu wathinta isikhohlela. | **Ndihlola imeko ndithi** iillama zazingabalulekanga kudala kuphela – zisabalulekile nangoku. **Ndingahlola** ndithathe isigqibo kuba umakhulu kaGenoveva usajija iwulu yellama aze abalise amabali akudala eellama. |
| Kudala dala, kwakukho ixesha apho abanye bookhokho bethu bathi balibala ngezithixo. Balibala ukubulela kuInti noMama Quila, uthixo welanga nesithixokazi senyanga ezibanika imini nobusuku. Balibala ukubonakalisa umbulelo kuPachamama, umhlaba ongumzalikazi, obanika isivuno esininzi ngokwaneleyo. Ngeli xesha lalilibi, abantu bazala kukunyoluka nenkohlakalo omnye komnye. | |
| Indawo ekwakukuphela kwayo kwilizwe liphela apho abantu babezikhumbula izithixo kwakukwiincochoyi zeentaba iAndes. Apha, abantu bahlala bezele umbulelo, bevule isandla benobuntu. | |


IVEKI 6

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| Ngenye imini, abantu ababehlala kummandla ophakamileyo baqaphela ukuba iillama zabo zaziziphethe ngendlela engaqhelekanga, endaweni yokutya utyani njengesiqhelo, zonke iillama zazichitha imini nobusuku ziqwalasele esibhakabhakeni. Illama zazingatyi. Zazingaseli nokusela. Oku kwaqhuba iintsuku ezininzi. | Ndenza **uhlolo** ndithi ukuba iillama ziziphethe ngendlela engaqhelekanga, ubomi babantu ekuhlaleni buma ngenye indlela. |
| Abantu beencochoyi bakhathazeka ngesimo sempilo yeellama zabo abazixabise kunene. Baqokelelana beza kuxoxa ngento eyayinokwenziwa.<br><br>‘Kwenzeka ntoni kwiillama zethu?’ yabuza enye indoda ikhathazekile.<br><br>‘Ndinexhala lokuba ziza kufa yindlala!’ yatsho enye.<br><br>‘Siza kuzigcina njani sifudumele ngaphandle koboya obuvela kwillama zethu esizixabisileyo?’labuza ixhegokazi.<br><br>‘Siza kuyithwala njani ikhwinowa ukusuka emadlelweni ngaphandle koncedo lweellama zethu esizixabisileyo?’ wabuza unyana walo. | Le ntlanganiso indixelela into eninzi ngendlela ezibaluleke ngayo iillama ekuhlaleni! Ndiyakwazi **ukuhlola** ndithi ubomi bunganzima ngaphandle kweellama, kuba wonke umntu ukhathazekile! |
| Ekugqibeleni, umalusi osisilumko waphakama. Waphakamisa isandla sakhe ethulisa loo nginginya yabantu. ‘Masizibuze iillama ukuba konakele phi,’ watsho.<br><br>Abantu bagigitheka. Akukho namnye owakhe wacinga ukuba ngeso sisombululo sasilula olo hlobo. | |
| Isilumko somalusi wazisondela waza wabuza iillama. Kutheni nineentsuku ningasatyi nje? Oothixo bathe kuza izikhukhula ezoyikekayo zize kohlwaya abo banyolukileyo nabakhohlakeleyo kwiintlambo ezisemazantsi. Silindele imiyalelo yokugcina abo bazandla zivuliweyo nabalungileyo bomhlaba okwiindawo eziphakamileyo bekhuselekile,’ yaphendula illama. | |
| Ngentsasa elandelayo, isilumko somalusi savakalisa iindaba ezivela kwiillama. Sahlanganisa abantu bemimandla ephakamileyo kunye saza sathi,’Kuza izikhukhula ezibi. Ukuze sikhuseleke kufuneka siye kowona mqolomba uphezulu, kweyona ncochoyi yentaba. Kufuneka silinde apho de zidlule izikhukhula. | **Ndihlola** imeko ndithi emva kwalo mcimbi, abantu bommandla ophezulu bazithanda ngaphezulu iillama, kuba iillama zabakhusela ekufeni! |

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| Baza bonke abantu abalungileyo bemimandla ephakamileyo, nazo zonke iillama benyukela kowona mqolomba usencochoyini. Bafika kanye ngexesha. Ngentsasa elandelayo, umsinga omkhulu wafika wabatshayela bonke abantu abangalunganga.<br><br>Kude kube nanamhlanje, iillama ziyazikhumbula ezo zikhukhula zibi. Yiyo lonto iilama zikhetha ukuhlala phezulu ezintabeni. | |
| Umakhulu wamphakamisa uGenoveva wamsusa phantsi waya kumbeka ebhedini. | |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo** |
|---|---|
| Liqhubeka phi eli bali? | Eli bali liqhubeka ePeru, okanye eBolivia, apho iillama zivela khona. |
| Zinto zini ezenziwa ziillama ukunceda abantu? | • Zibanika uboya obubagcina befudumele<br>• Zithwala imigodlo enzima |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo** |
| Kutheni abantu kweli bali bekhathazekile xa iillama ziziphethe ngendlela engaqondakaliyo? | • Kuba iillama zenza izinto ezininzi ezibalulekileyo ekuhlaleni ngoko ke abantu bayazidinga!<br>• Kuba abantu bakhathazekile yindlela obuya kuba yiyo ubomi babo ngaphandle kweellama.<br>• Kuba abantu abayazi indlela abaya kusithutha ngayo isivuno ukusuka emasimini ngaphandle kweellama. |





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 6.**
2. Mabathyile **kuMsebenzi i wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala **liz**e kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali

15 imizuzu


### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
- **a** Point – Khomba igama
- **b** Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- **c** Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- **d** Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yamagama asekelwe kumxholo yesigama somxholo
- intsomi
- indawo eziphakamileyo
- intlambo

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Tyeke tyeke tyeke | *Bamba isandla ngesinye usehlise usinyusa* |
| Wen'uthanda ntoni? | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Ndithand'inkomo | *Misa iminwe kumacala omabini entloko* |
| Hayi, mna ndithand'ihashe | *Zisa izandla ngaphambili ulinganise ihashe ligqabadula* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YESIBINI YOMXHOLO)



**1** Yohlula bafundi babe ngamaqela ngokwamaqela abo amancinane.
**2** Nika iqela ngalinye imifanekiso yobugcisa yokwakha ibali.
**3** Amaqela makajonge imifanekiso acinge ibali eliza kungena kwimifanekiso leyo.
**4** Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo babhale ngamabali abo besebenzisa imifanekiso.
**5** Kule veki baza kubhala ibali neqela.
**6** Khumbuza abafundi ukuba amabali abo mawanike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
**7** Abafundi mabanikane inzolo bamamelane besenza isigqibo sebali njengeqela.
**8** Biza iqela eli-1ukuya kwama-2 babelane ngamabali abo.
**9** Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa ngesandi esitsha namagama

**FUNDISA ISANDI ESITSHA**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/q/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abafundi ukuba esisandi **/q/** sohlukile kwesesiNgesi
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5 Buza abafundi: ninawo amagama eniwaziyo ahambelana nesisandi u-/**q**/?
6 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo**, qaba, qala, qula**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **qala, qaba, qiqa, qoqa, qula, qina**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libe linye ngexesha
3 Cela abafundi balandele emva kwakho
4 Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

IVEKI 6

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha / amagama/ izivakalisi

1 Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Qq**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Abafundi baza kubhala ngento ebalulekileyo ebomini babo ephuma kwisilwanyana.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale iinkucukacha

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Ndiyayisebenzisa/ ndiyayitya/ ndiyayisela**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngento ebenye esuka kwisilwanyana abayisebenzisayo. Inokuba yinto enxitywayo, eselwayo okanye etyiwayo.
2. Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3. Xelela abafundi iingcinga zakho: <u>Ndinengubo yewulu endenza shushu. Iwulu iphuma egusheni.</u>
4. Yenza umfuziselo ubabonisa umzobo wakho: <u>wombathe ingubo yakho yewulu.</u>
5. Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Krwela umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, umzkl: <u>Ndisebenzisa ingubo yewulu.</u>
6. Cima umzekelo wakho ebhodini. Bacacisele ukuba lo ibingumzekelo, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwingcinga zabo.



#### IMIYALELO YE-ORALI

1. Yithi vandla vandla nabafundi ngamagama ezinto esizifumana kwizilwanyana.
2. Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: <u>inyama, amaqanda, ubisi, izihlangu zofele, umgquba njlnjl.</u>
3. Buza abafundi: <u>Yintoni eyona nto ibalulekileyo ebomini bakho ephuma kwisilwanyana?</u>
4. Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5. Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele:ngento aayikhethileyo.
6. Kumele bathi: Ndiyayisebenzisa…….ndiyayitya……. okanye ndiyayisela………..
7. Baxelele abafundi ukuba bayakukhetha isiqalo esihambelana nempendulo yabo.
8. Cacisa kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA

1. Nika abafundi iincwadi zabo.
2. Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo/ ugqibezele iingxoxwana** apho ubona imfuneko.


3 Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeka bayeke ukubhala.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi* ***apho amehlo abo afika khona*** *kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 6.**
2 Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Isandi nesandi esitsha: 15 imizuzu

### Ukucalula nokuhlanganisa

**NDIYENZA**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama**: iveni**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/i/** – **/v/** – **/e/** – **/n/** – **/i/**
4 Biza isandi sokuqala kwigama: **/i/**
5 **Biza isandi esilandelayo kwigama: /v/**
6 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/e/**
7 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/n/**
8 Biza isandi sokugqibela kwigama: **/i/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **iveni**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama **/i/** – **/ve/** – **/ni/** = **iveni**
11 Qhuba le migaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **qula**

**SENZE**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Libize eligama: **ivili**
3 Buza abafundi: sithini isandi sokuqala kweligama? **/i/**
4 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo? **/v/**
5 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo? **/i/**
6 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo? **/l/**
7 Buza abafundi: sithini isandi sokugqibela? **/i/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **ivili**
9 Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhuphe igama kunye nawe **/i/** – **/vi/-/li/** = **ivili**
10 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **qina**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### UFundo lwesiBini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA:NDIHLOLA IMEKO**

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Isizathu sokuba iillama zihlale kwiindawo eziphezulu**<br><br>***Umyalezo:*** *Wakhe weva ngellama? Iillama zizizalwanyana zeenkamela zaseMzantsi Melika, noxa zona zingenazifombo. Iillama zazihlala kwiintaba iiAndes zasePeru naseBolivia eMzantsi Melika amakhulu khulu eminyaka. Iillama zizilwanyana eziluncedo kakhulu. Ziyakwazi ukuthwala imigodlo enzima kwaye ufele lwazo lwenza izikhumba sofele esihle. Iingubo ezithambileyo noboya bazo busetyenziswa ukwenza iimethi nempahla efudumeleyo, ilindle lazo linako ukutshiswa lenze ipetroli.* | Namhlanje xa sifunda siza kucinga ngezinto ezenza ibali libe yintsomi. Intsomi libali elibhalelwa ukusifundisa isifundo, okanye ukucacisa ilizwe eliyindalo. Namhlanje siza kuqwalasela **ubungqina** bokuba le yintsomi. |
| UGenoveva wahlala phantsi emgangathweni ejonge kuye engashukumi njengoko umakhulu wakhe wayejija uboya esenza iwulu. 'Ukwenza njani oku? Wabuza emangalisekile.<br><br>'Ookhokho bookhokho basebenzisa ingutyana zellama ukubafudumeza amakhulu khulu eminyaka. Umakhulu wam wandifundisa ukujija ndiyintombazanana encinane,'waphendula njalo umakhulu wakhe, 'kwaye kungekudala ndiza kufundisa wena.'<br><br>'Yini, nceda undibalisele ibali ngeellama zakudala,' wacenga uGenoveva.<br><br>'Kwakhona?' wahleka umakhulu wathinta isikhohlela. | Iintsomi zenzeka kudala okanye kumaxesha amandulo – njengale, ithetha ngeellama zakudala. |
| Kudala dala, kwakukho ixesha apho abanye bookhokho bethu bathi balibala ngezithixo. Balibala ukubulela kuInti noMama Quila, uthixo welanga nesithixokazi senyanga ezibanika imini nobusuku. Balibala ukubonakalisa umbulelo kuPachamama, umhlaba ongumzalikazi, obanika isivuno esininzi ngokwaneleyo. Ngeli xesha lalilibi, abantu bazala kukunyoluka nenkohlakalo omnye komnye. | Oo! Izithixo nezithixokazi zasoloko zisezintsomini – ukunceda ekufundiseni isifundo okanye ukucacisa into ekhoyo elizweni. Ndicinga ukuba le ntsomi yenzelwe ukufundisa abantu ukuba izinto ezimbi zingenzeka ukuba bayalibala ngoothixo noothixokazi babo. |
| Indawo ekwakukuphela kwayo kwilizwe liphela apho abantu babezikhumbula izithixo kwakukwiincochoyi zeentaba iAndes. Apha, abantu bahlala bezele umbulelo, bevule isandla benobuntu. | Oo! Kule ntsomi kukho ubulungisa nenkohlakalo. Kwiintsomi ezininzi ukulunga kuyavuzwa ze inkohlakalo igwetywe ukuze abantu bafunde isifundo. |


IVEKI 6

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ngenye imini, abantu ababehlala kummandla ophakamileyo baqaphela ukuba iillama zabo zaziziphethe ngendlela engaqhelekanga, endaweni yokutya utyani njengesiqhelo, zonke iillama zazichitha imini nobusuku ziqwalasele esibhakabhakeni. Illama zazingatyi. Zazingaseli nokusela. Oku kwaqhuba iintsuku ezininzi. | |
| Abantu beencochoyi bakhathazeka ngesimo sempilo yeellama zabo abazixabise kunene. Baqokelelana beza kuxoxa ngento eyayinokwenziwa.<br>‘Kwenzeka ntoni kwiillama zethu?’ yabuza enye indoda ikhathazekile.<br>‘Ndinexhala lokuba ziza kufa yindlala!’ yatsho enye.<br>‘Siza kuzigcina njani sifudumele ngaphandle koboya obuvela kwillama zethu esizixabisileyo?’labuza ixhegokazi.<br>‘Siza kuyithwala njani ikhwinowa ukusuka emadlelweni ngaphandle koncedo lweellama zethu esizixabisileyo?’ wabuza unyana walo. | |
| Ekugqibeleni, umalusi osisilumko waphakama. Waphakamisa isandla sakhe ethulisa loo nginginya yabantu. ‘Masizibuze iillama ukuba konakele phi,’ watsho.<br>Abantu bagigitheka. Akukho namnye owakhe wacinga ukuba ngeso sisombululo sasilula olo hlobo. | Kwiintsomi ezininzi, kukho umntu osisilumko omnye. Ngamanye amaxesha, lo mntu sisithixo okanye isithixokazi esizifihlileyo sazenza umntu! **Ndiyacinga ingaba** isilumko somalusi sisisithixo esizifihlileyo na? |
| Isilumko somalusi wazisondela waza wabuza iillama. Kutheni nineentsuku ningasatyi nje? Oothixo bathe kuza izikhukhula ezoyikekayo zize kohlwaya abo banyolukileyo nabakhohlakeleyo kwiintlambo ezisemazantsi. Silindele imiyalelo yokugcina abo bazandla zivuliweyo nabalungileyo bomhlaba okwiindawo eziphakamileyo bekhuselekile,’ yaphendula illama. | Oo! Iintsomi zinomlingo kuzo, njengezilwanyana ezithathayo. **Ndihlola imeko** ndithi le ingayintsomi, kuba kukho iillama ezithethayo. |
| Ngentsasa elandelayo, isilumko somalusi savakalisa iindaba ezivela kwiillama. Sahlanganisa abantu bemimandla ephakamileyo kunye saza sathi,’Kuza izikhukhula ezibi. Ukuze sikhuseleke kufuneka siye kowona mqolomba uphezulu, kweyona ncochoyi yentaba. Kufuneka silinde apho de zidlule izikhukhula. | Kwiintsomi ezininzi, ukulunga kuyavuzwa ze inkohlakalo igwetywe. **Ndihlola** imeko ndithi le ingayintsomi kuba abantu abalungileyo bemimandla ephezulu bayavuzwa ze abantu abakhohlakeleyo ezantsi ezintlanjeni bagwetywe ngezikhukhula. |

| iTekisi | UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Baza bonke abantu abalungileyo bemimandla ephakamileyo, nazo zonke iillama benyukela kowona mqolomba usencochoyini. Bafika kanye ngexesha. Ngentsasa elandelayo, umsinga omkhulu wafika wabatshayela bonke abantu abangalunganga.<br><br>Kude kube nanamhlanje, iillama ziyazikhumbula ezo zikhukhula zibi. Yiyo lonto iilama zikhetha ukuhlala phezulu ezintabeni. | |
| Umakhulu wamphakamisa uGenoveva wamsusa phantsi waya kumbeka ebhedini. | |

| Imibuzo | Iimpendulo |
|---|---|
| Zinto zini ezenza eli bali libe yintsomi? | • Lithetha ngokulunga nenkohlakalo.<br>• Kukho izithixo nezithixokazi<br>• Licacisa ukuba kutheni iillama zihlala phezulu. |
| Uyithandile le ntsomi? Ngoba okanye hayi ngoba? | Ndiyithandile / andiyithandanga kuba... |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu Umbuzo ofuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Ucinga ukuba kutheni kubhalwe eli bali? | • Ndicinga ukuba eli bali labhalelwa u...<br>• Ukunika ingcaciso yokuba kutheni iillama zihlala kwiindawo eziphezulu<br>• Ukufundisa abantu ukuba izinto ezimbi zinokwenzeka ukuba abantu bakhohlakele / banyolukile<br>• Ukunceda abantu babone ukubaluleka kweellama |





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 6**
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
- **a** Point – Khomba igama
- **b** Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- **c** Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- **d** Say – yitsho igama kwisivakalisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yamagama asekelwe kumxholo yesigama somxholo
- uluntu
- exabisekileyo
- okuhle
- okubi

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Tyeke tyeke tyeke | *Bamba isandla ngesinye usehlise usinyusa* |
| Wen'uthanda ntoni? | *Khomba ubuye ubeke isandla esifubeni* |
| Ndithand'inkomo | *Misa iminwe kumacala omabini entloko* |
| Hayi, mna ndithand'ihashe | *Zisa izandla ngaphambili ulinganise ihashe liqqabadula* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kweli bali…
Ndifunde…
Ndicinga ukuba libhalelwe…
**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.
**3** Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.
**4** Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.
**5** Abafundi mabakunike inzolo.
**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye iqela elithile ukuba labelane ngeempendulo neklasi.
**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.
**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **v** | **q** | **e** |
| **a** | **l** | **i** |
| **n** | **u** | **b** |
| **k** | **o** | **m** |

#### BONISA ABAFUNDI

1. **Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo /v/ no /q/**
2. Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4. **Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki /i/ – /v/ – /i/ – /l/ – /i/ = ivili**
5. **Bonisa abafundi ukwakha elinye igama /b/ – /i/ – /l/ – /a/ = bila**
6. Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa izandi zeveki ukwakha igama elinjengo **isali** okanye igama elingenazandi zale veki umzekelo: **bila**

#### OKWENZIWA NGABAFUNDI


1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **v, q**
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **vela, iveni, vula, vuleka, ivili, qala, qaba, qiqa, qoqa, qula, qina, vuya, bila, molo, ileli, mamela, kubi**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________




## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA / YENZA UNXULUMANO**

**UKWENZA UMFANEKISO UKUBALISA IBALI ELIFUNDIWEYO**

1 Abafundi mabakhuphe incwadi, ipensile nekrayoni.
2 Yenza **umfuziselo** usenza umfanekiso – ngqondweni ucinga nento eyenzeka ebalini umzekelo: Ndinomfanekiso – ngqondweni wellama ijonge phezulu esibhakabakeni ilindele umyalezo ovela kwizithixo.
3 Zoba umfanekiso ebhodini wellama ijonge phezulu esibhakabhakeni.
4 Xelela abafundi ukuba benze umfanekiso – ngqondweni ucinga ngento eyenzeka ebalini.
5 Abafundi mabavale amehlo bazole njengoko ubafundela ibali kwakhona.
6 Abafundi mabavule amehlo babhale iingcinga zabo ngalanto bebesenza umfanekiso – ngqondweni ngayo.
7 Ekugqibeleni, bavumele abafundi ukuba **baguquke bathethe,** baze babelane ngezimvo zabo nomlingane.



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 6**
2 Cacisela iklasi yonke **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda, okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwmi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4 Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
    a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
    b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
    c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
    d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
    e **Sibhale ngantoni kule veki?**
    f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
    g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
    h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6 Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki. abazixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe okungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: Imifanekiso yabantwana bedlala ezemidlalo emabaleni, bedlala nemidlalo nokuba kusendlini okanye phandle.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ukulungiselela ukufundisa ngomxholo. Umzekelo: Ezemidlalo nemidlalo edlalwa eMzantsi Afrika.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zokufunda zethala leklasi zikwimeko ephucukileyo.
8. Hlenga hlengisa amalungu kumaqela afunda notitshala encediswa ngutitshala ukuba isidingo sikhona.
9. Cwangcisa imisebenzi yeveki yohlolo olusesikweni nolungekho sesikweni.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo **ngalo** kwigumbi lokufundela.**.kubafundi**

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 50, Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 51 + 52 , Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku 1: iPhepha lama 53, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso** wemidlao othanda ukuyidlala nabahlobo bakho

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1 Bonisa abafundi umfanekiso ongaphandle kwiNcwadi eNkulu: kwibali:**USiphelo uhlangana neqhawe lakhe.**
2 Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **Ezemidlalo nemidlalo**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Kwezemidlalo wazi eyiphi, kwimidlalo wazi eyiphi?
   b Udinga zixhobo zini ukudlala ezemidlalo nemidlalo?
   c Ezemidlalo sizidlala phi? Imidlalo siyidlala phi?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   a Point – Khomba igama
   b Act – bonisa igama ngentshukumo umzekelo: baleka
   c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesiGama soMxholo.
   - zilolonge
   - umlandeli /umxhasi
   - izixhobo

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wena luyolo yiza siyokudlala | *Khomba ukhwebe* |
| Biza uThemba nanku noLulu | *Khweba ukhombe* |
| Yiza nebhola siziphethʼiitoti | *Khweba ufake inqindi kwesinye isandla, vala isandla unge ubekelela iitoti* |
| Xa sigibisela nina niyaphepha | *Phosa uphephe* |
| Xa nigibisela thina siyapheph | *Phosa uphephe* |

## UkuBhala ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi nala magama alandelayo:
   - **a** vela
   - **b** iveni
   - **c** vula
   - **d** ivili
   - **e** qala
   - **f** qaba
   - **g** qiqa
   - **h** qina
3 Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini.
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

________________________________________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

## Ngaphambi kokuFunda

### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **<u>USiphelo uhlangana neqhawe lakhe</u>**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze okwenzekayo kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxulumane nemifanekiso, ukuze **bazo kufumana** bafumane ukuba ibali lingantoni. **ibali.**
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni, ungemi.

## UkuBhala:

30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Bhala ezemidlalo nemidlalo othanda ukuyidlala.

**UMSEBENZI:** Zoba ze ubhale iinkucukacha.

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Ndithanda ukudlala………**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

**1** Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakukubhala ezemidlalo nemidlalo abathanda ukuyidlala.
**2** Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
**3** Xelela abafundi iingcinga zakho ngoko uzakuzoba umzekelo: Ndithanda ukudlala undize nabahlobo bam.
**4** Yenza **umfuziselo** ubabonisa umzobo wakho: uzimele
**5** Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Zoba umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, **Krwelela igama ngalinye umgca,umzkl**: Ndithanda ukudlala undize. Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka **kwingcinga** zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

**1** Yithi vandla vandla ngeendidi zemidlalo nezemidlalo nabafundi.
**2** Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: ibhola ekhatywayo, ibhola yombhoxo, isikhotshi.
**3** Buza abafundi: Chaza umdlalo okanye ezemidlalo othanda ukuzidlala?
**4** Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
**5** Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuchazele ngomdlalo okanye ezemidlalo abathanda ukuzidlala.
**6** Kumele bathi: Ndithanda ukudlala…..
**7** Cacisa ukuba **ngoku** kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA


**1** Nika abafundi iincwadi zabo.
**2** Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo** nabo. apho ubona imfuneko.
**3** Bacele abafundi bakuxelele ngoko bakubhalayo.
**4** Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.


**5** Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

**1** Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeka ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.
**2** Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 7**
2 Cacisa **kuMsebenzi wangoMvulo woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela

# Ngolwesibini

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa isandi esitsha namagama

**YAZISA NGESANDI**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/z/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abantwana ukuba esisandi **/z/** sohlukile kwesesingesi
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5 Buza abafundi: ninawo amagama eniwaziyo anesisandi u – **/z/**?
6 **Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo: zola, zila, izolo**

**YAZISA NGAMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngalinye ngokuvakalayo nangokucacileyo ze uphakamise unotsheluza wegama: **zoba, zola, zula, zila, izolo, biza**
2 Bonisa igama ngalinye kubafundi, njengoko ulibiza mabaphulaphule xa ubiza ukwabonisa nonotsheluza wegama
3 Biza igama ze abafundi baphinde emva kwakho.
4 Xhoma oonotsheluza bamagama eludongeni kwiBhodi /itshati yokuXhoma iZandi.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Zz**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.

**5** Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.

**6** Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

**7** Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.




**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ________________________________________

Amagama: ________________________________________

__________________________________________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### UFundo lokuQala


**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDITHATHA ISIGQIBO**

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| **USiphelo uhlangana neqhawe lakhe**<br><br>Ekugqibeleni lwafika usuku lomboniso ezitalatweni. USiphelo wayelinde iintsuku. Wayebukele kumabona – kude njengoko inginginya yabantu yayisamkela amaBhokobhoko efika eRhawutini. Wabukela kumabona – kude abantu bezalise izitalato zasePitoli, eThekwini naseMonti, bekhwaza ngovuyo iintshatsheli. Wakuthanda ukudanisa, ukucula nemikhwazo yehlombe ababeyenza.<br><br>'Siza kubabona nini?' wabuza kumntakwabo uMpilo. Namhlanje yayilolo suku! | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uSiphelo ngumlandeli webhola yombhoxo, kuba ubukele imiboniso yamaBhokobhoko emininzi kumabonakude. |
| USiphelo wayechwayitile kukubona naliphi na iBhokobhoko, kodwa eyona yamchwayitisa ngakumbi kukubona uSiya Kolisi. 'Uyayazi into yokuba wakhulela apha eZwide, njengathi!' watsho umntakwabo xa amaBhokobhoko ebetha iNgilane kumdlalo wokugqibela. | Oo! **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uSiphelo noMpilo bawubukela kunye umdlalo wokugqibela wetumente yombhoxo. **Ndingazithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi bobabini ngabalandeli bebhola yombhoxo. |
| USiphelo nobhuti wakhe bemka kusasa kowabo ngentsasa yangeCawe, befuna ukufumana indawo entle yokuhlala kufuphi nendlela awayeza kuyihamba amabhokobhoko. Bahlala kwisitalato iJamela, kufuphi nesikolo semfundo ephakamileyo.<br><br>'Ndiyiphande kwi-intanethi le ndlela baza kuyihamba!' watsho uMpilo, 'Baza kudlula kanye apha!' | **Ndingazithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uMpilo noSiphelo ngabalandeli abakhulu, kuba bemka endlwini kusasa kakhulu belungiselela ukufumana indawo yokuhlala efanelekileyo kumboniso lowo! |
| Balinda, balinda, balinda njengoko isitalato sasisiya sizaliswa ngabantu abafuna ukubona iintshatsheli ezintsha zehlabathi. 'Yini, yini ndincede ndimbone uSiya!'wacinga uSiphelo ethandaza. | |

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| Beva imikhwazo yehlombe nengoma phambi kokuba babone ibhasi yamaBhokobhoko. Kwaza ngephanyazo, nanko uSiya Kolisi. Wayehamba embindini wendlela, ephephezelisa isandla ebulisa kubabukeli. Intliziyo kaSiphelo yaqalisa ukubetha ngamandla.<br><br>'Iqhawe lam! Ukapteni wokuqala omnyama wamaBhokobhoko,'zagxalathelana iingcinga zakhe.<br><br>'Yini, yini yenza uSiya aphephezelise isandla abulise nakum!'wacinga ethandaza uSiphelo. | Oo! **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uSiphelo ngumlandeli omkhulu kuba uvuya de intliziyo yakhe ibethe ngamandla xa ebona uSiya ekugqibeleni. |
| Kodwa wathi phambi kokuba afike kuSiphelo, omnye woogxa bakaSiya emdlalweni wamdlulisela iNdebe iWebb Ellis. Wayiphakamisela phezulu loo ndebe inkulu. Yathi nyoxo intliziyo kaSiphelo. 'Ndiliphosile ithuba lam. Akakhange andibone nokundibona!' wacinga njalo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali,** ndithi uSiphelo wayekhathalele ukubuliswa nguSiya ngaphezu kokubona indebe enkulu. |
| Wathi kanye xa eguquka ukuba egoduka, weva imikhwazo nemiyiyizelo imjikelezile. Akujonga esitalatweni kwakhona, wabona uSiya ebaleka enyusa isitalato, exhawula abantu ngesandla. 'Yini, yini uSiya makeze kundixhawula isandla nam!' wacinga ethandaza uSiphelo. | |
| Wacimela wakhupha isandla… | |
| 'Molo mninawe,' uSiphelo weva ilizwi lisitsho. Akuvula amehlo, uSiya wayejonge phantsi kuye. USiphelo wayematshekile, phantse engakwazi nokuthetha.<br><br>Emva komzuzwana, wathi,'Uliqhawe lam. Ndifuna ukuba ngukapteni webhola yombhoxo nam, njengawe!' watsho.<br><br>'Sebenza nzima kwaye uzilolonge yonke imihla,' wamchazela oko uSiya. Wathi emva koko wamxhawula isandla. | |
| Emva komboniso uSiphelo wasiphakamisela emoyeni isandla sakhe. 'USiya usixhawule isandla sam! Andisoze ndisihlambe!' wakhwaza echwayite ngeyona ndlela.<br><br>'Uza kwenza njani xa uvela kwindlu yangasese?' waqhula watsho uMpilo.<br><br>'Nangoko soze! Andizikhathalelanga nezo ntsholongwane ngoku!' wahleka watsho uSiphelo. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uSiphelo ungumlandeli onzima kaSiya Kolisi, kuba akafuni ukuchatshazelwa ngamanzi kwisandla esixhawulwe nguSiya. |

IVEKI 7

| Imibuzo ebuzwayo | Iimpendulo |
|---|---|
| Ungoluphi usuku umboniso? | Umboniso ungeCawe. |
| Lithini icebo awalinikwa nguSiya Kolisi, uSiphelo? | Wamxelela ukuba asebenze nzima azilolonge yonke imihla |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo** |
| Yintoni enokubangela ukuba sizithathele isigqibo esithi uSiphelo ngumlandeli omkhulu webhola yombhoxo? | • Kuba wabukela imidlalo yeentshatsheli zehlabathi kumabonakude.<br>• Kuba wayibukela yonke imiboniso kumabonakude.<br>• Kuba yena noMpilo bemka kwangethuba ukuze bafumane indawo yokuhlala efanelekileyo kumzila wendlela yomboniso.<br>• Kuba uthemba kwaye uthandazela ukubonwa ngSiya, aphephezelise isandla embulisa okanye axhawule isandla sakhe. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda** 7.
2 Mabathyile**kuMsebenzi wangoLwesibini wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali 15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi esithetha:
  - a Point – Khomba igama
  - b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
  - c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
  - d Say – yotsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesigama somxholo
  - imbasa
  - intshatsheli
  - ugqatso

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wena luyolo yiza siyokudlala | *Khomba ukhwebe* |
| Biza uThemba nanku noLulu | *Khweba ukhombe* |
| Yiza nebhola sizipheth'iitoti | *Khweba ufake inqindi kwesinye isandla, vala isandla unge ubekelela iitoti* |
| Xa sigibisela nina niyaphepha | *Phosa uphephe* |
| Xa nigibisela thina siyapheph | *Phosa uphephe* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)



1 Yohlula bafundi babe ngamaqela ngokwamaqela abo amancinane
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yobugcisa yokwakha ibali.
3 Umfundi ngamnye makajonge imifanekiso acinge ibali elizakungena nkcakasana nemifanekiso leyo.
4 Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngaba zakubhala ngezimvo zabo.
5 Emva koko umfundi ngamnye **uza kunikwa** ithuba lokwabelana ngebali lakhe kwiqela.
6 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla **abe mnandi**, kwaye ahambelane nemifanekiso!
7 Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa ngesandi esitsha namagama

**FUNDISA ISANDI ESITSHA**

1 Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/r/**
2 Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3 Bonisa abantwana ukuba esisandi **/r/** sohlukile kwesesiNgesi
4 Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5 Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo ahambelana nesandi u-**/r/?**
6 Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo, **irula, irandi**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1 Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **irula, irayisi, irandi**
2 Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha
3 Cela abafundi balandele emva kwakho
4 Ncamathisela onotsheluza bala magama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha / amagama/ izivakalisi

1 Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Rr**
2 Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3 Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4 Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5 Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6 Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7 Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.




**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ________________________________________

Amagama: ________________________________________

________________________________________________

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Baza kubhala ngomdlali wezemidlalo abamthandayo.

**UMSEBENZI: Zoba** ze ubhale iinkucukacha.

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Ndithanda**…….

**YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA**

1 Cacisa ukuba namhlanje, baza kubhala ngomdlali wezemidlalo abamthandayo. Lo ingangumntu odumileyo okanye abamthandayo.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho uza kuzoba umzekelo: Ndiyamthanda usisi wam kuba uyimbaleki enamendu kakhulu.
4 Yenza umfuziselo ubabonisa umzobo: kasisi wakho ebaleka.

5 Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Krwela ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, umzekelo: Ndiyamthanda usisi wam
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. **Ubacacisela** ukuba lo ibingumzekelo, wakho abafundi **mababhale ezabo iingcinga**. ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwingcinga zabo.

### IMIYALELO YE-ORALI

1 Yithi vandla vandla ngabantu abadlala ezemidlalo abadumileyo.
2 Bhala la magama ebhodini nje: Siya Kolisi, Caster Semenya, Amabhoko-bhoko, iBafana bafana njl njl.
3 Buza abafundi: Ngubani umdlali omthandayo?
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele: abadlali ababathandayo
6 Kumele bathi: Ndithanda…….
7 Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!


### UKUBHALA

1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo** / **ugqibezele iingxoxwana**. apho ubona imfuneko.
3 Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.


### MABAGUQUKE BATHETHE

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3 ,yalela abafundi bayeke ukubhala.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*



Ndiyambuka uThembinkosi Lorch.



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu



**AMAQELA:**__________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda** 7.
2. Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala **liz**e kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8. **Zailsa** itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Ukwahlukanisa nokwakha amagama

**NDIYENZA.....**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama: **izolo**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/i/** – **/z/** – **/o/** – **/l/** – **/o/**
4 Biza isandi sokuqala kwigama: **/i/**
5 **Biza isandi esilandelayo kwigama: /z/**
6 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/o/**
7 Biza isandi esilandelayo kwigama: **/l/**
8 Biza isandi sokugqibela kwigama: **/o/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **izolo**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama **/i/** – **/zo/** – **/lo/** = **izolo**
11 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **irula**

**SENZE...**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama: **zola**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/z/** – **/o/** – **/l/** – **/a/**
4 Buza abafundi: sithini isandi sokuqala kweligama? **/i/**
5 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo? **/z/**
6 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo?**/o/**
7 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo?**/l/**
8 Buza abafundi: sithini isandi sokugqibela? **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **izola**
10 Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhuphe igama kunye nawe **/zo/-/la/** = **zola**
11 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **irayisi**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### UFundo lwesiBini


**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDENZA ISIGQIBO**

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **USiphelo uhlangana neqhawe lakhe**<br><br>Ekugqibeleni lwafika usuku lomboniso ezitalatweni. USiphelo wayelinde iintsuku. Wayebukele kumabona – kude njengoko inginginya yabantu yayisamkela amaBhokobhoko efika eRhawutini. Wabukela kumabona – kude abantu bezalise izitalato zasePitoli, eThekwini naseMonti, bekhwaza ngovuyo iintshatsheli. Wakuthanda ukudanisa, ukucula nemikhwazo yehlombe ababeyenza.<br><br>'Siza kubabona nini?' wabuza kumntakwabo uMpilo. Namhlanje yayilolo suku! | |
| USiphelo wayechwayitile kukubona naliphi na iBhokobhoko, kodwa eyona yamchwayitisa ngakumbi kukubona uSiya Kolisi. 'Uyayazi into yokuba wakhulela apha eZwide, njengathi!' watsho umntakwabo xa amaBhokobhoko ebetha iNgilane kumdlalo wokugqibela. | Oo! **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi olunye uvuyo lukaSiphelo lubangwa kukuba benemvelaphi efanayo. Bobabini bakhulele eZwide. |
| USiphelo nobhuti wakhe bemka kusasa kowabo ngentsasa yangeCawe, befuna ukufumana indawo entle yokuhlala kufuphi nendlela awayeza kuyihamba amabhokobhoko. Bahlala kwisitalato iJamela, kufuphi nesikolo semfundo ephakamileyo.<br><br>'Ndiyiphande kwi-intanethi le ndlela baza kuyihamba!' watsho uMpilo, 'Baza kudlula kanye apha!' | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi isitalato iJamela sifanele ukuba siseZwide kuba uSiya yidolophu elikhaya lakhe. |
| Balinda, balinda, balinda njengoko isitalato sasisiya sizaliswa ngabantu abafuna ukubona iintshatsheli ezintsha zehlabathi. 'Yini, yini ndincede ndimbone uSiya!'wacinga uSiphelo ethandaza. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, uSiphelo uchwayitele ukubona uSiya Kolisi ngaphezu kwabanye abadlali, kuba ucinga ngaye yedwa! |

IVEKI 7

| iTekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Beva imikhwazo yehlombe nengoma phambi kokuba babone ibhasi yamaBhokobhoko. Kwaza ngephanyazo, nanko uSiya Kolisi. Wayehamba embindini wendlela, ephephezelisa isandla ebulisa kubabukeli. Intliziyo kaSiphelo yaqalisa ukubetha ngamandla.<br>'Iqhawe lam! Ukapteni wokuqala omnyama wamaBhokobhoko,'zagxalathelana iingcinga zakhe.<br>'Yini, yini yenza uSiya aphephezelise isandla abulise nakum!'wacinga ethandaza uSiphelo. | Oo! **Ndizithathela isigqibo nokulandela ibali** ndithi, enye into ebangela ukuba uSiphelo amthande uSiya Kolisi kukuba liqhawe abonela kulo – ungukapteni wokuqala omnyama wamaBhokobhoko! |
| Kodwa wathi phambi kokuba afike kuSiphelo, omnye woogxa bakaSiya emdlalweni wamdlulisela iNdebe iWebb Ellis. Wayiphakamisela phezulu loo ndebe inkulu. Yathi nyoxo intliziyo kaSiphelo. 'Ndiliphosile ithuba lam. Akakhange andibone nokundibona!' wacinga njalo. | |
| Wathi kanye xa eguquka ukuba egoduka, weva imikhwazo nemiyiyizelo imjikelezile. Akujonga esitalatweni kwakhona, wabona uSiya ebaleka enyusa isitalato, exhawula abantu ngesandla. 'Yini, yini uSiya makeze kundixhawula isandla nam!' wacinga ethandaza uSiphelo. | |
| Wacimela wakhupha isandla… | |
| 'Molo mninawe,' uSiphelo weva ilizwi lisitsho. Akuvula amehlo, uSiya wayejonge phantsi kuye. USiphelo wayematshekile, phantse engakwazi nokuthetha.<br>Emva komzuzwana, wathi,'Uliqhawe lam. Ndifuna ukuba ngukapteni webhola yombhoxo nam, njengawe!' watsho.<br>'Sebenza nzima kwaye uzilolonge yonke imihla,' wamchazela oko uSiya. Wathi emva koko wamxhawula isandla. | **Ndiyazigqibela ngokulandela ibali ndithi,** uSiphelo uyakuthanda ukudlala ibhola yombhoxo. Ufanele ukuba unqwenela ukudlalela amaBhokobhoko ngenye imini. **Ndiyacinga ingaba** ukhuthazwe nguSiya ukuba adlale umbhoxo? |
| Emva komboniso uSiphelo wasiphakamisela emoyeni isandla sakhe. 'USiya usixhawule isandla sam! Andisoze ndisihlambe!' wakhwaza echwayite ngeyona ndlela.<br>'Uza kwenza njani xa uvela kwindlu yangasese?' waqhula watsho uMpilo.<br>'Nangoko soze! Andizikhathalelanga nezo ntsholongwane ngoku!' wahleka watsho uSiphelo. | |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo** |
|---|---|
| Liqhubeka phi eli bali? | Liqhubeka eZwide. |
| Yintoni enokwenza ukuba sizithathele isigqibo ngokulandela ibali, sithi uSiphelo ngumdlali wombhoxo? | Kuba uxelela uSiya ukuba ufuna ukuba ngukapteni, webhola yombhoxo njengaye, kufuneka ube uyayidlala ibhola yobhoxo ukuze ube ngukapteni. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu** | **Iimpendulo Ezinokunikwa** |
| Kutheni uSiya Kolisi eliqhawe likaSiphelo? | • Kuba bakhulele kwindawo enye.<br>• Kuba uSiya ngukapteni wokuqala wamaBhokobhoko omnyama.<br>• Kuba uSiphelo uyakuthanda ukudlala umbhoxo kwaye ufuna ukudlalela amaBhokobhoko ngenye imini. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**_____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 7.**
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
- a Point – Khomba igama
- b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
- c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- d Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshathi yesiGama soMxholo
- ukuthanda
- ikroti
- ukapteyini

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wena luyolo yiza siyokudlala | *Khomba ukhwebe* |
| Biza uThemba nanku noLulu | *Khweba ukhombe* |
| Yiza nebhola siziphethʼiitoti | *Khweba ufake inqindi kwesinye isandla, vala isandla unge ubekelela iitoti* |
| Xa sigibisela nina niyaphepha | *Phosa uphephe* |
| Xa nigibisela thina siyapheph | *Phosa uphephe* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Kwelii bali ………
Ndilithanda xa………
Ndizigqibele ukuba uSiphelo uyamthanda uSiya Kolisi ngoba …….
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **kumaqela ngamaqela abo amancinci**.
4 Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye **amaqela** iqela elithile ukuba **abelana** labelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo ayizizo, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **z** | **r** | **o** |
| **l** | **a** | **i** |
| **b** | **d** | **u** |
| **n** | **y** | **s** |

#### BONISA ABAFUNDI

1 Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo **/z/** no **/r/**
2 Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3 Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4 Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki **/z/ – /i/ – /l/ – /a/ = zila**
5 Bonisa abafundi ukwakha elinye igama: **/b/ – /i/ – /l/ – /a/ = bila**
6 Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa izandi zeveki ukwakha igama elinjengo **icuba** okanye igama elingenazandi zaleveki umzekelo: **bila**

#### OKWENZIWA NGABAFUNDI

1 Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **z, r**
2 Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3 Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4 Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye**: zoba, zola, zula, zila, izolo, biza, irula, irayisi, irandi, usula, sala, bila, yona, duda**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________________________

Amagama: ______________________________________________

______________________________________________

IVEKI 7

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE INDLELA YOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA**

**UKUBALISA NGEBALI ELIFUNDIWEYO**

1. Cacisela abafundi ukuba baza kuthetha ngomba abawuthandileyo ebalini: **USipho uhlangana neqhawe lakhe.**
2. Baza kuthetha nangento **ebachukumisileyo /abayithandileyo** ebalini.
3. Yenza **umfuziselo** ubonisa abafundi ukuphendula isivakalisi esi 1 – ukuya kwezi – 2 ngolu hlobo **Ndithandile ngokuya uSiphelo ebengafuni ukuhlamba isandla emveni kokuxhawula uSiya Kolisi. Ndicinga ukuba iyahlekisa.**
4. Babonise imifanekiso kwiNcwadi eNkulu. Abafundi mabacinge **ngabakuthandileyo** ebalini.
5. Cela abafundi aba – 2 ukuya kwaba – 3 ukuba **babelane** ngezimvo zabo neklasi. **Nceda** abafundi bathethe ngezivakalisi ezipheleleyo.
6. Cacisa ulungise iimpazamo ezifanayo kubafundi.
7. Yalela abafundi **baguquke bathethe** besabelana **ngezimvo zabo** zebali nabalingane.

***(Abafundi mabanike izimvo zabo bangafuni ukuthetha okanye ukulinganisa oko bekutshiwo nguTitshala!)***

## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ______________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda** 7.
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala **liz**e kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwmi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4 Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6 Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki. abazixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe okungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: Yiza nemidlalo ekhaya abafundi onokubafundisa ukuyidlala.
5. Yenza uphando kwi-intanethi ngemidlalo edlalwayo kumazwe jikelele.
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zokufunda zethala leklasi zikwimeko ephucukileyo.
8. Hlenga hlengisa amalungu kumaqela afunda notitshala encediswa ngutitshala ukuba isidingo sikhona.
9. Cwangcisa imisebenzi yeveki yohlolo olusesikweni nolungekho sesikweni.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo **ngalo** kwigumbi lokufundela **kubafundi.**

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 54, Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 55+ 56, Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku 1: iPhepha lama 57, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso** wemidlalo ongathanda ukuyidlala xa ufunda kumabanga aphezulu.

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali 15 imizuzu

### SIJONGA UMXHOLO KWAKHONA: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1 Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala/ wesibini / njl njl kwiNcwadi eNkulu kwibali: **Masidlale uBhathi**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubekeka nomxholo wethu **Ezemidlalo nemidlalo**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: Senifunde *ntoni ngalo mxholo oko siwuqalile?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Zeziphi ezemidlalo nemidlalo emitsha oseyifundile?
   b Yintoni umahluko phakathi kwezemidlalo nemidlalo?
   c Kutheni abantu bebukela ezemidlalo kumabonakude?
   d Kutheni abantu bedlala ezemidlalo nemidlalo?

### ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
   a Point – Khomba igama
   b Act – bonisa igama ngentshukumo umzekelo: baleka
   c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yamagama asekelwe kumxholo.
   - idada
   - umthetho
   - qokelela

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wena luyolo yiza siyokudlala | *Khomba ukhwebe* |
| Biza uThemba nanku noLulu | *Khweba ukhombe* |
| Yiza nebhola sizipheth'iitoti | *Khweba ufake inqindi kwesinye isandla, vala isandla unge ubekelela iitoti* |
| Xa sigibisela nina niyaphepha | *Phosa uphephe* |
| Xa nigibisela thina siyapheph | *Phosa uphephe* |

## UkuBhala ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi nala magama alandelayo:
   - **a** zoba
   - **b** zola
   - **c** zula
   - **d** izolo
   - **e** biza
   - **f** irula
   - **g** irayisi
   - **h** irandi
3 Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### Ngaphambi kokuFunda

**INDLELA YOBUCHULE EEPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA**

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Masidlale uBhathi**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuza into abacinga ukuba iyenzeka okwenzekayo kumfanekiso ngamnye.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo ebalini.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni kube kanye, ungemi.

## UkuBhala:

30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Bhala ngomthetho ubemnye owuthandayo okanye umdlalo owuthandayo

**UMSEBENZI:**.Zoba ze ubhale iinkucukacha.

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Kulo mdlalo ………**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1 Cacisa ukuba namhlanje, abafundi: Baza kubhala ngomthetho ubemnye abawuthandayo okanye umdlalo abawuthandayo.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho uluvo lwakho ngoko uza kubhala: Baxelele ukuba omnye wemithetho kundize kukuba lowo ubalayo akawavuli amehlo akhe.
4 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukwenza umzobo womntwana ebala evale amehlo.
5 **Cacisa** ngesivakalisi ocinga ukusibhala **ukuba ngawaphina** namagama oza kuwabhala. **Krwelela umgca igama ngalinye** elikwisivakalisi, umzkl: Kumdlalo undize kumela uvale ameho xa ubala.
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. Bacacisele ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka **kwingcinga** kwiingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Yithi vandla vandla ngemithetho kwezemidlalo.
2 Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: Kwibhola ekhatywayo usebenzisa iinyawo , ze kubhathi ubethe iitoti.
3 Buza abafundi Uthanda owuphi umdlalo kwezemidlalo? Ze uthande owuphi umdlalo? Ngowuphi owona mthetho uwuthandayo kule midlalo?
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele ngomthetho ubemnye
6 Mabaphendule bathi: Kulo mdlalo kufuneka………………
7 Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA


1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe ugqibezele iingxoxo** apho ubona imfuneko.
3 Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo.

4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.


**MABAGUQUKE BATHETHE**

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeke ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.
2 Yalela abafundi ukuba **baguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi* ***apho amehlo abo afika khona*** *kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*



Kumdlalo webhola ekhatywayo azisetyenziswa izandla.



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Mabathyile uMsebenzi **wangoMvulo woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **Umsebenzi uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka e lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 8

# Ngolwesibini

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa isandi esitsha namagama

**FUNDISA ISANDI ESITSHA**

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/bh/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Bonisa abantwana ukuba esisandi **/bh/** sohlukile kwesesingesi
4. Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5. Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo ahambelana nesandi u-/**bh/?**
6. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo, **bhala, bheka, ibhola**

**FUNDISA AMAGAMA AMATSHA**

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **bhabha, bheka, bhula, bhala, ibhola, bhekela**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha
3. Cela abafundi balandele emva kwakho
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________________________________

Amagama: ____________________________________________

____________________________________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 mizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Bh**
2. Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.

# UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

## UFundo lokuQala

### UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYACINGA/ NDIZITHATHELA ISIGQIBO


| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| <u>**Masidlale uBhathi**</u><br><br>UChinedu wayehambele u-anti wakhe eSoweto ngexesha leKresimesi. UBulelwa yena eye kubona ugogo. UXihlala yena wayehambele abazala bakhe. Esi sithathu sakhawuleza sangabahlobo.<br><br>'Ndidikiwe kukuhlala, masidlale uToti.'<br><br>'Andiwazi loo mdlalo ukuba udlalwa njani,' watsho uChinedu, 'masidlale uBhathi.'<br><br>'Unjani yena uChicago? Ngowona mdlalo umnandi!' watsho uXihlala.<br><br>UChicago? Kuvakala ngathi ligama ledolophu – hayi umdlalo! Waqengqa amehlo uBulelwa.<br><br>Bahlala phantsi bephikisana ngomdlalo ekufuneka bedlale wona. Baya phambili baphinda babuyela emva, phambili baphinde babuyele emva bephikisana ngowona mdlalo ungcono. | **Ndiyacinga ingaba** ngowuphi umdlalo abaza kuvumelana ukuba bawudlale? |
| 'Kulungile ke!' ekugqibeleni wanikezela uBulelwa, 'Ndicinga ukuba singadlala uBhathi xa ingumdlalo omnandi ngolo hlobo. Udlalwa njani?'<br><br>Waphakama uChinedu. 'Kulungile, ukuba siza kudlala uBhathi, kufuneka sibe neetoti kunye nebhola.'<br><br>'Ingathi nguChicago lo umchazayo!' watsho uXihlala.<br><br>'Kufuneka ube neetoti nebhola naxa udlala uToti,'watsho uBulelwa. | **Ndingazithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi yomithathu le midlalo (uBhathi, uChicago, uToti) yonke ifuna iitoti nebhola. |
| Kuqala kufuneka senze amaqela amabini. Iqela elinye lilo elisekhaya ze elinye ligibisele ibhola. Iqela elisekhaya kufuneka libaleke lizame ukubeka itoti phezu kwenye itoti ze zibe yinqaba ende,' watsho uChinedu. Emva koko kufuneka babaleke baye kwindawo elikhaya kubo.!'<br><br>Le nto uyichazayo ifana noToti! waphinda uBulelwa.<br><br>Kanti ke umthetho uyafana nakuChicago,' watsho uXihlala. | Ikhangeleka ngathi mininzi imithetho efanayo kuyo yomithathu le midlalo. **Ndiyacinga ingaba** yahluke njani le midlalo? |

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| 'Nyani? Wabuza uChinedu, 'Ayiqhelekanga le nto niyithethayo. | |
| UChinedu waqhuba. 'Umsebenzi weqela eligibisela ibhola kukuchana amalungu elinye iqela ngebhola. Amalungu eli qela kufuneka azame ukuphepha angachanwa! Ukuba achaniwe, ayaphuma emdlalweni ahlale phantsi.<br>'Hee, le nto ifana ncam noToti!' watsho uBulelwa, ekhangeleka ebhidekile.<br>'Kanti ke oku kufana twatse nakuChigcago,' watsho uXihlala.<br>'Nyani?' wabuza uChinedu, 'Akuqhelekanga konke oku ndikuvayo!' | Ngokuya bethetha ngemithetho, baye bebona ukuba imidlalo iyafana. **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi bonke babhidekile! |
| 'Kulungile ke, iqela eligibiselayo malinike iqela elisekhaya ibhola. Ilungu ngalinye leqela linamathuba amathathu okugibisela ibhola lizame ukudiliza incochoyi yeetoti.' Wacacisa uChinedu.<br>'Le nto ivakala ngathi nguToti,' watsho uBulelwa. Ukuba iqela liyichanile incochoyi yeetoti yadilika ingaba lifumana inqaku na, nelinye ithuba lokudlala?'<br>'Ewe!'watsho uChinedu ekhangeleka ebhidekile. Wazi njani?'<br>'Lo mdlalo ufana twatse noToti! Ifanele ukuba ngumdlalo omnye!' wahleka watsho uBulelwa.<br>Ukwafana noChicago!' watsho uXihlala. 'ingaba iyafana nangokuba xa kungekho lungu leqela lizidilizileyo iitoti, iqela eligibiselayo lifumana ithuba lokudlala?'<br>'Ewe!' watsho uChinedu. Loo nto ifana twatse noBhathi!' | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi bonke bathanda umdlalo ofanayo – kodwa lo mdlalo ubizwa ngokwahlukileyo kwiindawo ezahlukileyo! Oku kufanele ukuba kuyabhidisa kubo! |
| 'Kulungile ke masihambe siye kuqokelela iitoti!' watsho uBulelwa. Bangena umzi nomzi, becela iitoti kubamelwane babo. | |
| Bakufika kumzi wokugqibela kweso sitalato, uChinedu wabuza, 'Ningasinceda nisiphe iitoti zokudlala uBhathi?'<br>Inkosikazi eyayilapho yabaxexela ukuba mabalinde. Yabuya nengxowa ezele iitoti.<br>'Beniyazi into yokuba abanye abantu bawubiza ngokuba nguChicago lo mdlalo?' yahleka yatsho, 'kanti abanye bathi nguToti! Khawufan'ucinge!' | Le nkosikazi iyayazi into yokuba lo mdlalo ubizwa ngeendlela ezahlukileyo! Kodwa **ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali**, ndithi abantwana beli bali bagqiba kuyifunda le nto! |

IVEKI 8

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| Ekugqibeleni babeneetoti ezaneleyo. UChinedu, uBulelwa noXihlala bajongana bancuma,'Masidlale uBhathi-Chicago-Toti' watsho uXihlala, ehleka. | Bathathe ixesha elide beziva bedidekile! **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali,** ndithi balitshintshile igama ukuze abanye abantu bayazi into yokuba lo mdlalo unamagama amaninzi ahlukileyo. |

| Imibuzo ebuzwayo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| Liqhubeka phi, nini eli bali? | Liqhubeka eSoweto, ngexesha leeholide zeKresimesi |
| Athini amagama amathathu obizwa ngawo lo mdlalo? | NguBhathi, uToti, uChicago |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kutheni abalinganiswa beli bali bedidekile? | • Kuba babecinga ukuba bathetha ngemidlalo eyahlukileyo, kanti babethetha ngomdlalo omnye!<br>• Kuba babecinga ukuba bathetha ngemidlalo eyahlukileyo, kodwa yonke imithetho yomdlalo ngamnye yayifana<br>• Kuba babengayazi into yokuba umdlalo wabo abawuthandayo unganamagama awohlukileyo. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 8**.
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiBini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala **liz**e kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8. Zalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka e lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
  a Point – Khomba igama
  b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
  c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
  d Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yamagama asekelwe kumxholo
  - enye phezu kwenye
  - inqaba
  - chitha
  - itoti

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wena luyolo yiza siyokudlala | *Khomba ukhwebe* |
| Biza uThemba nanku noLulu | *Khweba ukhombe* |
| Yiza nebhola siziphethʼiitoti | *Khweba ufake inqindi kwesinye isandla, vala isandla unge ubekelela iitoti* |
| Xa sigibisela nina niyaphepha | *Phosa uphephe* |
| Xa nigibisela thina siyapheph | *Phosa uphephe* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

1 Yohlula bafundi babe ngamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
3 Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo bakhe awabo amabali besebenzisa imifanekiso.
4 Kule veki mabasebenze ngamaqela ukuze bazokwenza isigqibo ekwakheni ibali leqela.
5 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
6 Abafundi mabanikane inzolo.
7 Cela iqela libe-1 okanye abe ma-2 abelane ngebali labo neklasi.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

IVEKI 8

## Izandi zopelo: 15 imizuzu

### Yazisa ngesandi esitsha namagama

#### FUNDISA ISANDI ESITSHA

1. Biza isandi ubonise unotsheluza onesandi, umzekelo **/ch/**
2. Phinda isandi kathathu abafundi balandele emva kwakho
3. Bonisa abantwana ukuba esisandi **/ch/**sohlukile kwesesingesi
4. Xa isandi singunonye bonisa abafundi kuluhlu lwezandi/ onobumba
5. Buza abafundi: ninawo anagama eniwaziyo ahambelana nesandi u – **/ch/**
6. Cinga nincedisana nabafundi amagama anjengo, **chuba, uchuku, cheba**

#### FUNDISA AMAGAMA AMATSHA

1. Biza igama ngokucacileyo ubonise unotsheluza onelogama, **chola, chuba, chila, cheba, uchuku, ichiza**
2. Bonisa abafundi eli gama ulibizayo, biza igama libelinye ngexesha
3. Cela abafundi balandele emva kwakho
4. Ncamathisela onotsheluza balamagama kwibhodi/tshati yamagama yemiboniso

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukubhala oonobumba abatsha / amagama/ izivakalisi

1. Fundisa bafundi ukubhala ngonobumba abakhulu nabancinci: **Ch**
2. Yenza umfuziselo wokubhala oonobumba ubonisa abafundi abasebenzisa isandla sasekunene ze ulandlele ngabasebenzisa esasekhohlo.
3. Ngoku abafundi mabasebenze nomlingani babhale oonombumba kwimiqolo yabo besebenzisa iminwe.
4. Emva kokuba bebhalene emiqolo mababhale ezidesikeni zabo bekwasebenzisa iminwe.
5. Emveni kwako konke oku kungentla bonisa abafundi ukubhala oonobumba namagama ebhodini.
6. Abafundi mabakhuphele isandi/ amagama/ nezivakalisi ezincwadini zabo.
7. Abafundi mabakrwele umgca kwisandi esi bekufundwa ngaso emagameni okanye kweza zivakalisi bazibhalileyo.

## UkuBhala:

30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Zoba umfanekiso womdlalo okanye umdlalo kwezemidlalo ongathanda ukuwufunda.

**UMSEBENZI: Zoba** ze ubhale iinkucukacha.

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Ndifuna ukufunda……….**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1 Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngomdlalo abangawaziyo abangathanda ukuwufunda.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho noko uza kuzoba umzekelo: Ndingathanda ukufunda ukudlala ikrikhethi
4 Yenza umfuziselo uzobe umfanekiso ubabonisa umzobo wakho ubetha ibhola yekhrikethi.
5 Cacisa ukuba ngawaphi amagama oza kuwabhala. **Krwelela umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, umzkl: Ndifuna ukufunda ukudla ikhriketi
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Yithi vandla vandla amagama ngemidlalo
2 Bhala la magama ebhodini: ihokhi, ukuqubha, ukubaleka njl njl
3 Buza abafundi: ngowuphi umdlalo ongathanda ukuwufunda?
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele: ngomdlalo abangathanda ukuwufunda.
6 Kumele bathi: Ndingathanda ukufunda……
7 Cacisa ukuba ngoku kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA


1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe/ ugqibezele iingxoxo.** apho ubona imfuneko.
3 Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo


4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.

### MABAGUQUKE BATHETHE

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3 ,yalela abafundi bayeka ukubhala.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi* ***apho amehlo abo afika khona*** *kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 8.**
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo ,netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi zopelo: 15 imizuzu

### Ukwahlukanisa nokwakha amagama

**NDIYENZA.....**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama:**: ibhola**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/i/** – **/bh/** – **/o/** – **/l/** – **/a/**
4 Yithi isandi sokuqala: **/i/**
5 Isandi esilandelayo: **/bh/**
6 Isandi esilandelayo: **/o/**
7 Isandi esilandelayo: **/l/**
8 Isandi sokugqibela: **/a/**
9 Bhala igama elipheleleyo: **ibhola**
10 Bonisa abafundi ukhomba uhlanganisa izandi ukwenza eligama **/i/** – **/bho/ – / la/** = **ibhola**
11 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngolwesithathu: **cheba**

**SENZE...**

1 Chonga igama olifundise ngolwesibini
2 Biza eligama: **bhula**
3 Yahlula eligama ubize isandi ngasinye **/bh/** – **/u/** – **/l/** – **/a/**
4 Buza abafundi: sithini isandi sokuqala kweligama? **/bh/**
5 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo? **/u/**
6 Buza abafundi: sithini isandi esilandelayo?**/l/**
7 Buza abafundi: sithini isandi sokugqibela? **/a/**
8 Bhala igama elipheleleyo: **ibhula**
9 Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhuphe igama kunye nawe **/bhu/**-**/ la/** = **bhula**
10 Qhuba lemigaqo usebenzisa igama olifundise ngolweSithathu: **chuba**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

# UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

## IsiFundo sesiBini

### IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDITHATHA ISIGQIBO NGOKUFUNDA ITEKISI


| iTekisi | Ufundo Lwesibini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Masidlale uBhathi**<br><br>UChinedu wayehambele u-anti wakhe eSoweto ngexesha leKresimesi. UBulelwa yena eye kubona ugogo. UXihlala yena wayehambele abazala bakhe. Esi sithathu sakhawuleza sangabahlobo.<br><br>'Ndidikiwe kukuhlala, masidlale uToti.'<br><br>'Andiwazi loo mdlalo ukuba udlalwa njani,' watsho uChinedu, 'masidlale uBhathi.'<br><br>'Unjani yena uChicago? Ngowona mdlalo umnandi!' watsho uXihlala.<br><br>UChicago? Kuvakala ngathi ligama ledolophu – hayi umdlalo! Waqengqa amehlo uBulelwa.<br><br>Bahlala phantsi bephikisana ngomdlalo ekufuneka bedlale wona. Baya phambili baphinda babuyela emva, phambili baphinde babuyele emva bephikisana ngowona mdlalo ungcono. | **Ndiyakhumbula** ukuba bonke abalinganiswa beli bali banamagama awuhlukileyo alo mdlalo mnye! Bonke abalinganiswa bavela kwiindawo ezahlukileyo. **Ndingazithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi, kwiindawo ezahlukileyo lo mdlalo unegama elahlukileyo. |
| 'Kulungile ke!' ekugqibeleni wanikezela uBulelwa, 'Ndicinga ukuba singadlala uBhathi xa ingumdlalo omnandi ngolo hlobo. Udlalwa njani?'<br><br>Waphakama uChinedu. 'Kulungile, ukuba siza kudlala uBhathi, kufuneka sibe neetoti kunye nebhola.'<br><br>'Ingathi nguChicago lo umchazayo!' watsho uXihlala.<br><br>'Kufuneka ube neetoti nebhola naxa udlala uToti,'watsho uBulelwa. | |
| Kuqala kufuneka senze amaqela amabini. Iqela elinye lilo elisekhaya ze elinye ligibisele ibhola. Iqela elisekhaya kufuneka libaleke lizame ukubeka itoti phezu kwenye itoti ze zibe yinqaba ende,' watsho uChinedu. Emva koko kufuneka babaleke baye kwindawo elikhaya kubo.!'<br><br>Le nto uyichazayo ifana noToti! waphinda uBulelwa.<br><br>Kanti ke umthetho uyafana nakuChicago,' watsho uXihlala. | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uChinedu ubhidekile kuba uthi, 'Ayiqhelekanga le nto!' |

| iTekisi | Ufundo Lwesibini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| 'Nyani? Wabuza uChinedu, 'Ayiqhelekanga le nto niyithethayo. | |
| UChinedu waqhuba. 'Umsebenzi weqela eligibisela ibhola kukuchana amalungu elinye iqela ngebhola. Amalungu eli qela kufuneka azame ukuphepha angachanwa! Ukuba achaniwe, ayaphuma emdlalweni ahlale phantsi.<br><br>'Hee, le nto ifana ncam noToti!' watsho uBulelwa, ekhangeleka ebhidekile.<br><br>'Kanti ke oku kufana twatse nakuChigcago,' watsho uXihlala.<br><br>'Nyani?' wabuza uChinedu, 'Akuqhelekanga konke oku ndikuvayo!' | **Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali** ndithi uChinedu ubhidekile kuba uthi,'Akuqhelekanga konke oku ndikuvayo!' |
| 'Kulungile ke, iqela eligibiselayo malinike iqela elisekhaya ibhola. Ilungu ngalinye leqela linamathuba amathathu okugibisela ibhola lizame ukudiliza incochoyi yeetoti.' Wacacisa uChinedu.<br><br>'Le nto ivakala ngathi nguToti,' watsho uBulelwa. Ukuba iqela liyichanile incochoyi yeetoti yadilika ingaba lifumana inqaku na, nelinye ithuba lokudlala?'<br><br>'Ewe!'watsho uChinedu ekhangeleka ebhidekile. Wazi njani?'<br><br>'Lo mdlalo ufana twatse noToti! Ifanele ukuba ngumdlalo omnye!' wahleka watsho uBulelwa.<br><br>Ukwafana noChicago!' watsho uXihlala. 'ingaba iyafana nangokuba xa kungekho lungu leqela lizidilizileyo iitoti, iqela eligibiselayo lifumana ithuba lokudlala?'<br><br>'Ewe!' watsho uChinedu. Loo nto ifana twatse noBhathi!' | UChinedu ucinga ukuba ucacisa umdlalo omtsha, owahlukileyo, kodwa abahlobo bakhe bakhangeleka beyazi yonke imithetho! **Ndithatha isigqibo ngokulandela ibali** ndithi oku kuyambhida! |
| 'Kulungile ke masihambe siye kuqokelela iitoti!' watsho uBulelwa. Bangena umzi nomzi, becela iitoti kubamelwane babo. | |
| Bakufika kumzi wokugqibela kweso sitalato, uChinedu wabuza, 'Ningasinceda nisiphe iitoti zokudlala uBhathi?'<br><br>Inkosikazi eyayilapho yabaxexela ukuba mabalinde. Yabuya nengxowa ezele iitoti.<br><br>'Beniyazi into yokuba abanye abantu bawubiza ngokuba nguChicago lo mdlalo?' yahleka yatsho, 'kanti abanye bathi nguToti! Khawufan'ucinge!' | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali,** ndithi yinto engaqhelekanga kubo ukuva le nkosikazi ibaxelela oku, kuba kubathathe ixesha elide ukuqonda ukuba lo mdlalo unamagama ahlukileyo. |

IVEKI 8

| iTekisi | Ufundo Lwesibini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| Ekugqibeleni babeneetoti ezaneleyo.<br>UChinedu, uBulelwa noXihlala bajongana bancuma,'Masidlale uBhathi-Chicago-Toti' watsho uXihlala, ehleka. | **Ndizithathela isigqibo ngokulandela ibali**, ndithi yinto engaqhelekanga le, kuba ibathathe ixesha elide into yokuqonda ukuba bonke bathetha ngomdlalo omnye! Bachitha ixesha elide beziva bedidekile! |

| Imibuzo | Iimpendulo ezinokunikwa |
|---|---|
| **Singazithathela njani isigqibo xa silandela ibali**, sithi bonke bavela kwiindawo ezahlukileyo? | • Kuba bonke bahambele amalungu osapho eSoweto.<br>• Kuba bagqiba kubonana bakha ubuhlobo.<br>• Kuba bobathathu bawubiza ngokwahlukileyo lo mdlalo. |
| Kufuneka baqokelele ntoni abantwana phambi kokuba babe nokudlala? | Kufuneka baqokelele iitoti. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Yintoni eyayibangela ukuba abalinganiswa bahleke ekupheleni kwebali? | • Kuba kwabathatha ixesha elide kakhulu ukuqonda ukuba bonke babethetha ngomdlalo omnye.<br>• Kuba bachitha ixesha elide bedidekile.<br>• Kuba uBhathi-Chicago-Toti ligama elide elingaqhelekanga lomdlalo. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**____________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 8**.
2 Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala **liz**e kusebenza nawe.
4 Biza iqela lakho lokuqala uzo kusebenza nalo.
5 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
6 Yenza **Umsebenzi Wokufunda Wokutshintsha amaqela**.
7 Biza iqela lakho lesibini **liz**e kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### ISIGAMA SOMXHOLO

**1** Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
- **a** Point – Khomba igama
- **b** Act – bonisa igama ngentshukumo umzekelo: baleka
- **c** Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
- **d** Say – yitsho igama kwisivakaisi

**2** Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yoMxholo yamagama asekelwe kumxholo
- faka ezipalini
- khuphisana
- ukhuphiswano

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Wena luyolo yiza siyokudlala | *Khomba ukhwebe* |
| Biza uThemba nanku noLulu | *Khweba ukhombe* |
| Yiza nebhola siziphethʼiitoti | *Khweba ufake inqindi kwesinye isandla, vala isandla unge ubekelela iitoti* |
| Xa sigibisela nina niyaphepha | *Phosa uphephe* |
| Xa nigibisela thina siyapheph | *Phosa uphephe* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

**1** Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
Ibali lethu linge ………
Omnye wemithetho kaBhathi ku ……….
Eli bali liyadibana nomxholo wethu ezemidlalo nemidlalo kuba…….

**2** Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.

**3** Yohlula abafundi babe **kumaqela amancinci**.

**4** Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo.

**5** Abafundi mabakunike inzolo.

**6** Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.

**7** Ukuba iimpendulo azichanekanga, zilungise.

**8** Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngolweSibini nangolwesiThathu

| | | |
|---|---|---|
| **bh** | **ch** | **a** |
| **k** | **e** | **l** |
| **o** | **u** | **b** |
| **i** | **z** | **m** |

#### BONISA ABAFUNDI

1. Khumbuza abafundi izandi zeveki umzekelo **/bh/** no **/ch/**
2. Khumbuza abafundi izandi ezisebhodini.
3. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini
4. Bonisa abafundi ukwakha igama elinesandi seveki **/bh/ – /a/ – /l/ – /a/** = **bhala**
5. Bonisa abafundi ukwakha elinye igama: **/z/ – /o/ – /b/ – /a/** = **zoba**
6. Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa izandi zeveki ukwakha igama elinjengo **bhala** okanye igama elingenazandi zaleveki umzekelo: **zoba**

#### OKWENZIWA NGABAFUNDI

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala, babhale isihloko **bh, ch**
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumagama abo, babonise indlela yokwakha la magama namanye: **bhabha, bheka, bhula, bhala, ibhola, bhekela, chola, chuba, chila, cheba, uchuku, ichiza, zoba, kubi, mamela, ibala, ilula**

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE INDLELA YOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: SHWANKATHELA/ NDITHATHA ISIGQIBO**

**YENZA UMFANEKISO WETEKISI**

1. Hlalisa abafundi ezidesikeni bavule iincwadi zabo okanye ubanike amaphepha okuzoba nepensile.
2. **Cacisa kubafundi ukuba namhlanje niza kwenza uthekelelo** lento enokwenzeka ukuba ibali beliqhubeka.
3. **Yenza umfuziselo** uthathe isigqibo kuba ucinga abalinganiswa kweli bali bebeyakudlala kude kube sebusuku.
4. Zoba umfanekiso ka Bulelwa, uChinedu no Xihlala bedlala iBhathi.
5. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba baza kuthatha isigqibo ngento enokwemzeka ebalini.
6. Yalela abafundi bavale amehlo baphole. Bafundele itekisi kube kanye kwakhona.
7. Yalela abafundi bavule amehlo ze baqale ukuzoba okunekwenzeka ebalini.
8. Ekugqibeleni abafundi **mabaguquke bathethe** ze babelane ngemizobo yabo.

## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 8**.
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **Umsebenzi Wokufunda Wokutshintsha amaqela**.
6. Cacisa **Umsebenzi wangoLwesihlanu wesi – 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini ize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwimi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4 Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6 Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1. Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2. Hlaziya **IIBHODI ZAKHO ZOKUXHOMA**, ngokususa konke osekufundiwe okungazukusebenza, kule kota uze ukubeke kwindawo.
3. Lungisa oonotsheluza nemifanekiso yamagama asekelwe kumxholo oza kuyidinga.
4. Khangela uze ulungise zonke izinto ezinomtsalane kubafundi nezingqamene nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: umfanekiso wehagwana ezintathu
5. Yenza uphando kwi-intanethi ngeendidi zezilwanyana
6. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
7. Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezahlulwa ngokwamabakala okufunda ezincinci zokufunda namaqela, neencwadi zokufunda zethala leklasi zikwimeko ephucukileyo.
8. Hlenga hlengisa amalungu kumaqela afunda notitshala encediswa ngutitshala ukuba isidingo sikhona.
9. Cwangcisa imisebenzi yeveki yohlolo olusesikweni nolungekho sesikweni.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngela xesha wenza uhlolo **ngalo** kwigumbi lokufundela **kubafundi.**

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 58, Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 59+ 6O, Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yeDBE yoku 1: iPhepha lama 61, Masibhale

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso** wengcuka eyoyikekayo.

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### YAZISA UMXHOLO: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1. Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala kwiNcwadi eNkulu yebali **ihagwana ezintathu**
2. Xelela abafundi ukuba siqala umxholo omtsha: **…….ezintathu**
3. Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4. Buza abafundi: *Nazi ntoni ngalo mxholo?*
5. Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6. Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a. Ukhe weva okanye walifunda eli bali?
   b. Iihagwana zisebenzise ntoni ukwakha izindlu zazo?
   c. Ngubani osemva kwazo?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1. Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   a. Point – Khomba igama
   b. Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c. Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d. Say – yitsho igama kwisivakalisi
2. Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yamagama esekelwe kumxholo kwiBhodi yesiGama soMxholo.
   - ukwakha
   - izixhobo zokwakha
   - ukomelela

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Hagwana hagwana | *Khomba* |
| Niyaphi na hagwana | *Hamba ndawonye* |
| Sibheka ekudeni | *Khomba kude* |
| Niyokuthini apho | *Beka isandla esilevini* |
| Sifun'ukwakh'ikhaya | *Beka izandla emacaleni uphakamise ubeke kwelinye icala* |
| Nilumke hagwan' iyaqweng 'ingcuka | *Vtweza amehlo uvule izandla ubuye uzivale okwamazinyo aluma into* |

## UkuBhala ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi nala magama alandelayo:
   a utata
   b ikati
   c ufifi
   d goba
   e ijoko
   f yiyo
   g ipali
   h ihobe
   i wena
   j xela
3 Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

## Ngaphambi kokuFunda

### INDLELA ZOBUCHULE YOBUCHULE EZIBUPHUHLISA EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **Iihagwana ezintathu**
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuze okwenzekayo kumfanekiso ngamnye abacinga ukuba kuyenzeka.
4 Ncedisa abafundi banxulumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni ibali.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo zebali.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni, **ungamanga**

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Bhala ngezixhobo onokuzisebenzisa ukwakha indlu yakho

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale iinkucukacha

**ISICWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Ndifuna ukwakha……..**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1 Cacisa ukuba namhlanje, baza kubhala ngezixhobo abaza kuzisebenzisa ukwakha indlu.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho ngoko uza kuzoba njenge: ndiza kwakha umzi wam ngamatye nezitena kuba zomelele!
4 Yenza **umfuziselo** ubabonisa umzobo wakho uqokelela amatye okwakha
5 Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Krwelela igama ngalinye umgca**,umzkl: Ndifuna ukwakha umzi wamatye.
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. Bacacisele ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwiingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Yithi vandla vandla nabafundi ngezixhobo zokwakha..
2 Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: izitena, udaka, imithi ,isamentenjalo njalo.
3 Buza abafundi: Zeziphi izixhobo ongazisebenzisa ukwakha indlu
4 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele ngezixhobo abaza kuzikhetha?
6 Kumele bathi: Ndifuna ukwakha………..
7 Cacisa ngoku ukuba ngoku kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA


1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo** nabo. apho ubona imfuneko.
3 Bacele abafundi bakuxelele ngoko bakubhalayo.
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5 Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1. Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeke ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 9**.
2 Cacisa uMsebenzi **wangoMvulo woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesibini

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 mizuzu

### Ukuhlaziya izandi ezifundiweyo

1. **B**iza isandi uphakamise onotsheluza bezandi ezifundiweyo kwithemuwasi: **/t/ /k/ /f/ /g/ /j/ /y/ /p/ /h/ /w/ /x/ /v/ /q/ /z/ /r/ /bh/ /ch/**
2. Phakamisa onotshelusa uguqule indlela obabiza ngayo bangalandelelani, chonga abafundi abohlukeneyo ukuba bafunde
3. Ncamathisela onotsheluza abanezandi ebhodini
4. Cela abafundi abambalwa beze ebhodini basebenzise izandi ukwakha amagama
5. Yalela abafundi ukuba basebenzise izandi ezisebhodini bakhe amagama amaninzi kangangoko ezincwadi zabo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukuhlaziya ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Bonisa abafundi ukubhala izivakalisi ezifutshane ebhodini.
2. Bonisa abafundi ukuba isivakalisi siqala ngonobumba omkhulu siphele ngesingxi.
3. Abafundi mabakhuphele izivakalisi ezincwadini zabo.

Umama usela ibisi.

Usisi ubona idada.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ___________________________________________

Amagama: ___________________________________________

___________________________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu


### UFundo lokuQala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: KHANGELA KWITEKISI**

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| **Iihagwana ezintathu**<br><br>Kudala dala kwakukho iihagwana ezintathu. Ezi hagwana zazikhulile zonke. Yayilixesha lokuba zishiye ikhaya ziye kuzimela kweyazo imizi! Zavalelisa kumama wazo kuba zihamba. | Zazisiya **phi** ihagwana? Oo! Zazisiya kwakha izindlu zazo! |
| 'Ze nakhe izindlu ezomeleleyo! Wakhwaza watsho umama wawo, ' Ze niqaphele nilumkele ingcuka enkulu ekhohlakeleyo!' | |
| Njengoko zihamba zaqaphela ukuba ingcuka enkulu ekhohlakeleyo iyazilandela. 'Kufuneka sizakhe ngokukhawuleza izindlu zethu! Zavumelana ezi hagwana. | **Ngubani** owalandela iihagwana? Oo! Yingcuka enkulu ekhohlakeleyo! |
| Ihagwana yokuqala yathenga ingca. Yasebenza ngokukhawuleza isakha indlu yayo.<br><br>Ihagwana yesibini yathenga izinti. Yasebenza ngokukhawuleza isakha indlu yayo. | |
| Ihagwana yesithathu yathenga izitena kunye nesamente eseyixovulwe yaludaka ukuze idibanise izitena kunye. Yasebenza ngokukhawuleza nangocoselelo isakha indlu eyomeleleyo. | Zasebenzisa **ntoni** iihagwana ukwakha izindlu zazo? Oo, ndifunda ukuba ihagwana yokuqala yasebenzisa ingca, eyesibini yasebenzisa izinti, yaza eyesithathu ihagwana yasebenzisa izitena! |
| Ngabusuku buthile yafika ingcuka enkulu ekhohlakeleyo yaza yabona ihagwana yokuqala kwindlu yayo yengca. 'Hagwana, hagwana,ndivulele!' yakhwaza ingcuka. Yaphendula ihagwana,'Ngekhe ndifunga inwele kwezi zidlelana zam!' yavutha ngumsindo ingcuka. Yakhwaza ingxola, 'Ndiza kuyivuthela wohlo iwele ngaphakathi le ndlu yakho!' Yaza yenjenjalo. Ihagwana yokuqala yabalekela kwindlu yezinti kadade wayo. | Kwenzeke **ntoni** kwindlu yehagwana yokuqala? Owu yini! Ndifunda ukuba yavuthelwa yawa! |

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| Ingcuka enkulu ekhohlakeleyo yafika yankqonkqoza kucango lwezinti.<br><br>'Zihagwana, zihagwana, ndivuleleni ndingene! Yakhwaza ingcuka.<br><br>Zaphendula iihagwana zathi,'Ngekhe, sifunga iinwele zezidlele dlele zethu!<br><br>Yavutha ngakumbi ngumsindo ingcuka. Yaphendula ikhwaza, ' Ndiza kuyivuthela wohlo le ndlu yakho iwele ngaphakathi.! Yaza yenjenjalo. Iihagwana zabalekela kwindlu yezitena kadade wazo. | Kwenzeka **ntoni** kwindlu yehagwana yesibini? Owu yini! Ndifunda ukuba yavuthelwa yawa! |
| Ingcuka enkulu ekhohlakeleyo yafika yankqonkqoza kucango lwendlu yezitena.<br><br>'Zihagwana, zihagwana, ndivuleleni ndingene! Yakhwaza njalo ingcuka.<br><br>Zaphendula iihagwana zathi, 'Ngekhe sifunga iinwele zezidlele dlele zethu!'<br><br>Ingcuka yayivutha ngumsindo kwaye yayifile yindlala ngoku. Yakhwaza, Ndiza kuyivuthela wohlo le ndlu iwele ngaphakathi!' | |
| Yavuthela ingcuka yasezela umoya. Yavuthela yasezela. Kodwa ayizange ikwazi ukuyivuthela iwe indlu. Ihagwana zazikhuselekile. | Kwenzeka **ntoni** kwindlu yehagwana yesithathu? Oo! Yayomelele kakhulu! |

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
|---|---|
| Zisebenzisa ntoni iihagwana ukwakha izindlu zazo? | Zisebenzisa ingca, izinti kunye nezitena. |
| Ngubani oleqa iihagwana ezintathu? | Yingcuka enkulu ekhohlakeleyo. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezilindelekileyo** |
| Kwakutheni ukuze iihagwana zibalekele kwindlu yezitena? | • Izindlu zokuqala ezimbini zavuthelwa zawa.<br>• Iihagwana zazibalekela kwindlu kadade wazo.<br>• Indlu kadade wazo ayivutheleki.<br>• Iihagwana azifuni kutyiwa yingcuka. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**___________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **Iphepha Lomsebenzi wokuFunda 9**.
2. Mabathyile**kuMsebenzi wangoLwesibini woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiBini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali

15 imizuzu


### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
   - a Point – Khomba igama
   - b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - d Show – bonisa into ephathekayo okanye esemfanekisweni umzkl: umnenga

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ tshati yesigama somxholo
   - izitena
   - imotha
   - ikhuselekile

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Hagwana hagwana | *Khomba* |
| Niyaphi na hagwana | *Hamba ndawonye* |
| Sibheka ekudeni | *Khomba kude* |
| Niyokuthini apho | *Beka isandla esilevini* |
| Sifun'ukwakh'ikhaya | *Beka izandla emacaleni uphakamise ubeke kwelinye icala* |
| Nilumke hagwan'iyaqweng'ingcuka | *Vtweza amehlo uvule izandla ubuye uzivale okwamazinyo aluma into* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI (IVEKI YOKUQALA YOMXHOLO)



1 Yohlula bafundi babe ngokwamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yobugcisa yokwakha ibali.
3 Umfundi ngamnye makajonge imifanekiso acinge ibali eliza kungena ncakasana kwimifanekiso.
4 Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngaba zakubhala ngezimvo zabo.
5 Emva koko umfundi ngamnye uza kunikwa ithuba lokwabelana ngebali lakhe kwiqela.
6 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abe mnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
7 Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi zopelo: 15 imizuzu

### UkuHlaziya amagama

**HLAZIYA AMAGAMA**

1. Lungisa onotshezula bamagama ezandi ezifundiweyo
2. Phakamisa unotsheluza ubemnye ngexesha ucele umfundi omnye ngexesha ukuba afunde.
3. Ukuba umfundi akakwazi kufunda mncedisi abize isandi ngasinye segama

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukuhlaziya ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Bonisa abafundi ukubhala izivakalisi ezifutshane ebhodini.
2. Bonisa abafundi ukuba isivakalisi siqala ngonobumba omkhulu siphele ngesingxi.
3. Abafundi mabakhuphele izivakalisi ezincwadini zabo.

Nali isela lilila.

Bona inunu ibaleka.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Bhala ngomlinganiswa omthandayo kwihagwana ezintathu

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale iinkucukacha

**ISIWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: Umlinganiswa endimthandayo** .........

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ngomlinganiswa abamthandayo kwibali **Iihagwana ezintathu.**
2. Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3. Xelela abafundi iingcinga zakho umzekelo: ndithanda ihagwana le incinci kuba yakhe umzi owomeleleyo.
4. Yenza umfuziselo ubabonisa umzobo wakho:wehagwana ezintathu.
5. Cacisa amagama oza kuwabhala. **Krwela ngaphantsi kwegama ngalinye** umzekelo: Umlinganiswa endimthandayo yihagwana encinci.
6. Cima umzekelo wakho ebhodini. Bacacisele ukuba lo ibingumzekelo, baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1. Yithi vandla vandla nabafundi ngabalinganiswa kwibali Iihagwana ezintathu.
2. Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo:ihagwana yokuqala, ihagwana yesibini, ingcuka ekhohlakeleyo
3. Buza abafundi: Ngubani umlinganiswa omthandayo ebalini?
4. Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5. Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele: ngomlinganiswa abamthandayo
6. Kumele bathi: Umlinganiswa endimthandayo............
7. Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA

1. Nika abafundi iincwadi zabo.
2. Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe iingxoxo** / **ugqibezele iingxoxwana**. apho ubona imfuneko.
3. Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo
4. Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5. Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1. Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3 ,yalela abafundi bayeke ukubhala.
2. Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi* ***apho amehlo abo afika khona*** *kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubeke beba neengxoxo ngomxholo.*






IVEKI 9

## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**______________________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 9.**
2 Mabathyile **kuMsebenzi wangoLwesiThathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiThathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi nezandi zopelo: Ukwahlukanisa nokwakha amagama

15 imizuzu

### NDIYENZA

1 Khetha amagama amabini abufana umz: **zoba; zola**
2 Biza igama: **zoba**
3 Calula/ hlahlela igama ngokwesandi ngasinye: **/z/ – /o/ – /b/ /a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/z/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/o/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/b/**
7 Biza isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bonisa abafundi ukuhlanganisa izandi usakha igama
9 Qhuba le migaqo kwigama elilandelayo: **zola**

### SENZE

1 Khetha amanye amagama amabini abufana umz: **vula; vela**
2 Biza igama: **vula**
3 Buza abafundi ukuba sithini isandi sokuqala: **/v/**
4 Buza abafundi ukuba sithini isandi esilandelayo: **/u/**
5 Buza abafundi ukuba sithini isandi esilandelayo: **/l/**
6 Buza abafundi ukuba sithini isandi sokugqibela: **/a/**
7 Libhale igama: **vula**
8 Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhe igama kunye nawe
9 Qhuba le migaqo kwigama elilandelayo: **vela**

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu


### UFundo lwesiBini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: KHANGELA KWITEKISI**

| ITekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
|---|---|
| **Iihagwana ezintathu**<br>Kudala dala kwakukho iihagwana ezintathu. Ezi hagwana zazikhulile zonke. Yayilixesha lokuba zishiye ikhaya ziye kuzimela kweyazo imizi! Zavalelisa kumama wazo kuba zihamba. | **Kwakutheni** ukuze zivalelise zisimka kunina? Oo! Kungenxa yokuba zikhulile ngoku ngokoke ziyalishiya ikhaya! |
| 'Ze nakhe izindlu ezomeleleyo! Wakhwaza watsho umama wawo, ' Ze niqaphele nilumkele ingcuka enkulu ekhohlakeleyo!' | |
| Njengoko zihamba zaqaphela ukuba ingcuka enkulu ekhohlakeleyo iyazilandela. 'Kufuneka sizakhe ngokukhawuleza izindlu zethu! Zavumelana ezi hagwana. | |
| Ihagwana yokuqala yathenga ingca. Yasebenza ngokukhawuleza isakha indlu yayo.<br>Ihagwana yesibini yathenga izinti. Yasebenza ngokukhawuleza isakha indlu yayo. | |
| Ihagwana yesithathu yathenga izitena kunye nesamente eseyixovulwe yaludaka ukuze idibanise izitena kunye. Yasebenza ngokukhawuleza nangocoselelo isakha indlu eyomeleleyo. | Nngubani osebenza ngocoselelo ukwakha indlu yakhe? Ndifunda ukuba yihagwana yesithathu kuphela esebenza ngocoselelo! |
| Ngabusuku buthile yafika ingcuka enkulu ekhohlakeleyo yaza yabona ihagwana yokuqala kwindlu yayo yengca. 'Hagwana, hagwana,ndivulele!' yakhwaza ingcuka. Yaphendula ihagwana,'Ngekhe ndifunga inwele kwezi zidlelana zam!' yavutha ngumsindo ingcuka. Yakhwaza ingxola, 'Ndiza kuyivuthela wohlo iwele ngaphakathi le ndlu yakho!' Yaza yenjenjalo. Ihagwana yokuqala yabalekela kwindlu yezinti kadade wayo. | **Kwakutheni** ukuze ihagwana yokuqala ibalekele kwindlu kadade way? Oo! Kuba eyayo indlu yavuthelwa yawa kwaye ingcuka yayilele emva kwayo! |

| ITekisi | Ufundo Lwesibini UFundo lwesiBini (Cinga ngokuvakalayo) |
| --- | --- |
| Ingcuka enkulu ekhohlakeleyo yafika yankqonkqoza kucango lwezinti.<br><br>‘Zihagwana, zihagwana, ndivuleleni ndingene! Yakhwaza ingcuka.<br><br>Zaphendula iihagwana zathi,’Ngekhe, sifunga iinwele zezidlele dlele zethu!<br><br>Yavutha ngakumbi ngumsindo ingcuka. Yaphendula ikhwaza, ‘ Ndiza kuyivuthela wohlo le ndlu yakho iwele ngaphakathi.! Yaza yenjenjalo. Iihagwana zabalekela kwindlu yezitena kadade wazo. | Kwakutheni ukuze ihagwana yokuqala neyesibini zibalekele kwindlu kadade wazo? Oo! Kuba ezabo izindlu zavuthelwa yingcuka zawa kwaye yayilele emva kwazo. |
| Ingcuka enkulu ekhohlakeleyo yafika yankqonkqoza kucango lwendlu yezitena.<br><br>‘Zihagwana, zihagwana, ndivuleleni ndingene! Yakhwaza njalo ingcuka.<br><br>Zaphendula iihagwana zathi, ‘Ngekhe sifunga iinwele zezidlele dlele zethu!’<br><br>Ingcuka yayivutha ngumsindo kwaye yayifile yindlala ngoku. Yakhwaza, Ndiza kuyivuthela wohlo le ndlu iwele ngaphakathi!’ | |
| Yavuthela ingcuka yasezela umoya. Yavuthela yasezela. Kodwa ayizange ikwazi ukuyivuthela iwe indlu. Ihagwana zazikhuselekile. | Ingaba ingcuka yazitya iihagu? Hayi! Ndifunda ukuba zaye zakhuseleka kwindlu yezitena! |

| Imibuzo | Iimpendulo |
| --- | --- |
| Zisebenzisa ntoni iihagwana ukwakha izindlu zazo? | Zisebenzisa ingca, izinti kunye nezitena. |
| Ngubani oleqa iihagwana ezintathu? | Yingcuka enkulu ekhohlakeleyo. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Kwakutheni ukuze iihagwana zibalekele kwindlu yezitena? | • Izindlu zokuqala ezimbini zavuthelwa zawa.<br>• Iihagwana zazibalekela kwindlu kadade wazo.<br>• Indlu kadade wazo ayivutheleki.<br>• Iihagwana azifuni kutyiwa yingcuka. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:**________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 9.**
2. Mabathyile **uMsebenzi wangoLwesiNe woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiNe wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi. ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali 15 imizuzu

### ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
   a Point – Khomba igama
   b Act – bonisa igama ngentshukumo umzekelo: baleka
   c Tell – xela (cacisa igama) umzekelo: uthando
   d Say – itsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yesigama somxholo.
   - leqa
   - khusela
   - ukukhefuzela

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Hagwana hagwana | *Khomba* |
| Niyaphi na hagwana | *Hamba ndawonye* |
| Sibheka ekudeni | *Khomba kude* |
| Niyokuthini apho | *Beka isandla esilevini* |
| Sifun'ukwakh'ikhaya | *Beka izandla emacaleni uphakamise ubeke kwelinye icala* |
| Nilumke hagwan'iyaqweng'ingcuka | *Vtweza amehlo uvule izandla ubuye uzivale okwamazinyo aluma into* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
   Kweli bali…..
   Ndithande ……….
   Andithandanga………
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.
3 Ukuba iimpendulo ayizizo, zilungise.
4 Xelela abafundi mabanikane ithuba lokuphendula umbuzo ngamnye wengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye iqela elithile ukuba labelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo azichanekanga , zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: Ukufumana amagama

15 imizuzu

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo kwithemu.

| | | |
|---|---|---|
| **t** | **k** | **f** |
| **a** | **i** | **e** |
| **g** | **j** | **y** |
| **u** | **t** | **s** |
| **w** | **x** | **v** |
| **m** | **o** | **p** |

### BONISA ABAFUNDI

1. Hlaziya izandi ezisebhodini
2. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.

### ABAFUNDI BENZE


1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumsebenzi wabo
5. Cela abafundi bakunike amagama abawakhileyo, wabhale ebhodini

### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________



## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu


### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE INDLELA YOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: UKWENZA UNXULUMANO**

**UKUBALISA NGEBALI ELIFUNDIWEYO**

1. Cacisela abafundi ukuba baza kuthetha ngomba abawuthandileyo ebalini: Iihagwana ezintathu
2. Baza kuthetha nangento **abayithandileyo** ebalini.
3. Yenza **umfuziselo** ubonisa abafundi ukuphendula isivakalisi esi 1 – ukuya kwezi – 2 ngolu hlobo **Ndithandile ngokuya ungcuka evuthela izindlu kodwa woyisakala kweyesithathu kuba yayomelele.**
4. Babonise imifanekiso kwiNcwadi eNkulu. Yalela abafundi ukuba bajonge imifanekiso ze bacinge ngokwenzekileyo. Abafundi mabacinge okwenzekayo kwimifanekiso.
5. Yalela abafundi bacinge **ngabakuthandileyo** kwa **nonxulumano abanokulwenza** emveni kokufunda ibali.
6. Cela abafundi aba – 2 ukuya kwaba – 3 ukuba **babelane** ngezimvo zabo neklasi. **Nceda** abafundi bathethe ngezivakalisi ezipheleleyo bazigqibezele izivakalisi.
7. Cacisa ulungise iimpazamo ezifanayo kubafundi.
8. Yalela abafundi **baguquke bathethe** besabelana **ngezimvo zabo** zebali nabalingane.

***(Abafundi mabanike izimvo zabo bangafuni ukuthetha okanye ukulinganisa oko bekutshiwo nguTitshala!)***



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ___________________________**

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha loMsebenzi wokuFunda 9**.
2. Cacisela **uMsebenzi wangoLwesiHlanu woku 1**.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesiHlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwmi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4 Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6 Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki. abazixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*

## UkuLungisa Igumbi lokuFundela/Iklasi

1 Ekuqaleni kweveki nganye qinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela licocekile kwaye liqoqiwe.
2 Hlaziya ze uxhome iibhod iibhodi /iitshati zakho zokuhombisa, iindonga zomxholo amagama asekelwe kumxholo ze ulungise neetafile. yakho esekelwe kumxholo.
3 Khangela zonke izinto ezinomtsalane nezingqamane nomxholo wakho onokuzixhoma eludongeni okanye uzibeke kwitafile yakho yomxholo, umzekelo: imifanekiso yeOorugatan.
4 Yenza uphando nakwintanethi ngeOorungatan.
5 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi zokubhala zabafundi nezemisebenzi yeDBE zimakishiwe zabekwa apho zihlala khona.
6 Qinisekisa ukuba zonke iincwadi ezinkulu, incwadi ezincinci zokufunda namaqela iincwadi ezahlulwe ngokwamabakala okufunda, neencwadi zokufunda ezifumaneka kwithala eklasini zikwimeko ephucukileyo.

## Imisebenzi Eyongezelelweyo

Le misebenzi ingasetyenziswa njengomsebenzi ozimeleyo kubafundi abagqiba kuqala umsebenzi OKANYE ngelaxesha ngela xesha wenza uhlolo kubafundi kwigumbi lokufundela.

**Umsebenzi 1** Incwadi yomsebenzi yoMsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 62 , Masifunde

**Umsebenzi 2:** Incwadi yomsebenzi yoMsebenzi yeDBE yoku1: iPhepha lama 63 & 64, Masibhale

**Umsebenzi 3:** Incwadi yomsebenzi yoMsebenzi yeDBE yoku 1: iPhepha lama 65, Masifunde

**Umsebenzi 4: Zoba umfanekiso** weehagwana indlela ezaziva ngayo mgokuya izindlu zazo zazivuthelwa.

# Ngomvulo

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### SIJONGA UMXHOLO KWAKHONA: UKUJONGA ULWAZI OLUNGAPHAMBILI

1 Bonisa abafundi umfanekiso wokuqala webali kwiNcwadi eNkulu: **Ii0rangutan ezintathu ezincinane.**
2 Xelela abafundi ukuba siyaqhubekeka nomxholo wethu: **…………….ezintathu**
3 Zoba isangqa esinegama **lomxholo** kumbindi webhodi.
4 Buza abafundi: Senifunde *ntoni ngalo mxholo oko siwuqalile?*
5 Bhala phantsi izimvo zabafundi zijikeleze imephu yengqondo. Bhala izimvo ezifanayo kunye.
6 Ukuba abafundi bayasokola batsala nzima ukuphendula imibuzo, buza le mibuzo ilandelayo:
   a Zeziphi iziganeko ezibalulekileyo ezenzeka kweli bali?
   b Ihamba njani iphatheni kweli bali?

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   a Point – Khomba igama
   b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   d Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati esekelwe kumxholo.
   - IiOrungatan
   - ingqwelo edilizayo
   - ukutshabalalisa

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Hagwana hagwana | *Khomba* |
| Niyaphi na hagwana | *Hamba ndawonye* |
| Sibheka ekudeni | *Khomba kude* |
| Niyokuthini apho | *Beka isandla esilevini* |
| Sifun'ukwakh'ikhaya | *Beka izandla emacaleni uphakamise ubeke kwelinye icala* |
| Nilumke hagwan'iyaqweng'ingcuka | *Vtweza amehlo uvule izandla ubuye uzivale okwamazinyo aluma into* |

## UkuBhala ngesandla

15 imizuzu

1 Yalela abafundi bavule incwadi zabo zokubhala.
2 Bizela ezi zandi nala magama alandelayo:
   - **a** vela
   - **b** qaba
   - **c** zula
   - **d** irula
   - **e** bhabha
   - **f** cheba
   - **g** kama
   - **h** gula
   - **i** joja
   - **j** wola
3 Xa begqibile yalela abafundi ukuba bathathe ipenisile enombala ze ingulowo akorekishe umsebenzi wakhe.
4 Bhala impendulo ngokucacileyo ebhodini
5 Qokelela iincwadi zabafundi ekupheleni kosuku, nika ingqwalasela ze ubabhala phantsi abo bafuna uncedo lukaTitshala.

### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

## Ngaphambi kokuFunda

### INDLELA YOBUCHULE EPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: QIKELELA

1 Hlalisa abafundi emethini uqinisekise ukuba bonke bayayibona iNcwadi eNkulu.
2 Vula iNcwadi eNkulu kwibali: **IiOrangutan ezintathu ezincinane**.
3 Jonga imifanekiso yebali kwiphepha ngalinye, ubabuza into abacinga ukuba iyenzeka kumfanekiso ngamnye.
4 Ncedisa abafundi ukuze banxumane nemifanekiso, ukuze bafumane ukuba ibali lingantoni.
5 Yazisa isigama esitsha xa udibana naso njengoko ufunda incwadi kwiindawo ezifanelekileyo ebalini.
6 Funda ibali lonke ekuqaleni kube kanye, ungemi.

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO: Cinga ngabalinganiswa abathathu nomlinganiswa okhohlakeleyo kwibali lakho**.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale isivakalisi.

**ISAKHELO SOKUBHALA: Ibali lam lithi: …….ezintathu ne……….ekhohlakeleyo**.

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1 Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazaku kubhala elabo ibali le ……….ezintathu ne……….ekhohlakeleyo.
2 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3 Xelela abafundi iingcinga zakho: ndifuna ukubhala ibali ngeekatana ezintathu nenjana ekhohlakeleyo.
4 Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukwenza umzobo wakho weekatana ezintathu nenjana ekhohlakeleyo.
5 Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala nokuba namagama oza kuwabhala. **Zoba umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi,umzkl: Ibali lam lithi: Iikatana ezintathu nenjana ekhohlakeleyo.
6 Cima umzekelo wakho ebhodini. Bacacisele ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwiingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1 Yithi vandla vandla nabafundi ngokuba izakuba ngubani abalinganiswa bakho abathathu nomlinganiswa wakho okhohlakelayo?
2 Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
3 Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele ngabaliganiswa babo.
4 Kumele bathi: Ibali lam lithi: ……….ezintathu ne……….ekhohlakeleyo
5 Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!

#### UKUBHALA

1 Nika abafundi iincwadi zabo.
2 Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe / ugqibezele iingxoxo** apho ubona imfuneko.
3 Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo.
4 Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.


**5** Bakhuthaze abafundi.


### MABAGUQUKE BATHETHE

**1** Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3, yalela abafundi bayeka ukubhala babeke iipensile zabo ecaleni.

**2** Yalela abafundi ukuba **baguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wabafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela**.** Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*





## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 10**.
2 Cacisa uMsebenzi **wangoMvulo woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoMvulo wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

IVEKI 10

# Ngolwesibini

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 mizuzu

### Ukuhlaziya izandi ezifundiweyo

1 **B**iza isandi uphakamise onotsheluza bezandi ezifundiweyo kwithemuwasi: **/t/ /k/ /f/ /g/ /j/ /y/ /p/ /h/ /w/ /x/ /v/ /q/ /z/ /r/ /bh/ /ch/**
2 Phakamisa onotshelusa uguqule indlela obabiza ngayo bangalandelelani, chonga abafundi abohlukeneyo ukuba bafunde
3 Ncamathisela onotsheluza abanezandi ebhodini
4 Cela abafundi abambalwa beze ebhodini basebenzise izandi ukwakha amagama
5 Yalela abafundi ukuba basebenzise izandi ezisebhodini bakhe amagama amaninzi kangangoko ezincwadi zabo.

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukuhlaziya ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1 Bonisa abafundi ukubhala izivakalisi ezifutshane ebhodini.
2 Bonisa abafundi ukuba isivakalisi siqala ngonobumba omkhulu siphele ngesingxi.
3 Abafundi mabakhuphele izivakalisi ezincwadini zabo.

Umama usela ibisi.

Usisi ubona idada.

**INDLELA YOKUBHALA EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

UFundo lokuQala

**UBUCHULE OBUPHUHLISA INGQIQO NOKUQONDA: NDIYADIBANISA**


| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| **<u>Ii0rangutan ezintathu ezincinane</u>**<br><br>Kudaladala, kwisiqithi eBorneo, kwakuhlala usapho lwee-orangutan. Iinqwelo ezidiliza zidudule zazithe chu zicoca ihlathi zikwatyala imithi yekofu, zithe chu ukucutha abahlali kweli hlathi.<br><br>Yayilusizi into yokuba uMama uOrangutan emkise abantwana bakhe.<br><br>'Ze niwakhethe kakuhle amakhaya enu! Kufuneka nizame ukusoloko nizikhusela kwiinqwelo ezidiliza zidudule nezitshabalalisa amahlathi ethu,' uMama uOrangutan watsho egwantye iinyembezi emehlweni. | **Ndiyakwazi ukuyidibanisa** le tekisi nebali elithi, *Iihagwana ezintathu,* kuba ekuqaleni kuwo omabini la mabali abantwana bendlu enye bashiya ikhaya! |
| Iiorangutan ezincinane ezintathu zajiwuza emithini eyayishiyekile, zihamba zihleka zaya kusithela. Kungekudala iorangutan yokuqala yaziva idiniwe. Yema ekupheleni kwehlathi kanye phambi kokufika kwindawo enkulu eyayisele icociwe.<br><br>'Ndiza kuhlala apha,' yatsho.<br><br>'kodwa le ndawo ayikho kude ngokwaneleyo!' watsho udade wayo, 'Ngokuqinisekileyo la nqwelo idudula ze itshabalalise iza kufika apha ilitshabalalise ikhaya lakho ukuba uhlala apha!' | Xa **ndidibanisa** oku kunye neli bali lithi *Iihagwana ezintathu,* ndiyakwazi ukuqikelela ukuba le ndlu iza kutshatyalaliswa – ngokufanayo nendlu yehagwana yokuqala. |
| Ezinye iiorangutan ezincinci, ezimbini zaqhubeka nehambo yazo zedlula kule ndawo. Kwakungekho mithi inka umthunzi, kungekho ndawo yokujinga.zaziva zishushu zikhathazekile.<br><br>'Ndilambile mna!' yatsho iorangutan yesibini. Ngelo xesha kanye yabona imithi yebhanana. | Xa **ndidibanisa** oku nebali elithi, *Iihagwana ezintathu,* ndiyakwazi ukuqikelela ukuba le ndlu iza kutshatyalaliswa – ngokufanayo nendlu yehagwana yesibini. |

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| 'Ndiza kuhlala apha, apho kukho iibhanana ezininzi, ndiza kuhlutha! Ndishushu kwaye ndilambile andinakugqithela phambili konke!' yatsho.<br>'Kodwa zininzi apha iinqwelo ezidudula zitshabalalise apha kule ndawo yeebhanana!' yatsho iorangutan encinci yesithathu. 'Akukhuselekanga apha!'<br>iorangutan yesibini ayizange isihoye eso silumkiso isinikwa ngudade wayo. | |
| Yahamba, yahamba iorangutan yesithathu yada yafumana ihlathi elihle elishinyeneyo. Yafunda umbhalo owawusithi 'ISemenggoh ndawo yokugcina izilwanyana zasendle.'<br>'Lee ndawo iza kuba yeyona indifaneleyo!'yatsho. 'Azivumelekanga apha eza nqwelo zidudula ze zitshabalalise!'<br>Imilenze yayo yayiqaqamba ngenxa yokuhamba iintsuku, kodwa yayiqonda ukuba oko kwakungelo lize! | Xa **ndidibanisa** oku nebali elithi, Iihagwana ezintathu, ndiyakwazi ukuqikelela nukuba indlu yayo ayizi kutshatyalaliswa – kuba iorangutan yesithathu iyaqaphela, kanye njengehagwana yesithathu. |
| Kusasa ngosuku olulandelayo, iorangutan encinane yokuqala yavuswa ngumdumo oqhelekileyo wenqwelo enkulu, edudula ze itshabalalise. Yabukela njengoko imithi ejikelezileyo yayityhalwa ikhahlelwa phantsi emhlabeni. Ekugqibeleni, isiduduli safika kulo wayo umthi.<br>'iorangutan encinane, iorangutan encinane, phuma kuloo mthi!' sanyanzelisa isiduduli esitshabalalisayo. | **Ukudibanisa** kwam kundincede ukuba ndenze uqikelelo oluchanekileyo! Indlu yeorangutan encinane yokuqala itshatyalalisiwe – kanye njengendlu yehagwana yokuqala. |
| Kwiiveki nje ezimbalwa ezilandelayo, emva kokufumana isidlo esimnandi sezona bhanana zinencasa, iorangutan yokuqala neyesibini zeva dumdum oqhelekileyo wesiduduli esikhulu, esitshabalalisayo. Ekugqibeleni isiduduli esitshabalalisayo seza kufika kowazo umthi.<br>'Ziiorangutan ezincinane, ziiorangutan ezincinane, phumani kulo mthi!' sanyanzelisa njalo isiduduli esitshabalalisayo.<br>'Asiphumi! Asoze siphume! Linga nje wena uza kubona!' zakhwaza zatsho iiorangutan ezincinane.<br>'Niyabona ke, ndiza kuqhuba mna ndilityhale ndilitshabalalise ikhaya lenu!' satsho isiduduli esidiliza sitshabalalise. | Kwakhona **ukudibanisa** kwam kundincede ndenza uqikelelo oluchanekileyo! Indlu yeorangutan encinane yesibini yatshatyalaliswa – kanye njengendlu yehagwana yesibini. |

| iTekisi | Ufundo lokuqala (Cinga ngokuvakalayo ) |
|---|---|
| Satyhala kwakanye ngamandla wee didli phantsi umthi. Zabaleka zombini iiorangutan ezincinane zisiya kufuna udade wazo. | |
| Emva kweenyanga ezimbalwa, emva kokudlala kamnandi zijinga emithini iiorangutan ezincinane ezintathu zeva umdumo oqhelekileyo wesiduduli esikhulu esikhohlakeleyo.<br><br>'Kodwa azivumelekanga nje iziduduli ezitshabalalisayo apha elugcinweni!' yatsho igorila yesithathu encinane. Zajinga zontathu zaya kufika elucingweni olungumda zisiya kukroba ukuba kwenzeka ntoni. Kwakukho isidududli esitshabalalisayo esikhulu, sizama ukungena ngaphakathi. | |
| 'Ziiorangutan ezincinane, ziiorangutan ezincinane,phumani apho kulo mthi!' sanyanzelisa isiduduli.<br><br>'Asiphumi! Asoze siphume! Khawulinge nje wena uza kubona!' zaphenduli zikhwaza zatsho.<br><br>'Niyabona, mna ndiza kuqhuba ndityhale ndilitshabalalise ikhaya lenu!' salumkisa njalo isiduduli. | Xa **ndidibanisa** oku nebali elithi, Iihagwana ezintathu, ndiyakwazi ukuqikelela ukuba zontathu iiorangutan ezincinane ziya kukhuseleka – kuba indlu yesithathu ayisayi kutshatyalaliswa. |
| Isiduduli sathi xa siqalisa ukuqhuba sibheke phambili, kwee gqi abantu bephethe iimpawu ezibhaliweyo. Bema boyama ucingo.<br><br>'Hamba umke apha! Shiya le ndawo yokugcina izilwanyana! Bakhwaza becula besitsho, de isiduduli sanyanzeleka ukuba sihamba. | **Ukudibanisa** kwam kundincede ndenza uqikelelo oluchanekileyo! Kuwo omabini amabali, indlu yesithathu yeyona yayomelele. Yayingatshabalaliseki. La mabali alandele ipatheni enye. |
| Iiorangutan ezincinane ezintathu zahlala ngokonwaba kwiNdawo yokuGcina iziLwanyana zaseNdle iSmenggoh. Zaba nethemba lokuba ikhaya lazo elitsha liya kuhlala liyindawo engumhlaba ongcwele kwisiduduli kude kube sekupheleni. | Kuwo omabini amabali, abalinganiswa baphila ubomi obumnandi ekugqibeleni. |

IVEKI 10

| **Imibuzo ebuzwayo** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
|---|---|
| Ngubani umlinganiswa omkhulu okhohlakeleyo kweli bali? | Sisiduduli esitshabalalisayo esikhulu esikhohlakeleyo. |
| Ngoobani abalinganiswa abathathu kweli bali? | Zii-orangutan ezintathu ezincinane. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Lifana ngantoni eli bali nebali elithi, *lihagwana ezintahtu?* | • Kukho abalinganiswa ‘abancinane abathathu’ kuwo omabini amabali.<br>• Kukho umlinganiswa okhohlakeleyo kuwo omabini amabali.<br>• Umlinganiswa okhohlakeleyo utshabalalisa izindlu ezimbini zokuqala kuwo omabini amabali.<br>• Umlinganiswa okhohlakeleyo akayitshabalalisi indlu yesithathu kuwo omabini amabali. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________________

1. Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 10**.
2. Cacisa uMsebenzi **wangoLwesibini woku 1** kwiklasi yonke.
3. Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4. Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5. Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6. Cacisa **uMsebenzi wangoLwesibini wesi 2** kwiklasi yonke.
7. Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8. Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9. Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesithathu

## Imiyalelo ye-Orali

15 imizuzu

### ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesiNgesi esithetha:
   - **a** Point – Khomba igama
   - **b** Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
   - **c** Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
   - **d** Say – yitsho igama kwisivakalisi

2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/Tshati yomxholo yamagama asekelwe kumxholo
   - abahlali bendawo
   - iyancipha
   - iyaphela

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Hagwana hagwana | *Khomba* |
| Niyaphi na hagwana | *Hamba ndawonye* |
| Sibheka ekudeni | *Khomba kude* |
| Niyokuthini apho | *Beka isandla esilevini* |
| Sifun'ukwakh'ikhaya | *Beka izandla emacaleni uphakamise ubeke kwelinye icala* |
| Nilumke hagwan'iyaqweng'ingcuka | *Vtweza amehlo uvule izandla ubuye uzivale okwamazinyo aluma into* |

### UBUGCISA BOKUBALISA IBALI

1 Yohlula bafundi babe ngamaqela abo amancinane.
2 Nika umfundi ngamnye imifanekiso yokwakha ibali ngobugcisa.
3 Umfundi ngamnye makajonge imifanekiso acinge ibali eliza kungena nkcakasana nemifanekiso leyo.
4 Nika abafundi umzuzu bakhe bacinge ngabaza kubhala.
5 Emva koko umfundi ngamnye uza kunikwa ithuba lokwabelana ngebali lakhe kwiqela.
6 Khumbuza abafundi ukuba amabali abo kumele anike umdla abemnandi, kwaye ahambelane nemifanekiso!
7 Abafundi mabanikane inzolo bamamelane amabali abo.
8 Babulele abafundi ngokwabelana ngamabali abo.

## Izandi zopelo: 15 imizuzu

### UkuHlaziya amagama

#### HLAZIYA AMAGAMA

1. Lungisa onotshezula bamagama ezandi ezifundiweyo
2. Phakamisa unotsheluza ubemnye ngexesha ucele umfundi omnye ngexesha ukuba afunde.
3. Ukuba umfundi akakwazi kufunda mncedisi abize isandi ngasinye segama

#### INKQUBO YEZANDI EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala ngesandla: 15 imizuzu

### Ukuhlaziya ukubhala oonobumba abatsha /amagama/ izivakalisi

1. Bonisa abafundi ukubhala izivakalisi ezifutshane ebhodini.
2. Bonisa abafundi ukuba isivakalisi siqala ngonobumba omkhulu siphele ngesingxi.
3. Abafundi mabakhuphele izivakalisi ezincwadini zabo.

Nali isela lilila.

Bona inunu ibaleka.

#### INDLELA YOKUBHALA EYENYE

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuBhala: 30 imizuzu

### Ukuyila nokudrafta

**ISIHLOKO:** Abafundi baza kucinga ngeezindlu zabalinganiswa babo abathathu.

**UMSEBENZI:** Zoba umfanekiso ze ubhale isivakalisi

**ISIWANGCISO/ ISAKHELO SOKUBHALA: …….. zenza izindlu zazo nge…… ne……..kwakunye……**

#### YENZA UMFUZISELO WOKUBHALA

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi baza kuzoba izindlu zabalinganiswa babo.
2. Yenza **umfuziselo** ubabonisa ukuba **ababhali bayacinga phambi kokuba babhale**.
3. Xelela abafundi iingcinga zakho umzekelo:iikatana zithanda izinto ezitofoto ezindlini zazo. Iikatana zakhe izindlu zazo ngezikipa ezidala, iingubo nemiqamelelo.
4. Yenza umfuziselo uzobe umfanekiso wendlwana yenye yonokatana.
5. Baxelele ngesivakalisi ocinga ukusibhala. **Zoba umgca ngaphantsi kwegama ngalinye** elikwisivakalisi, umzkl Iikatana zakhe izindlu zazo ngezikipa ezidala, iingubo nemiqamelelo.
6. Cima umzekelo wakho ebhodini. Ubacacisela ukuba lo ibingumzekelo wakho, ngoku baza kubhala eyabo imibhalo esuka kwingcinga zabo.

#### IMIYALELO YE-ORALI

1. Yithi vandla vandla nabafundi ngezixhobo zowakha eniza kuzisebenzisa.
2. Bhala la magama ebhodini, nje ngolu hlobo: amatye, amaplanga, izitena ,ingca
3. Buza abafundi: Zeziphi izixhobo abaza kuzisebenzisa ukwakha?
4. Yalela abafundi ukuba **bacinge phambi kokuba babhale**.
5. Chonga abafundi aba-2 ukuya kwaba – 3 bakuxelele: ngezixhobo abazikhethileyo
6. Kumele bathi: Abalinganiswa baza kwakha nge……..
7. Cacisa ngoku ukuba kufike ithuba lokuba umfundi ngamnye azobe ze afake iinkcukacha kumzobo wakhe!


#### UKUBHALA


1. Nika abafundi iincwadi zabo.
2. Njengokuba abafundi bebhala, hamba hamba apha phakathi kwabo **ubambe/ ugqibezele iingxoxo.** apho ubona imfuneko.
3. Abafundi mabakuxelele ngoko bakubhalayo
4. Ncedisa abafundi ukufaka iinkcukacha kwimizobo yabo.
5. Bakhuthaze abafundi.

**MABAGUQUKE BATHETHE**

1 Xa kusele imizuzu emi-2 ukuya kwemi-3 ,yalela abafundi bayeka ukubhala.
2 Abafundi **mabaguquke bathethe** noogxa babo ngemizobo yabo.

*Xhoma umsebenzi wababafundi **apho amehlo abo afika khona** kwigumbi lokufundela. Oku kunceda abafundi baqhubekeke beba neengxoxo ngomxholo.*



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala 30 imizuzu

**AMAQELA:** ____________________

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 10**
2 Cacisa uMsebenzi **wangoLwesithathu woku 1** ze ucacise kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesitathu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesine

## Izandi nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Ukwahlukanisa nokwakha amagama

**NDIYENZA**

1 Khetha amagama amabini abufana umz: **xola; xela**
2 Biza igama: **xola**
3 Calula/ hlahlela igama ngokwesandi ngasinye: **/x/** – **/o/** – **/l/** **/a/**
4 Biza isandi sokuqala: **/x/**
5 Biza isandi esilandelayo: **/o/**
6 Biza isandi esilandelayo: **/l/**
7 Biza isandi sokugqibela: **/a/**
8 Bonisa abafundi ukuhlanganisa izandi usakha igama
9 Qhuba le migaqo kwigama elilandelayo: **xela**

**SENZE**

1 Khetha amanye amagama amabini abufana umz: **yona; yena**
2 Biza igama: **yona**
3 Buza abafundi ukuba sithini isandi sokuqala: **/y/**
4 Buza abafundi ukuba sithini isandi esilandelayo: **/o/**
5 Buza abafundi ukuba sithini isandi esilandelayo: **/n/**
6 Buza abafundi ukuba sithini isandi sokugqibela: **/a/**
7 Libhale igama: **yona**
8 Yalela abafundi ukuba bahlanganise izandi bakhe igama kunye nawe
9 Qhuba le migaqo kwigama elilandelayo: **yena**

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ______________________________

Amagama: ______________________________

______________________________

## UkuFunda noTitshala:

15 imizuzu

### IsiFundo sesiBini

**IZAKHONO NOBUCHULE BOKUFUNDA: NDIYADIBANISA**


| **ITekisi**<br>**<u>Ii0rangutan ezintathu ezincinane</u>** | **Ufundo Lwesibini (Cinga ngokuvakalayo)** |
|---|---|
| Kudaladala, kwisiqithi eBorneo, kwakuhlala usapho lwee-orangutan. Iinqwelo ezidiliza zidudule zazithe chu zicoca ihlathi zikwatyala imithi yekofu, zithe chu ukucutha abahlali kweli hlathi.<br><br>Yayilusizi into yokuba uMama uOrangutan emkise abantwana bakhe.<br><br>'Ze niwakhethe kakuhle amakhaya enu! Kufuneka nizame ukusoloko nizikhusela kwiinqwelo ezidiliza zidudule nezitshabalalisa amahlathi ethu,' uMama uOrangutan watsho egwantye iinyembezi emehlweni. | **Ndiyakwazi ukudibanisa!** Kwibali elithi, *lihagwana ezintathu* kwakukho iNgcuka eNkulu ekhohlakeleyo. Kweli bali kukho iziduduli ezidilizayo ezikhulu! Omabini la mabali anabalinganiswa abakhohlakeleyo – kodwa ngabalinganiswa abohlukileyo! |
| Iiorangutan ezincinane ezintathu zajiwuza emithini eyayishiyekile, zihamba zihleka zaya kusithela. Kungekudala iorangutan yokuqala yaziva idiniwe. Yema ekupheleni kwehlathi kanye phambi kokufika kwindawo enkulu eyayisele icociwe.<br><br>'Ndiza kuhlala apha,' yatsho.<br><br>'kodwa le ndawo ayikho kude ngokwaneleyo!' watsho udade wayo, 'Ngokuqinisekileyo la nqwelo idudula ze itshabalalise iza kufika apha ilitshabalalise ikhaya lakho ukuba uhlala apha!' | Kwibali elithi, *lihagwana ezintathu* abalinganiswa bakhe izindlu zabo, kodwa kweli bali iiorangutan zifumene amakhaya emithini. Zonke zifuna amakhaya, kodwa amakhaya azo ahlukile. |
| Ezinye iiorangutan ezincinci, ezimbini zaqhubeka nehambo yazo zedlula kule ndawo. Kwakungekho mithi inka umthunzi, kungekho ndawo yokujinga.zaziva zishushu zikhathazekile.<br><br>'Ndilambile mna!' yatsho iorangutan yesibini. Ngelo xesha kanye yabona imithi yebhanana.<br><br>'Ndiza kuhlala apha, apho kukho iibhanana ezininzi, ndiza kuhlutha! Ndishushu kwaye ndilambile andinakugqithela phambili konke!' yatsho.<br><br>'Kodwa zininzi apha iinqwelo ezidudula zitshabalalise apha kule ndawo yeebhanana!' yatsho iorangutan encinci yesithathu. 'Akukhuselekanga apha!'<br><br>iorangutan yesibini ayizange isihoye eso silumkiso isinikwa ngudade wayo. | Xa **ndidibanisa** oku nebali elithi, *lihagwana ezintathu* ndiyayoyikisela iorangutan encinane yesibini, kuba ndiyayazi ukuba iza kutshatyalaliswa indlu yayo. |

| **ITekisi**<br>**<u>Ii0rangutan ezintathu ezincinane</u>** | **Ufundo Lwesibini (Cinga ngokuvakalayo)** |
|---|---|
| Yahamba, yahamba iorangutan yesithathu yada yafumana ihlathi elihle elishinyeneyo. Yafunda umbhalo owawusithi 'ISemenggoh ndawo yokugcina izilwanyana zasendle.'<br><br>'Lee ndawo iza kuba yeyona indifaneleyo!'yatsho. 'Azivumelekanga apha eza nqwelo zidudula ze zitshabalalise!'<br><br>Imilenze yayo yayiqaqamba ngenxa yokuhamba iintsuku, kodwa yayiqonda ukuba oko kwakungelo lize! | Xa **ndidibanisa** oku nebali elithi, Iihagwana ezintathu, ndiziva ndiyithemba iorangutan encinane yesithathu ngesigqibo sayo, kuba ndiyazi ukuba umntwana wesithathu ngoyena uqaphelayo. Ikhaya lakhe alingekhe litshatyalaliswe. |
| Kusasa ngosuku olulandelayo, iorangutan encinane yokuqala yavuswa ngumdumo oqhelekileyo wenqwelo enkulu, edudula ze itshabalalise. Yabukela njengoko imithi ejikelezileyo yayityhalwa ikhahlelwa phantsi emhlabeni. Ekugqibeleni, isiduduli safika kulo wayo umthi.<br><br>'iorangutan encinane, iorangutan encinane, phuma kuloo mthi!' sanyanzelisa isiduduli esitshabalalisayo. | Noxa omabini la mabali enabalinganiswa abakhulu abakhohlakeleyo, injongo yokudiliza kwabo izindlu yahlukile. Ingcuka enkulu ekhohlakeleyo yayifuna ukuzitya iihagwana, kodwa isiduduli esitshabalalisayo sona sitshabalalisa imithi. |
| Kwiiveki nje ezimbalwa ezilandelayo, emva kokufumana isidlo esimnandi sezona bhanana zinencasa, iorangutan yokuqala neyesibini zeva dumdum oqhelekileyo wesiduduli esikhulu, esitshabalalisayo. Ekugqibeleni isiduduli esitshabalalisayo seza kufika kowazo umthi.<br><br>'Ziiorangutan ezincinane, ziiorangutan ezincinane, phumani kulo mthi!' sanyanzelisa njalo isiduduli esitshabalalisayo.<br><br>'Asiphumi! Asoze siphume! Linga nje wena uza kubona!' zakhwaza zatsho iiorangutan ezincinane.<br><br>'Niyabona ke, ndiza kuqhuba mna ndilityhale ndilitshabalalise ikhaya lenu!' satsho isiduduli esidiliza sitshabalalise.<br><br>Satyhala kwakanye ngamandla wee didli phantsi umthi. Zabaleka zombini iiorangutan ezincinane zisiya kufuna udade wazo. | Owu yini! Ndinqwenela ukuba le patheni ibitshintshile ze indlu yeorangutan encinane yesibini ibe isindile! |

IVEKI 10

| ITekisi<br>**<u>Ii0rangutan ezintathu ezincinane</u>** | **Ufundo Lwesibini (Cinga ngokuvakalayo)** |
|---|---|
| Emva kweenyanga ezimbalwa, emva kokudlala kamnandi zijinga emithini iiorangutan ezincinane ezintathu zeva umdumo oqhelekileyo wesiduduli esikhulu esikhohlakeleyo.<br><br>'Kodwa azivumelekanga nje iziduduli ezitshabalalisayo apha elugcinweni!' yatsho igorila yesithathu encinane. Zajinga zontathu zaya kufika elucingweni olungumda zisiya kukroba ukuba kwenzeka ntoni. Kwakukho isidududli esitshabalalisayo esikhulu, sizama ukungena ngaphakathi. | Xa **ndidibanisa** oku nebali elithi, Iihagwana ezintathu, andibi naxhala, kuba ndiqinisekile ukuba iiorangutan ziya kukhuseleka kwikhaya lesithathu. |
| 'Ziiorangutan ezincinane, ziiorangutan ezincinane,phumani apho kulo mthi!' sanyanzelisa isiduduli.<br><br>'Asiphumi! Asoze siphume! Khawulinge nje wena uza kubona!' zaphenduli zikhwaza zatsho.<br><br>'Niyabona, mna ndiza kuqhuba ndityhale ndilitshabalalise ikhaya lenu!' salumkisa njalo isiduduli. | |
| Isiduduli sathi xa siqalisa ukuqhuba sibheke phambili, kwee gqi abantu bephethe iimpawu ezibhaliweyo. Bema boyama ucingo.<br><br>'Hamba umke apha! Shiya le ndawo yokugcina izilwanyana! Bakhwaza becula besitsho, de isiduduli sanyanzeleka ukuba sihamba. | Oo! Kweli bali kukho abantu abanceda ngokukhusela iiorangutan ezincinane. Oku kwahlukile kwibali elithi, *Iihagwana ezintathu.* |
| Iiorangutan ezincinane ezintathu zahlala ngokonwaba kwiNdawo yokuGcina iziLwanyana zaseNdle iSmenggoh. Zaba nethemba lokuba ikhaya lazo elitsha liya kuhlala liyindawo engumhlaba ongcwele kwisiduduli kude kube sekupheleni. | |

| **Imibuzo** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
|---|---|
| Zagqiba ukuba ziza kuhlala phi iiorangutan? | Iorangutan yokuqala encinane yagqiba ukuba iza kuhlala ekupheleni kwehlathi.<br>Iorangutan encinane yesibini yagqiba ukuba iza kuhlala kwiindawo enemithi yeebhanana.<br>Iorangutan encinane yesithathu yagqiba ukuba iza kuhlala eSemenggoh indawo egcina izilwanyana zasendle |
| Kutheni iiorangutan zingakhi izindlu njengeehagwana ezintathu? | Kuba iiorangutan zihlala emithini – azidingi zindlu. |
| **Imibuzo ekwiqondo eliphezulu efuna isizathu** | **Iimpendulo ezinokunikwa** |
| Lahluke njani eli bali kwibali elithi, Iihagwana ezintathu? | • Indawo eliqhubeka kuyo nesimo sentlalo sahlukile<br>• Abalinganiswa bahlukile<br>• Izinto ezisetyenziswayo njengezixhobo zokwakha izindlu zahlukile<br>• Indlela abalinganiswa abakhohlakeleyo abatshabalalisa ngayo izindlu yahlukile njl njl. |



## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala mizuzu

**AMAQELA:** ______________________________

**1** Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 10**.
**2** Cacisa uMsebenzi **wangoLwesine woku 1** kwiklasi yonke.
**3** Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
**4** Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
**5** Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
**6** Cacisa **uMsebenzi wangoLwesine wesi 2** kwiklasi yonke.
**7** Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
**8** Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
**9** Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

# Ngolwesihlanu

## Umsebenzi we-Orali

15 imizuzu

### AMAGAMA ASEKELWE KUMXHOLO ISIGAMA SOMXHOLO

1 Fundisa amagama usebenzisa iPATS, esi sisishwankathelo sesingesi sesiNgesi esithetha:
 a Point – Khomba igama
 b Act – bonisa igama ngentshukumo umzkl: baleka
 c Tell – xela (cacisa igama) umzkl: uthando
 d Say – yitsho igama kwisivakalisi
2 Xhoma amagama nemifanekiso kwiBhodi/ Tshati yamagama asekelwe kumxholo
 - gcina
 - ukundumzela
 - isinyanzelisi

| Umbongo okanye Ingoma | Intshukumo |
|---|---|
| Hagwana hagwana | *Khomba* |
| Niyaphi na hagwana | *Hamba ndawonye* |
| Sibheka ekudeni | *Khomba kude* |
| Niyokuthini apho | *Beka isandla esilevini* |
| Sifun'ukwakh'ikhaya | *Beka izandla emacaleni uphakamise ubeke kwelinye icala* |
| Nilumke hagwan'iyaqweng'ingcuka | *Vtweza amehlo uvule izandla ubuye uzivale okwamazinyo aluma into* |

### INGXOXO NGETEKISI YOKUFUNDA NOTITSHALA

1 Bhala isakhelo/ isicwangciso sengxoxo ebhodini:
 Eli bali liyafana nela bali le hagwana ezintathu ngoba………
 Eli bali llohlukile nela bali le hagwana ezintathu ngoba………
 Ndithanda eliya………. Ngoba…………..
2 Fundela abafundi okubhaliweyo kwisakhelo sengxoxo.
3 Yohlula abafundi babe **kumaqela amancinci**.
4 Xelela abafundi ukuba baza kunikana amathuba emaqeleni bephendula imibuzo kwisakhelo sengxoxo.
5 Abafundi mabakunike inzolo.
6 Chonga abafundi abambalwa abohlukeneyo okanye amaqela athile ukuba abelane ngeempendulo neklasi.
7 Ukuba iimpendulo ayizizo azichanekanga, zilungise.
8 Babulele abafundi ngeempendulo zabo.

## Izandi kunye nezandi zopelo: 15 imizuzu

### Ukufumana amagama

Bhala le tshati ebhodini enezandi ezifundiweyo, faka nezandi ozifundisileyo ngoLwesiBini noLwesiThathu.

| | | |
|---|---|---|
| **ch** | **k** | **f** |
| **a** | **i** | **e** |
| **g** | **j** | **z** |
| **u** | **t** | **s** |
| **q** | **x** | **v** |
| **m** | **o** | **bh** |

**BONISA ABAFUNDI**

1. Hlaziya izandi ezisebhodini
2. Yalela bafundi ukuba banemizuzu emithathu ukukwakha amagama kangako banako besebenzisa izandi ezisebhodini.

**ABAFUNDI BENZE**

1. Yalela abafundi bavule iincwadi zabo zokubhala
2. Yalela abafundi ukuba baqalise ukubhala
3. Nika abafundi imizuzu emithathu ukwakha amagama kangangoko banako
4. Nika abafundi ithuba lokwenza izilungiso kumsebenzi wabo
5. Cela abafundi bakunike amagama abawakhileyo, wabhale ebhodini

**INKQUBO YEZANDI EYENYE**

Isa(za)ndi: ____________________

Amagama: ____________________

____________________

## UkuFunda noTitshala: 15 imizuzu

### Emva kokuFunda

**ISAKHONO NOBUCHULE BENGQIQO NOKUQONDA: YENZA UNXULUMANO / SHWANKATHELA**

**UKUBALISA NGEBALI ELIFUNDIWEYO**

1 Cacisela abafundi ukuba baza kuthetha ngomba abawuthandileyo ebalini: **Ii0rangutan ezintathu ezincinane.**
2 Baza kuthetha nangonxulumano/udibaniso abalubonayo phakathi kweli bali neliya le *Hagwana ezintathu*
3 Yenza **umfuziselo** ubonisa abafundi ukuphendula isivakalisi esi 1 – ukuya kwezi – 2 ngolu hlobo:**Ndithandile ngokuya abantu beza bezo kunceda iiorungatan. Oku kwahlukile kwela bali le hagwana, kodwa ndiyadibanisa ukuba ekugqibeleni zonke zakhuseleka.**
4 Babonise imifanekiso kwiNcwadi eNkulu. Yalela abafundi ukuba bajonge imifanekiso ze bacinge ngokwenzekileyo. Abafundi mabacinge okwenzekayo kwimifanekiso.
5 Yalela abafundi bacinge **ngabakuthandileyo** kwa **nonxulumano kwibali le Hagwana ezintathu.**
6 Cela abafundi aba – 2 ukuya kwaba – 3 ukuba **babelane** ngezimvo zabo neklasi. **Nceda** abafundi bathethe ngezivakalisi eziphelelevo bazigqibezele izivakalisi.
7 Cacisa ulungise iimpazamo ezifanayo kubafundi.
8 Yalela abafundi **baguquke bathethe** besabelana **ngezimvo zabo** zebali nabalingane.

***(Abafundi mabanike izimvo zabo bangafuni ukuthetha okanye ukulinganisa oko bekutshiwo nguTitshala!)***

## UkuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala mizuzu

**AMAQELA: ____________________________**

1 Hlalisa phantsi iklasi yonke ze bakhuphe **iPhepha LoMsebenzi wokuFunda 10**
2 **C**acisa uMsebenzi **wangoLwesihlanu woku 1** kwiklasi yonke.
3 Biza iqela lakho lokuqala lize kusebenza nawe.
4 Emva kwemizuzu eli – 15, iqela malibuyele ezidesikeni zalo.
5 Yenza **uMsebenzi wokuFunda wokuTshintsha amaqela**.
6 Cacisa **uMsebenzi wangoLwesihlanu wesi 2** kwiklasi yonke.
7 Biza iqela lakho lesibini lize kusebenza nawe.
8 Gcwalisa itrekha yakho ukubonisa amaqela owamameleyo, netekisi efundiweyo.
9 Nika ingqwalasela kutshintsho olufuneka lwenziwe kumaqela okufunda okanye kwimisebenzi ekufuneka inikwe amaqela.

## Inkqubo yohlaziyo kufundo loLwimi ekupheleni kweveki

15 imizuzu

1 Hlalisa abafundi bakho emethini ekupheleni kosuku.
2 Yenza uhlaziyo lwezifundo zolwimi zeveki nabafundi bakho. Oku kungaquka uLwmi Lwasekhaya noLwimi Olongozelelweyo Lokuqala. Unokukhetha ukudibanisa uLwimi LwaseKhaya noLwimi OloNgezelelweyo LokuQala kolu hlaziyo.
3 Khumbula ukunika abafundi ithuba lokuguquka bexoxa noogxa babo ngeempendulo.
4 Chonga abafundi abambalwa ze ubanike ithuba lokwabelane ngeempendulo zabo neklasi.
5 Sebenzisa le mibuzo ilandelayo ukuqhuba iingxoxo:
   a **Ibiyintoni umxholo wethu kule veki?**
   b **Ngawaphi amabali esiwafunde sonke kunye?**
   c **Ngawaphi amagama amatsha owathandileyo kule veki?**
   d **Ufunde ntoni kula mabali afundiweyo?**
   e **Sibhale ngantoni kule veki?**
   f **Ukuphucule njani ukubhala kwakho kule veki?**
   g **Ukuphucule njani kufunda kule veki?**
   h **Yintoni ozingca ngayo kakhulu kule veki?**
6 Okokugqibela xelela abafundi ukuba bacinge ngezinto zibe mbini abaza kuzixelela usapho lwabo njengabazifundileyo okanye abaziphucule kuzo kule veki. abazixelela usapho lwabo.

*Qaphela: Le nkqubo yohlazyio loLwimi ibaluleke kakhulu ekufundeni nokuphucula ulwimi. Nceda ungawuqakathi lo msebenzi weveki nganye. uyithathele ingqalelo uyenze rhoqo ngeveki nabafundi bakho.*